IsiXhosa

ULwimi Lwasekhaya neZakhono zoBomi

3

Ikota 3



INcwadi kaTitshala

Funda Wande
Reading for Meaning

3

Ikota 3

IsiXhosa

ULwimi Lwasekhaya neZakhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwasekhaya kunye neZakhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imifanekiso:
Sibulela kakhulu ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efumaneka kule ncwadi.

Iqweqwe: **Anja Stoeckigt**

Eminye imifanekiso izotywe ngu:
Crazy Cat: iphepha 30 nele-104;
Patrick Latimer: iphepha 29, 31, 35, 43, 45, 47, 49, 53, 54, 77 nele-101;
Jiggs Snaddon-Wood: iphepha 31, 33, 41, 55, 62, 57, 89 nele-127;
Alex Latimer: iphepha 67, 91, 101, 103, 125, 127, 129, 131 nele-133;
Rassie Erasmus: amagama ezandi.

Iikhredithi zeefoto:
Funda Wande Media Team: zonke iifoto ezithathwe ezikolweni naseziklasini; Iphepha 29: **Claude Monet** (*Impression: Sunrise)*, **iStock:** Iphepha 33: **Denis Kabanov** (Gautrain), Iphepha 65: **DEBOVE SOPHIE** (fever tree), Iphepha 67: **mischach** (Knysna forest), Iphepha 69: **andiikoval** (sapling), **AndreaWillmore** (aloe ferox), **R Rees** (baobab tree), Iphepha 71: **Dr Jurgen Bockynek** (marula tree), **IMNSTURE** (marula fruit), **amuel howell** (kei apples), Iphepha 73: **tifonimages** (paper mill), Iphepha 79: **Johan Karisson** (wood burning stove), **Augustin Val** (old milk jug), Iphepha 81: **Karin de Mamiel** (shoes made from tyres), Iphepha 83: **MWayOut** (Zulu men), **sundrawalex** (18th century European woman); **Gallo Images:** Iphepha 37: **Misha Jordaan** (Two Oceans Aquarium – clownfish), **Jaco Marais** (Two Oceans Aquarium – stingray), Iphepha 61: *Beeld* (Wangari Maathai), **Stephane Mahe** (Virgil Abloh), Iphepha 103: **Sovfoto/Contributor** (Laika the space dog); **Road Traffic Management Corporation and Arrive Alive:** Iphepha 43 (road signs); **WikiCommons:** Iphepha 69: **Divet Dilman** (fever tree), Iphepha 77: **Olli1800** (BMW 525i by Dr Esther Mahlangu), **Freddejager** (painted homestead by Dr Esther Mahlangu), Iphepha 81: **nickCB** (veldskoen), Iphepha 91: **Jean-Pierre Dalbéra** from the Musée de quai Branly (wooden headrest), Iphepha 113: **Falcon Heavy Demo Mission** (spaceship blasting off); **Shutterstock:** Iphepha 56: **Greta Thunberg**, Iphepha 67: **Tish1** (spekboom), Iphepha 112: **Fram Stock Footage** (space debris); **Giraffe Project Heroes:** Iphepha 55 (Yola Mgogwana); **WikiHow:** Iphepha 80 (how to make shoes); **Design Indaba: Woza Moya Crafters:** Iphepha 77 (*Dreams for Africa* chair); **Brooklyn Museum Costume Collection** at The Metropolitan Museum of Art, Gift of the Brooklyn Museum, 2009, Gift of Herman Delman, 1994: Iphepha 79: (Baroque shoes); **Smithsonian National Postal Museum:** Iphepha 79 (Jan E. Matzeliger stamp); **Henry Ford Museum:** Iphepha 81 (Ford quadricycle); **Rogers Fund:** Iphepha 81 (papyrus sandals from Ancient Egypt); **The Metropolitan Museum:** The Michael C. Rockefeller Memorial Collection, Gift of Nelson A. Rockefeller, 1972: Iphepha 93 (Benin bronze horn player), Bequest of Alice K. Bache, 1977: Iphepha 93 (Benin bronze head of an Oba); **The Trustees of the British Museum:** Iphepha 95 (beaded anklet and beaded apron, and clay pot and pottery bowls); **National Aeronautics and Space Administration:** Iphepha 113 (astronaut Kayla Barron and astronauts in zero gravity), Iphepha 115 (astronaut Mae Jemison), **NASA Earth Observatory image by Robert Simmon**, using Suomi NPP VIIRS data provided courtesy of Chris Elvidge (NOAA National Geophysical Data Center). Suomi NPP is the result of a partnership between NASA, NOAA, and the Department of Defense: Iphepha 121 (Earthrise); Leonard C. Hanna, Jr. Class of 1913, **Fund:** Iphepha 115: (*Starry Night* by Jean-François Millet); **Flickr:** Iphepha 115: **famile.sebile** (cosmonaut Tuân Pham); **Blue Origin:** Iphepha 115 (NS-16 spaceship launching); **Library of Congress:** Iphepha 117 (*A fairy moon and a lonely star* by Hiroshige Utagawa); **Google Art Project:** Iphepha 119 (*The Starry Night* by Vincent van Gogh).

Umbulelo ongazenzisiyo kuJoanne Bloch ngemvume yokusebenzisa iifoto zikaRobert Mazibuko ezikwiphepha lama-57 nelama-59.

Yonke eminye imifanekiso ibonelelwe ngokusetyenziswa kwepremium ngu-**Freepik**, **Rawpixel** kunye no-**Pexels**.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-998960-40-8

Version 1: 2023

Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo:
Funda Wande, isiXhosa ULwimi Lwasekhaya neZakhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, Ibakala 3, Ikota 3, CC BY 4.0.

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/

Isiqulatho

Ii-ayikhoni nezishunqulelo ..... **iv**

Inkqubo ehlanganisiweyo yoLwimi lwaseKhaya neZakhono zoBomi **1**

Isicwangcizo zeveki, iKota yesi-3 1

Isicwangciso seKota yesi-3 2

Isicwangciso sovavanyo, iKota yesi-3 4

Inkqubo yokuFunda ehlanganisiweyo – indlela yeFunda Wande **5**

Ukufundisa uLwimi lwaseKhaya **6**

Ukuphulaphula nokuthetha 6

Izandi 7

Ukubhala ngesandla 8

Ixesha elibekelwe lokufunda nokubhala 10

Izifundo zokufunda 10

Izifundo zokubhala 18

Ukufundisa iZakhono zoBomi **21**

ULwazi olusiSiseko 21

EzobuGcisa 23

EzemiThambo 24

Iveki yoku-1 Ukuhlala ukhuselekile 26

Iveki yesi-2 Ukuhlala ukhuselekile 38

Iveki yesi-3 Ungcoliseko 50

Iveki yesi-4 Ungcoliseko 62

Iveki yesi-5 Indlela ababephila ngayo abantu mandulo 74

Iveki yesi-6 Indlela ababephila ngayo abantu mandulo 86

Iveki yesi-7 Emajukujukwini 98

Iveki yesi-8 Emajukujukwini 110

Iveki ye-9 Okunye malunga nendlela ababephila ngayo abantu mandulo 122

Iveki ye-10 Ukubethelela nohlaziyo 134

Uvavanyo lweKota yesi-3 ..... **136**

ULwimi lwaseKhaya: isicwangciso sovavanyo oluqhubekayo nolusesikweni, iKota yesi-3 136

Ukuphulaphula nokuthetha Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 138

Izandi Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 139

Ukufunda ngengqiqo Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 140

Ukubhala ngesandla Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 141

Ukubhala Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 142

ULwimi lwaseKhaya ikota yesi-3, iphepha lamanqaku 143

IZakhono zoBomi: Isicwangciso sovavanyo oluqhubekayo nolusesikweni, iKota yesi-3 144

ULwazi olusiSiseko kunye noPN Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 146

EzobuGcisa obubonwayo Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 147



EzobuGcisa beqonga Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 148

Ezemithambo iirubhrikhi Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo 149

IZakhono zoBomi, ikota yesi-3, iphepha lamanqaku 150

Ii-ayikhoni nezishunqulelo


ULwimi lwaseKhaya

	Ukufundelwa ngutitshala / iOrali
	Ukufunda
	Izandi
	Ukubhala
	Ukufunda ngamaqela
	UMsebenzi Owenza Wedwa

IZakhono zoBomi

	ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha nentlalo
	Ezobugcisa beqonga
	Ezemithambo

Ii-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY

		
Bhala	Faka imbala okanye zoba	Sika

Ushunqulelo olusetyenzisiweyo

Incwadi kaTitshala – NT
INcwadi Yomsebenzi Yomfundi – NYY
UkuFunda ngamaQela – FQ
UkuziPhatha neNtlalo – PN
ULwazi olusisiSeko – LS
ULwimi lwaseKhaya – LK
UkuFunda ngabaBini – FB
Umsebenzi Owenza Wenza – MOW
Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso-maxesha soLwimi lwaseKhaya, ubuncinane bexesha

*Ibonisa amaphepha akwiNYY

Ixesha Ngosuku	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
10 imiz	**Ixesha lolawulo: Irejista/ikhalenda/usuku lokuzalwa/izibhengezo**				
I iyure 30 imiz	**IZIBALO**				
1 iyure 35 imiz	**UKUBHALA NOKUFUNDA**				
15 imiz	Iorali: Iindaba	Iorali: Ukuphulaphula nokuthetha	Iorali: Ukuphulaphula nokuthetha	Iorali: Ukuphulaphula nokuthetha	Iorali: Ukuphonononga iveki
UTSHINTSHO: Iola iipensile, ukhuphe iincwadi, umthambo wezandla					
10 imiz	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi A. Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo B. Ubizelo
10 imiz	*Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla
UTSHINTSHO: Isicengcelezo/ingoma eneentshukumo					
15 imiz	Ukufunda: Utitshala ufunda ngokuvakalayo	Ukufunda notitshala: Ukufunda ngengqiqo	Ukufunda notitshala: Isigama	Ukufunda notitshala: A. Ulwimi B. Ukuziqhelanisa notyibiliko*	Ukufunda: Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa
15 imiz	IsiNgesi uLwimi lokuqala olongezelelweyo	*Ukubhala: Ukufunda ngengqiqo	*Ukubhala: Isigama	*Ukubhala: Ulwimi	*Ukubhala wedwa
UTSHINTSHO: Ukuzolula nokuzishukumisa umzimba. iqela liya emethini ukulungiselela ukuFQ					
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
(30 imiz ihamba nokuFQ)	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa
45 imiz	**IsiNgesi ulwimi lokuqala elongezelelweyo**				
1 iyure 25 imiz	**IZAKHONO ZOBOMI**				
30 imiz	*ULwazi olusiSiseko	*ULwazi olusiSiseko	*ULwazi olusiSiseko	*ULwazi olusiSiseko ukuphinda ujonge umxholo	Iincwadi yeDBE Iphepha leZakhono zoBomi iphepha loLwimi lwaseKhaya
UTSHINTSHO: Imithambo yokuphefumla, nikezela izixhobo					
30 imiz	EzobuGcisa obubonwayo Ulwazi lokufunda nokubhala Nokwenza imifanekiso ebonwayo*/ Owenziwayo	Ezobugcisa obubonwayo Owenziwayo	Ezobugcisa beqonga	Ezobugcisa beqonga	
UTSHINTSHO: Ukutshintsha impahla, ukuphuma phandle, ukunikezela ngezixhobo					
25 imiz	Ukulungiselela ezemithambo **(30 imiz)**	Izitishi zemisebenzi yezemithambo	Izitishi zemisebenzi yezemithambo	Izitishi zemisebenzi yezemithambo	Izitishi zemisebenzi yezemithambo

Isicwangciso sekota yesi-3

Iveki	Umxholo	Ukufunda ibali ngokuvakalayo	Ukufunda ibali notitshala	Umsebenzi wokufunda wedwa	Izandi
1	Ukuhlala ukhuselekile	Intambo ebaleka umbane	Ubusuku endingasokuze ndibulibale	Ibali ngokwenzekileyo: Usuku lwesikolo olukhethekileyo; Ukuyoliswa ngosuku lokuzalwa; Uhambo; Iakhwariyam	dy, ndy
2	Ukuhlala ukhuselekile	IHemu	Usuku endingasokuze ndilulibale	Usuku olukhulu – ibali elahlulwe kane ngokhuseleko kumdlalo webhola ekhatywayo	rhw, ngw
3	Ungcoliseko	Abantwana bangenza umahluko kokusingqongileyo	Umlambo uMgeni	Amaqwawe eZendalo (*Eco warriors*): uGreta Thunberg, uAyakha Melithafa, uWangari Maathai, uRobert Mazibuko	nkq, tsw
4	Ungcoliseko	Umthi weziqhamo onomlingo	Umlambo uMgeni	Imithi yeplanethi: eyotshintsho lwemozulu, eyamaphepha, eyamayeza, eyokutya	tyh, ndyw, dy
5	Indlela ababephila ngayo abantu mandulo	Izinto ezisemyuziyam	Umthungi wezihlangu	Izinto mandulo nangoku: izihlangu, iimoto, iimpahla, umbane	nkq, ngxw, njw
6	Indlela ababephila ngayo abantu mandulo	Izinto umakhulu wam awazixelelwa ngumakhulu wakhe	Umthungi wezihlangu	Iileta zexesha eladlulayo: Into yokubeka intloko, *iBenin Bronzes*, umsebenzi wamaso, iimbiza zomdongwe	ntyw, nts
7	Emajukujukwini	Emajukujukwini	UMandisa nenyanga	Abantu nezinto emajukujukwini: izilwanyana, abantu, iisathelayithi, inkunkuma yasemajukujukwini	ndy, rhw, tshw
8	Emajukujukwini	Ukubhabhela kufutshane nelanga	UMandisanenyanga	Imisebenzi emine yobugcisa ebonisa isibhakabhaka ebusuku	ngw, ngc
9	Okunye malunga nendlela ababephila ngayo abantu mandulo	Isikolo mandulo	Oomakhulu kunye nabazukulwana (umdlalo)	Idayari kaKhanya yemihla ngemihla eqalwe kwiKota yesi-2 iyaqhubeka	-ana, -kazi, ndw, tyh
10	Ukubethelela				

Ulwimi nengqiqo	Ukubhala	Ulwazi olusiSiseko noPN	EzobuGcisa: Obubonwayo	EzobuGcisa: Beqonga	Ezemithambo
Imibuzo eveza imo ebalini: ubani, nini, phi, ntoni	Ibali ngokwenzekileyo: Usuku endingasokuze ndilulibale (imihlathi emibini, ixesha elidlulileyo, ilizwi esithethi)	YFF: Ukuhlala ukhuselekile Ukulumkela iintambo ezibaleka umbane Ukhuseleko lomlilo emakhaya	Iziko lokubonisa imisebenzi yobugcisa: Iindawo zogxininiso (ekugxilwe kuzo)	Ukulinganisa isimo esinga-khuselekanga emakhaya	Utitshala ukhetha imisebenzi emi-4 yale veki
Amagama olandelelwaniso: kuqala, okulandelayo, emva koko, ekugqibeleni	Ibali ngokwenzekileyo: Usuku endingasokuze ndilulibale (imihlathi emibini, ixesha elidlulileyo, ilizwi lesithethi)	Izinto eziyingozi limpawu zokhuseleko – ukuzitshatisa nokuziyila	Into epeyintiweyo enendawo ekugxilwe kuyo	Cula ushukumele ingoma yase Mzantsi Afrika	
Ukuchonga nokushwankathela amanyathelo kwinkqubo	Ndiwupakisha kanjani ubhaka wam wesikolo (Inkqubo yeflowu tshati)	YFF: Ungcoliseko Ukucoca inkunkuma nohlalutyo	Ukuxabisa ezobuGcisa: Iipatheni noshicilelo – ezisuka kwindalo	Isivalakisi sentshukumo kumanqanaba ahlukileyo	
Ukuchonga nokushwankathela amanyathelo kwinkqubo Izihlanganisi	Lenziwa njani iphepha (inkqubo yeflowu tshati esekelwe kwisicatshulwa)	Usuku lokutyala imithi Ukutyala imithi ukulwa ungcoliseko Tshintsha iflowu tshati ibengumbhalo	Yenza umfanekiso wosuku lokutyala imithi	Yenza ulinganiso olulandelelanayo Linganisa ibali	
Amagama olandelelwaniso (hlaziya) Izihlanganisi	Indlela yokwenza izihlangu (inkqubo yebali kwiflowu tshati)	YFF: Indlela ababephila ngayo abantu mandulo Ukutyelela emyuziyam Izinto zamandulo	Iziko lokubonisa imisebenzi yobugcisa: Iipatheni kubugcisa baseAfrika	Umdlalo weqela	
Amagama olandelelwaniso (hlaziya) Izihlanganisi	Into yamandulo (inkcazelo, ixhesha lentetho elidlulileyo	Inkqubo yeTeknoloji – ukuyila, ukwenza, ukuvavanya, thetha ngezihlangu	Yila uze uzobe iipatheni eziphinda-phindiweyo zaseAfrika	Umdlalo weqela	
Izivakalisi ezide/ izihlanganisi	Iphupha lam (umbhalo wam)	YFF: Emajukujukwini Inkqubo yesola Ukuchonga kwimikhondo	Iimilo kwezobugcisa – ezejiyometri nezendalo Isijingisi senkqubo yesola	Ukwenza izivakalisi zentshukumo – emajukujukwini	
Izivakalisi ezide/ izihlanganisi	Ibali ngephupha: (imihlathi emithathu, ukubhala ngobuchule, isiqalo, umbindi, isiphelo)	Oosomajukujuku Abahloli bamajukujuku Gqibezela itheyibhile	Isijingisi senkqubo yesola	Ukushukumela umculo	
Imo yomdlalo	Incoko phakathi kotatomkhulu/ umakhulu nomzukulwana	YFF: Okunye malunga nexesha lamandulo Isikolo, mandulo nangoku	Isakhelo somfanekiso esiyi-3D esineepatheni	Umdlalo weqela	

Isicwangciso sovavanyo, Ikota yesi-3

Iveki yesi-4	Lwesihlanu	Ukubhala 1: Inkqubo	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT iph 72
Iveki yesi-6	Lwesibini–Lwesihlanu	Ukuphulaphula nokuthetha 1: Ukubonisa – Into yamandulo	IORALI	NT amaph 90, 92, 94
	Lwesibini	UkuPhulaphula nokuthetha 2: Ukumamela ngengqiqo – Izinto umakhulu wam awazixelelwa ngumakhulu wakhe	NYY iph 115	NT iph 78
	Mvulo–Lwesibini	Ezobugcisa obubonwayo 1: Ipatheni yobugcisa baseAfrika.	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT amaph 89, 91
	Lwesithathu, Lwesine	Ezobugcisa beqonga 1: Umdlalo wamaqela	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT amapha 93, 95
	Lwesihlanu	EzemiThambo 1: Imidlalo	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT iph 97
Iveki yesi-7	Lwesibini-Lwesine	UkuPhulaphula nokuthetha 1: Ukubonisa – Into yamandulo (kuyaqhubeka)	IORALI	NT amaph 102, 104, 106
	Lwesibini	Izandi 1: Gqibezela izivakalisi	NYY iph 139	NT iph 102
	Lwesibini	Ukufunda 1: Ukufunda ngengqiqo – uMandisa nenyanga	NYY iph 140	NT iph 102
	Lwesithathu	ULwazi olusiSiseko 1: Ndiyeyiphi iplanethi?	NYY iph 147	NT iph 105
Iveki yesi-8	Mvulo–Lwesihlanu	Ukufunda 2: Iorali Ukufunda ngokuvakalayo (FQ)	IORALI	NT amaph 113, 115, 117, 119, 121
	Lwesibini–Lwesihlanu	Ezemithambo 2: Ukuxhathisa	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT amaph 115, 117, 119, 121
	Lwesithathu	Ulwazi olusiSiseko 2: Ukufuna amanqaku ngohambo lwasemajukujukwini	NYY iph 165	NT iph 117
	Lwesine–Lwesihlanu	Ukubhala 2: Ibali ngephupha	INCWADI YOMSEBENZI	NT amaph 118, 120
	Lwesihlanu	Ukubhala ngesandla 1: Ukubhala ngokudibanisa oonobumba nendlela yokubadibanisa	NYY iph 153	NT iph 120
	Lwesihlanu	Izandi 2: Ubizelo	NYY iph 169	NT iph 120



Inkqubo yokuFunda ehlanganisiweyo – indlela yeFunda Wande

Inkqubo yeFunda Wande idibanisa uLwazi lokufunda nokubhala loLwimi lwaseKhaya kunye neZakhono zoBomi. Ikwenza oku ngokusebenzisa imixholo eqhelekileyo kunye nezicwangciso zezifundo ezihlanganisiweyo, nangokusebenzisa ngokutsha isigama esingundoqo.

Ukwenzela ntoni?

- Ukwandisa nokongeza ubunzulu kuzo zombini izifundo.
- Ukuqinisekisa ukuba zonke izakhono zolwimi zifundwa kwimeko enentsingiselo yomxholo ofanelekileyo.
- Ngaxeshanye yenze nzulu umxholo kunye nolwazi lwengqiqo ngomxholo weZakhono zoBomi.
- Yandisa, yenze nzulu kwaye isebenzise ngokutsha isigama esingundoqo.
- Ukwenza nzulu ukuqonda imixholo kunye nendlela ezinxibelelana ngayo enye kwenye ukuphucula ukufunda ngengqiqo kunye nobuchule bezemfundo ngokubanzi.
- Konke ukufunda kunzulu, kunentsingiselo ngakumbi kwaye kufanelekile.

Njani?

- Utitshala wenza uphando ngezihloko ezichazwe kwikharityhulam ukuqinisekisa ukuba ukufunda okutsha akukhelelwanga nje phezulu.
- Uyaziqonda izihloko ezingundoqo ezibandakanyekayo kunye neziphumo okanye iinjongo zomxholo.
- Isihloko saziswa kwisifundo seZakhono zoBomi, nokuba kusetyenziswa umlomo okanye kusetyenziswa isicatshulwa sokufunda esinika ulwazi oluyinyani.
- Ukufunda ngokuvakalayo, ukufunda notitshala kunye nezicatshulwa zokufunda wedwa, ezinxulunyaniswa nesihloko, zibonelelwe ngenjongo yokuziqhelanisa nokufunda.
- Izifundo zezakhono zobomi ziphuhlisa ngakumbi imixholo emitsha, isigama esitsha nezakhono ezinxulumene nesihloko.
- Izifundo zolwazi lokufunda nokubhala ziphuhlisa ngakumbi izakhono zomlomo, zokufunda, ukubhala nolwimi kuloo mxholo.
- Imisebenzi yokufunda nokubhala kuzo zozibini izifundo zisebenzisa ngokutsha kwaye zibethelela isigama esitsha.

UMJIKELO WENKQUBO YOKUFUNDA EHLANGANISIWEYO

1. Utitshala wenza nzulu ulwazi lwakhe ngomxholo ngokwenza uphando. →
2. Utitshala ulandela izicwangciso zezifundo ezakhiwe malunga nomxholo. →
3. KwiZakhono zoBomi izihloko ezitsha, izakhono kunye nesigama ziyafundisiwa. →
4. KuLwazi lokufunda nokubhala, abafundi bafunda izicatshulwa ezinxibelelene nomxholo. Wonke umsebenzi wolwimi usekwe kwezi zicatshulwa. →
5. Kuzo zombini ezi zifundo imixholo ebalulekileyo nesigama zisetyenziswa okutsha kwaye ziyabethelelwa. →
6. Izakhono kuzo zombini izifundo ziyaphuculwa.

Ukufundisa uLwimi lwaseKhaya

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA 15 imiz

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zokuphulaphula
- Ukuphuhlisa izakhono zokuthetha

Njani?

Iindaba zempelaveki (**Mvulo**) →
Izakhono zokuphulaphula nokuthetha (**Lwesibini**) →
Izakhono zokuphulaphula nokuthetha (**Lwesithathu**) →
Izakhono zokuphulaphula nokuthetha (**Lwesine**) →
Ukuphnononga iveki (**Lwesihlanu**)

Cinga, Ngababini, Yabelana ngendlela yokusebenza

- Abafundi mabahlale emethini. (kungangcono)
- Utitshala unika umsebenzi.
- **Cinga:** Cinga *ngokuthe cwaka* (1 imiz).
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iingcinga zakho. Phulaphula ezakhe iingcinga (5 imiz).
- **Yabelana:** Abafundi abakhethiweyo bacelwa ukuba babelane neklasi ngeengcinga zabo (5 imiz).
- **Phendula:** Utitshala ubonisa indlela yokucela ingcaciso ngokuthobekileyo. Abafundi bayafunda kwaye baziqhelanise nezi zakhono.

Umxholo

Kwiiveki 1–8 kuza kubakho amabali ngamava wabo, iingxoxo ngodliwano-ndlebe nabantu abadala, ukubonisa ngezinto zamandulo, ukuphinda abalise ibali, nokuphendula imibuzo evulelekileyo (imibuzo enempendulo ezingenaye u-hayi okanye u-ewe). Kwiveki ye-9 kuza kubakho ingqalelo ngokumamela, nokulinganisa umdlalo wokufunda nencoko.



IZANDI 15 imiz

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa ulwazi lobudlelwane loonobumba nezandi kumxholo wamagama.
- Ukusebenzisa olu lwazi ukudibanisa nokuqhawula izandi xa efunda naxa ebhala.
- Ukufunda ukupela amagama ali-10 ngeveki.
- Ukuqaphela amagama abonwa rhoqo/amalungu amagama aqhelekileyo ngokufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Ikharityhulam yezandi yeBanga lesi-3

Kwikota yoku-1, hlaziya izandi ezifundisiweyo kumabanga angaphambili.

	Iveki yoku-1	Iveki yesi-2	Iveki yesi-3	Iveki yesi-4	Iveki yesi-5	Iveki yesi-6	Iveki yesi-7	Iveki yesi-8	Iveki ye-9	Iveki ye-10
Ikota yoku-1	Uvavanyo olusisiseko Uhlaziyo	Uhlaziyo	nt; ntw	nk; nkw	kh; khw	nx; nxw	gc; gcw	hl; hlw	mb; ty	Ukubethelela
Ikota yesi-2	Uhlaziyo	kw; tw	gw; jw	qw; zw	nz; nq	gq; gx	qh; ty	oo; ii	kw; jw	Ukubethelela
Ikota yesi-3	Uhlaziyo	ny; ts	nw; kr	qw; mf	ndl; ngc	ngq; nts	tsw; xhw	krw; ngx	ngxw; nkq	Ukubethelela
Ikota yesi-4	Uhlaziyo	mp; mv	ncw; ndw	ngc; ngq	nkq; nkx	nkc; qhw	ntl; nts	ngx; ngw	Uhlaziyo	Ukubethelela

Njani?

Ukuqaphela isandi ngokukhawuleza (Qakatha iintsuku, wenze imizuzu emi-2)

- Injongo kukuphuhlisa ukuqondwa kwesandi okuzenzekelayo nangokuchanekileyo.
- Ngokukhawuleza, bonisa oonotsheluza bezandi esele zifundisiwe (okanye ubakhombe edongeni okanye ebhodini.)
- Umfundi ngamnye, amaqela okanye iklasi yonke ibiza isandi.

Amagama abonwa rhoqo (ngexesha lokuFQ)

- Uluhlu olubekwe ngokwezikhundla lwamagama abonwa rhoqo kwisiXhosa lunokufumaneka emva kule Ncwati kaTitshala. La ngamagama ekufuneka abafundi bakwazi ukuwafunda ngokuzenzekelayo ekupheleni konyaka.
- Bhala amagama **abonwa rhoqo** ebhodini okanye koonotsheluza.
- Fundisa la magama **njengamagama aphelelelyo**.
- Funda rhoqo, umz. koonotsheluza. Eleke nifunda yenyusa isantya. Utshintshe indlela alandelelana ngayo.

Imisebenzi yeNYY (yonke imihla)

- INYY inamaphepha emisebenzi yokuziqhelanisa kusetyenziswa izandi esele zifundisiwe.
- Hamba-hamba uncedise. Nika eminye imiyalelo ngexesha lokuFQ ukuba kuyimfuneko. Korekisha izivakalisi zabafundi.
- Jongani iimpendulo niyiklasi.

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Qakatha ooLwesihlanu)

- Ngababini. Iqabane ngalinye linamathuba amathathu okufunda ngomzuku o-1.
- Utitshala ubeka umzuzu, akhwaze, “qala” kunye no-“yima”.
- Umfundi ubiyela igama lokugqibela alifundileyo.
- Emva koko, utitshala ufunda onke amagama.
- Abafundi bayajonga beze babale amagama afundwe ngokuchanekileyo. (Thabatha amagama angachanwanga.)
- Khuthaza abafundi benze ngcono.

Ubizelo (Qakatha ooLwesihlanu)

- Ubizelo luvavanya ulwazi lwabafundi lokupela amagama ezandi kunye nokubhala izivakalisi.
- Biza igama ngokucacileyo nangokucothayo. Liphinde kube kanye kuphela.
- Nika abafundi ithuba lokubhala igama, mababhale ngeyona ndlela icacileyo.
- Jonga ulungise: Bhala igama okanye isivakalisi ebhodini ukuze bazimakishe.
- Ukuba igama alipelwanga ngokuchanekileyo, abafundi babhala igama elichanekileyo ngasentla ngepensile.





UKUBHALA NGESANDLA 15 imiz

Ukwenzela ntoni?

- Kwi Kota yesi-3, abafundi baqhubeka ngokufunda nokuziqhelanisa ngokubhala ngokudibanisa, bagxile kwisantya nokubhala ngokucacileyo.
- Kwizifundo zokubhala ngesandla, kugxilwa ekubhaleni amagama nezivakalisi ezimfutshane.
- Oku kubandakanya ukugxininisa kwindlela echanekileyo yokubhala oonobumba abakhulu nabancinci neendlela echanekileyo yokubadibanisa ngentla nangezantsi. Isithuba phakathi kwamagama sibalulekile.
- Abafundi bangaqalisa ukubhala ngokudibanisa yonke imisebenzi yabo kwiKota yesi-3.

Njani?

- Ngeveki nganye kukho iphepha lomsebenzi wokubhala ngesandla kwiNYY, elidibanisa isifundo sosuku ngalunye evekini, umsebenzi wosuku uboniswa ngemibala eyahlukileyo.
- Ngosuku ngalunye abafundi bacinezela (batreyisa) unobumba okanye ipatheni yosuku kwiNYY, emva koko, baphinde baziqhelanise nokubhala ngesandla kwincwadi zabo zokubhala.

Amalungiselelo ezifundo zokubhala ngesandla

- Zoba imigca emine ebhodini. Le migca ungayizoba ngepeyinti ukuze ingasuki okanye ngetshokhwe efakwe emanzini aneswekile.
- Abafundi kufuneka babe neNYY, incwadi yokubhala ngesandla kunye nepensile eloliweyo. Mabangayisebenzisi irabha!

Inkqubo yesifundo

Bonisa ebhodini

- Abafundi mabajonge ebhodini bajonge oko bakuboniswa ngutitshala.
- Bhala igama ngalinye okanye isivakalisi kwimigca esebhodini.
- Cacisa/uchaze ngendlela yokwakhiwa kwamagama: uqalaphi, umbeka ndawoni emgceni, indlela zokudibanisa oonobumba (phezulu okanye ezantsi), oonobumba omkhulu, njl. njl. Bonisa isithuba phakathi kwamagama.
- Uze ubonise unobumbawosuku.
- Bonisa ukungayiphakamisi itshokwe njengoko ubhala ngokudibanisa, kwaye ubonisa ukubhala ngokutyibilika.

Abafundi

- Mababhale **ngeminwe edesikeni** njengokuba utitshala ebabonisa.
- Mababhale **bodwa kwiNYY**, becinezela (betreyisa) kumagamaosuku.
- Mababhale **bodwa kwiincwadi zokubhala ngesandla** ukukhuphela amagama okanye izivakalisi zosuku ukuziqhelanisa ngakumbi.

Utitshala

Uyahamba-hamba anike ingxelo malunga:

- indlela yokubamba ipensile nokuhlala: bamba ipensile ngobhontsi nangomnwe wokuqala, isandla esixhasayo sibeke phezu kwephepha; uhlale ungagobi intloko ephepheni, ingqiniba ishukume ngokukhululeka.
- ukubhala ngesandla: ukucinezela iphepha ngokufanelekileyo, indawo oqala nophela kuyo, ukwakhiwa koonobumba; ungaphakamisi ipensile;ukudibanisa okucocekileyo.

Abafundi mabakhethe elona gama “libhalwe kakuhle” kumgca ngamnye baze balibiyele ukuze utitshala alijonge. Okanye, utitshala angakorekisha oyena nobumba wakhiwe ngokuchanekileyo xa ekorekisha.

Iincwadi kufuneka zithathwe rhoqo ukunika ingxelo.



IXESHA ELIBEKELWE UKUFUNDA NOKUBHALA

2 IIYURE 15 imiz



IZIFUNDO ZOKUFUNDA

Ukufundelwa ngutitshala ngokuvakalayo (**Mvulo**) →
Ukufunda notitshala – ingqiqo (**Iveki A Lwesibini**)/Utyibiliko (**Iveki B Lwesibini**) →
Isigama (**Iveki A Lwesithathu**)/Ukuphononongo isigama nolwimi (**Iveki B Lwesithathu**) →
Ulwimi (**Iveki A Lwesine**)/Ukuziqhelanisa notyibiliko (**Iveki B Lwesine**) →
Ukuphononongo ukufunda wedwa (**Lwesihlanu**)
Usuku ngalunye: Ukufunda ngamaqela namaqela ahlukileyo ama-2;
Umsebenzi owenza wedwa

UTitshala ufunda ngokuvakalayo (Mvulo)

Amabali afundwa ngutitshala ngokuvakalayo abandakanya amabali asekelwe kuncwadi (*literature-based*) kunye namabali anxulumene neZakhono zoBomi.

- Amabali asekelwe kuncwadi anxulunyaniswe nezicatshulwa zokufunda notitshala okanye nomxholo.
- Amabali eZakhono zoBomi azisa umxholo omtsha ngebali elifanelekileyo ngamabali.

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa isakhono sokuphulaphula nesokuzikisa ingqondo.
- Ukuphuhlisa isakhono sokuphulaphula nesokuzikisa ingqondo.
- Ukwazisa intlobo-ntlobo zoncwadi okanye Umxholo omtshaweZakhono zoBomi.

Njani?

Phambi kokufunda

- Buza imibuzo emi-2–3 ukungqamanisa nolwazi lwangaphambili lwabafundi.
- Nika injongo okanye isizathu sokumamela.

Funda ibali

- Sebenzisa imvakalelo okanye ukulinganisa ukutsala umdla wabafundi.
- Chaza ngokufutshane nasiphi na isigama esingaziwayo njengoko ufunda ibali, ngaphandle kokuphazamisa ukuhamba kwebali.

Emva kokufunda

- Vumela umzuzu o-1–2 yokuphendula ngokukhululekileyo.
- Buza imibuzo emi-2–3 ukujonga ukuqonda nokuzikisa ingqondo.



Ukufunda notitshala (Lwesibini)

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zokufunda nolwimi ngenkxaso katitshala kumxholo onentsingiselo.
- Ezi zakhono zibandakanya: ingqiqo, uphuhliso lwesigama, ukwakhiwa kwezivakalisi nokufunda ngokutyibilika.

Njani?

Phambi kokufunda

- Bonisa abafundi isicatshulwa ngokuthi batsala kulwazi lwabo lwangaphambili, bafunde isihloko baze bajonge imifanekiso o-1–2. **UNGATHATHI IXESHA ELEDLULA IMIZUZU EMI-2–3.**


Ukufunda notitshala

- Funda ibali kunye nabafundi. Abafundi bayalandela, bangenelele apho banakho ukungenelela khona, kwaye bekhomba amagama kwiiNYY zabo njengoko ufunda.
- Funda ngokutyibilika nangeemvakalelo.
- Xa nifunda kwakhona, nanjengoko abafundi beqalisa ukufunda ngokuzithemba ngakumbi, yehlisa ilizwi lakho. Xa udibana namagama anzima okanye amabinzana, phakamisa ilizwi lakho.
- Ngosuku ngalunye cela abafundi ukuba bafunde igama okanye isivakalisi bengasebenzisi umxholo obhaliweyo ukukhangela ukuba bayafunda abankqayi.

Emva kokufunda

Kumxholo weveki ezimbini abafundi baza kuziqhelanisa nezi zakhono zokufunda ezilandelayo:

- Ukufunda ngengqiqo: iqhinga elahlukileyo lokufunda ngengqiqo lizakujongwa kwisicatshulwa ngasinye, isicatshulwa ngasinye silandelwa yimisebenzi emibini emifutshane, imisebenzi yokubhala ngengqiqo.
- Isigama: kuza kwaziswa amagama okufunda amahlanu.
- Ulwimi/umsebenzi wezivakalisi: isivakalisi esingundoqo sisetyenziswa ukuphuhlisa ulwazi lwegrama.
- Utyibiliko/isantya: Utyibiliko luyabonisa kwaye imisebenzi yokuziqhelanisa notyibiliko inikiwe.



Ulwimi/igrama

- Izivakalisi ezingudoqo ziyachongwa kwisicatshulwa esifundwa notitshala ukuphuhlisa ulwazi lwegrama.
- Kugxininiswa kumxholo wolwimi othile kwikota nganye.
- Amalungu entetho (*parts of speech*) ayahlaziywa ngokungacwangciswanga.

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zegrama ngokuchonga injongo yamagama/amaqela amagama/amalungu amagama kwisivakalisi.
- Ukwakha ingqiqo yesakhiwo sezivakalisi esichanekileyo.
- Ukuphuhlisa ukuzithemba kubafundi xa bebhala.

Njani?

Yazisa isivakalisi

- Bhala isivakalisi/izivakalisi ezingundoqo ebhodini. Sifunde kunye nabafundi.
- Abafundi bakhangela isivakalisi kwisicatshulwa baze basikrwelele umgca ngaphantsi/basifake umbala.

Sebenza ngezivakalisi

Chonga amagama/amaqela amagama/amalungu amagama. Buza imibuzo yomlomo:

- **Ngubani?** kunye no **Yintoni?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge izibizo (abantu nezinto).
- **Wenza ntoni?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge izenzi (izenzo, izinto abantu abazithethayo nabazivayo, Ixesha lentetho).
- **Nini?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge ixesha eyenzeka ngalo into ethile (isihlomelo).
- **Phi?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge indawo (isihlomelo).
- **Ngoba?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge isizathu sesenzo (isihlomelo).
- **Njani?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge indlela into eyenzeka ngayo (isihlomelo).

Bhala

- Abafundi babhala izivakalisi zabo okanye bagqibezele izivakalisi ezingudoqo ezisekelwe kwizivakalisi ezingindoqo.

Uhlanganiso nesiNgesi

- Kwiveki B, kuxoxwa ngoguqulelo lwesiNgesi lwesivakalisi kunye nabafundi.



Isigama

Isigama/amagama oonootsheluza ayachongwa xa kusenziwa isifundo sokufunda notitshala ngasinye. Abafundi bazakuweva bawabone amagama baze bafunde ukuwafunda kunye nokuwabhala.

Ukwenzela ntoni?

- Ukwandisa ukufundwa kwesigama.

Njani?

Oonotsheluza besigama

- Yenza oonotsheluza bamagama amahlanu esigama.
- Babeke kudonga lwamagama, aze afundwe yonke imihla kumxholo weeveki ezimbini.
- Sebenza ngamagama: bonisa inkalo yesakhiwo segama (umz. inani lamalungu, isandi sokuqala, isandi sokugqibela, njl. njl.); wabeke ngokolandelelwano lwealfabhethi; hlela amagama anoonobumba bamanani afanayo, abaqala/abaphela ngonobumba ofanayo, njl.njl.

Khangela amagama


- Phinda ufunde ibali, okanye inxalenye yebali (okufundwayo kubonisiwe kwiNT) njengesifundo sokufunda notitshala kunye nabafundi.
- Abafundi bafumana baze bakrwelele umgca ngaphantsi/babiyele/bafake umbala amagama esigama esikwisicatshulwa.
- Xoxa ngentsingiselo yegama ngalinye.

Ukuziqhelanise nokufunda kunye nokubhala amagama

- Abafundi babhala amagama njengenxalenye yemisebenzi yeNYY.
- Bakhuphela amagama esigama kwizichazi-magama zabo.
- Ukongeza, bangasebenza ngamagama oonotsheluza njengoko kuchaziwe.

Uhlanganiso nesiNgesi

- Kwiveki B, kuxoxwa nabafundi ngesigama esiguqulelwe esiNgesini.



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa isakhono sokufunda ngokukhawuleza, nangokuchanekileyo nangemvakalelo.
- Ukufunda iorali ngotyibiliko **yindlela yokuthungela ukufunda ngengqiqo**: ukuba abafundi bafunda amagama ngokukhawuleza nangokucacileyo, bazakukwazi ukugxila kwintsingiselo yombhalo.
- Uphinda-phindo lokuziqhelanisa nokufunda kuphuhlisa utyibiliko.
- Ukuvavanya inani elithile lamagama kumhlathi umfundi anokuwafunda ngomzuzu omnye kunika utitshala ithuba elingcono lokubona isakhono sabo sokufunda.

Imigangatho yokufunda ngokuvakalayo yeDBE yesiXhosa



35	**Ekupheleni kwebanga lesi-3** Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo **AMAGAMA** angama-35 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.
20	**Ekupheleni kwebanga lesi-2** Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo **AMAGAMA** angama-20 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.
40	**Ekupheleni kwebanga loku-1** Bonke abafundi kufuneka bazazi kakuhle **IZANDI ZOONOBUMBA** babo, bafunde ngokuchanekileyo izandi ezingama-40 ubuncinane ngomzuzu.

Njani?

- Rhoqo ngoLwezibini wesibini, abafundi babekelwa ixesha lokufunda isicatshulwa. Esi, sisicatshulwa esithathwe kwibali lokufunda notitshala, ngaphandle kokuthetha ngemifanekiso. Ukuphindaphinda ukufunda kunceda ukwenyusa isantya sokufunda.
- Rhoqo ngooLwezihlanu besibini babekelwa ixesha lokufunda amagama abonwa rhoqo okanye amagama ezandi. Ukuphindaphinda ukufunda kwenyusa ukwazi ukuqaphela nokuqonda amamagama.

Indlela yokusebenza

- Abafundi basebenza ngababini. Utitshala uqalisa ixesha.
- Umfundi wokuqala ufundela iqabane lakhe ngokuvakalayo kwiNYY. Amagama angaziwayo ayatsitywa.
- Utitshala umisa iwotshi emva komzuzu omnye. Umfundi ubiyela igama lokugqibela elifundiweyo.
- Phinda oku, kufunde elinye iqabane.
- Utitshala ufunda isicatshulwa ngokuvakalayo ukuze bakwazi ukufunda nawaphi na amagama abangawaziyo, kwaye abafundi bave igama/amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Abafundi badibanisa inani lamagama afundiweyo, ngaphandle kwamagama angaziwayo.
- **Phinda** lo msebenzi wokufunda ngexesha elibekiweyo uphindaphinda ukuze abafundi bafumane ithuba lokuphucula amaxesha abo balungise neempazamo zabo.
- Qaphela, **olu ayililo ukhuphiswano phakathi kwabafundi**, koko abafundi bazama ukuphucula **ixesha labo** ngokufunda kwakhona, iiveki ezimbini. Emva kwesifundo, abafundi banokukhuthazwa ukuba baphinde bafunde isicatshulwa okanye amagama ukuze baziqhelanise notyibiliko. Oku kunokuba ngexesha lokuphumla kunye neqabane, limbekela ixesha, okanye ekhaya, namalungu osapho.



Ukufunda wedwa (Yonke imihla, kuhambelana noFQ)

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa ukufunda wedwa ukulungiselela abafundi kumabanga aphezulu.
- Ukubanika ithuba lokuziqhelanisa nokucazulula nokuziqhelanisa nokufunda.
- Ukuphuhlisa umdla wokufunda ngokuthi bafunde izinto ezinika umdla, nezicatshulwa zokwenyani.
- Ukungena nzulu kulwazi lwangaphambili lomfundi, enika igalelo kwingqiqo.

Njani?

Izicatshulwa zokufunda eyedwa

- Kunikezelwa izicatshulwa ezihlanu ezimfutshane veki nganye.
- Isicatshulwa sokuqala sinezivakalisi ezisuka kupelo lwamagama lweveki okanye izandi ezaziwayo. Bonke abafundi, kwanabo basokolayo, kufuneka bakwazi ukuvakala kwaye bafunde esi sicatshulwa.
- Ezi zicatshulwa zine zilandelayo zazisa nzulu ulwazi lomxholo. Isigama esikhe sasetyenziswa kwimixholo eyahlukileyo.
- Isicatshulwa ngasinye sinomsebenzi omfutshane/imibuzo ukujonga ukuqonda kwafundi nokubavumela ukuba baphendule ngesicatshulwa.











Cacisa uze ubonise kwiveki yesi-2

- Cacisa ukuba yintoni ukufunda wedwa. *Ufunda umbhalo wedwa, ngaphandle kokutsho amagama ngokuvakalayo. 'Uzama' ukucazulula nokuqonda.*
- Cacisa into **ongayenziyo** xa ufunda wedwa: *Ukuthetha, ukuphakama, ukuncama/ukuyekelela.*
- Cacisa into oyenzayo xa udibana negama ongaliqondiyo: *Jongaamalungu athile egama, biza oonobumba, buza umhlobo, qikelela ukuba lithetha ukuthini uze uqhubekeke ufunde.*
- Cacisa into oyenzayo xa ugqiba isicatshulwa. *Phendula imibuzo.*

Phonononga rhoqo ngooLwezihlanu

- NgoLwezihlanu, utitshala **ufundela** abafundi isicatshulwa seveki sokufunda wedwa babe belandela ezincwadini zabo.
- Xoxa ngezicatshulwa, phendula imibuzo ngokuvakalayo, baze abafundi bazikorekishe.

Ukufunda ngamaqela (Yonke imihla)

Ukwenzela ntoni?

- Ukufundisa amaqela akwinqanaba elifanayo nezidingo ezifanayo.
- Ukusebenzisa izicatshulwa ezikwinqanaba labo ukuze bakukhuthalele ukufunda.
- Ukunika ithuba lokuhlola inkqubela nokufundisa izakhono ezitsha zokufunda.

Njani?

Ukufunda ngamaqela

- Yohlula iklasi ngokwamaqela amahlanu akwizinga elifanayo.
- Abanye abafundi bangakwinqanaba labaqalayo, kodwa uninzi lwabo kumele ukuba luyaqala ukufunda ngokutyibilika.
- Biza iqela ngalinye lifunde nawe imizuzu eli-15, iqela ngalinye kabini ngeveki. (Ukuba ufumana ubunzima ekucwangciseni oku, chitha imizuzu engama-30 neqela ngalinye ngeveki.)
- Sebenzisa incwadi yamabali akwinqanaba leqela. Oko kuthetha ukuba khetha isicatshulwa esifumaneka:
  - kwincwadi yengqokelela yamabali okanye nayiphina incwadi ekwinqanaba labafundi.
  - kwisicatshulwa sokufunda notitshala seveki.
  - kwesinye sezicatshulwa zokufunda wedwa.
- Eli lixesha lakho elikhethekileyo neqela ngalinye. Jonga inkqubela. Sebenzisa amathuba okufundisa ukuphuhlisa izakhono zabo zokufunda.
- Khangela apho kufuneka uncedo ngamandla, uze ubeke ixesha lokukwenza oko.


- Ukufumana imisebenzi yenqanaba labasaqalayo ukufunda, cofa apha

- Ukufumana imisebenzi yenqanaba labaqalayo ukufunsa ngokutyibilika, cofa apha





Ukukhwela iLeli Yokufunda

Umfundi ofunda ngotyibiliko kwasekuqaleni	5 **Inkwenkwezi Efundayo** 	**Ndiyakwazi eukufunda itekisi ende** • Ukufunda imihlathi ngotyibiliko. • Ukufunda ngokuvakalayo okanye ngokuthe cwaka • Ukuqaphela amagama abonwa rhoqo • Ukubiza izandi zamagama angaziwayo • Ukufunda ngotyibiliko, ndiqaphela iimpawu zokufunda • Ukuphendula imibuzo entsokothileyo	**Ndincede** • Ndifundise ukushwankathela endikufundileyo. • Ndinike iindidi zetekisi ndifunde. • Ndinike amathuba amaninzi okuzifundela.
	4 **IRokethi Elifundayo** 	**Ndiyakwazi endikufundayo** • Ukuqikelela into ethethwa sisihloko/ imifanekiso • Ukuqhaphela iimpawu zokubhala • Ukufunda ndibonakalisa imvakalelo • Ukuphendula imibuzo	**Ndincede** • Ndiqhelanise nokufunda imihlathi. • Ndibuze imibuzo entsokothileyo. • Ndifundise ukuzifundela ngaphakathi.
Umfundi osaqalayo ukufunda	3 **Ilanga Elifundayo** 	**Ndiyakwazi ukufunda ngokuvakalayo** • Ukufunda amagama ngotyibiliko • Ukuqaphela amagama asetyenziswa rhoqo • Ukufunda I–3 izivakalisi ezimfutshane ngokuvakalayo • Ukuzifunda ngesantya esifanelekileyo	**Ndincede** • Ndifunde izivakalisi ezinde. • Ndifundise iimpawu zokubhala. • Ndibuze imibuzo ngetekisi, nangemifanekiso.
	2 **UKhozi Olufundayo** 	**Ndiyakwazi ukubaqaphela oonobumba** • Ukujonga ndifunde oonobumba, nabasemagameni • Ukuxela ngangaphi oonobumba abafanayo • Ukubiza izandi • Ukukhangela ndifumane oonobumba abakhulu	**Ndincede** • Ndicazulule igama ngokwamalungu. • Ze ndicazulule amalungu. • Ndiphinde ndiwakhe. • Ndifunde amagama ngotyibiliko.
Umfundi okwinqanaba lokufunda olusakhulayo	1 **Intaka Ezuba Efundayo** 	**Ndiyakwazi izandi emagameni** • Ukuqhwaba ngokwamalungu • Ukubala amalungu • Ukuxela izandi ezisekuqaleni • Ukuxela izandi ezisekugqibeleni • Ukubala izandi egameni • Ukukhupha esahlukileyo	**Ndincede** Ndibonise, undifundise oonobumba nezandi. • Ndifundise oonobumba abakhulu. • Ndibonise oonobumba egameni.



IZIFUNDO ZOKUBHALA

Iveki A: Ukubhala ngqigqiqo (**Lwesibini**) → Ukubhala wedwa (**Lwesihlanu**)

Iveki B: Ukubhala ngqigqiqo (**Lwesibini**) → Ukubhala notitshala/ amalungiselelo okubhala (**Lwesine**) → →Ukubhala wedwa (**Lwesihlanu**)

Ukubhala wedwa

Ukwenzela ntoni?

- Ukunceda abafundi babhale isicatshulwa esivakalayo nesinentsingiselo, kwaye bakwazi ukuvakalisa izimvo zabo ngokucacileyo nalula.

Njani?

- Khuphela umsebenzi ebhodini njengoko kubonisiwe kumanqaku emihla ngemihla.
- Umbhalo wabafundi wenziwa kwiincwadi zokubhala.
- Kwikota yesi-3, ukubhala wedwa kuya kutshintshana phakathi kwiveki A, ngomsebenzi wokubhala omnye, Kwiveki B, ngemisebenzi emibini elandelelanayo yokubhala.



Izifundo ezinye (Iveki A, Lwesihlanu)

- Kule ngxoxo imfutshane yaphambi kokubhala (imizuzu emi-2–3), yazisa umsebenzi.
- Abafundi babhala ngokukhululekileyo ngokusekelwe kumsebenzi. Eli lithuba elingenxinzelelo lokuba abafundi baphuhlise ukubhala ngokuzithemba.
- Khuthaza kwaye uncome iimbono ezintsha nezinomdla kunye nesigama.
- Khuthaza abafundi ukuba ‘bazame’ ngopelo.
- **Ukukorekisha:** Hlomla endaweni yokwaba amanqaku. Oku kukhuthaza ngakumbi kunokunika amanqaku. Phawula ngomxholo. Umzekelo: *Umalume wakho uvakala nje ngomntu onika umdla okanye bendinqwenela ukuba bendindwendwele eThekwini*.

Izifundo eziphindwe kabini (Iveki B, Lwesine noLwesihlanu)

- Lo ngumbhalo ocwangcisiweyo ukufundisa abafundi ukubhala ngokuchanekileyo kuhlobo loncwadi oluthile.
- KwiKota yesi-3 iindidi zoncwadi lulandelelwaniso lweziganeko zebali, inkcazelo yenkqubo yeflowu tshati, ibali nencoko.
- Uhlobo ngalunye loncwadi lunxulumaniswe nesicatshulwa sokufunda njengomzekelo. Bonisa:
  - o iimpawu zesicatshulwa ezifana nemihlathi, izihloko, izihlokwana kunye noyilo
  - o igrama enxulumene nohlobo loncwadi (ixesha lentetho, ngubani obhalayo, iziphumlisi ezikhethekileyo).
- Isivakalisi esingundoqo esikhethelwe izifundo zoLwimi sikwalungelelaniswa nohlobo loncwadi.
- Kwisifundo sokuqala kwezi zibini zokubhala, kuya kubakho amalungiselelo (ukubhala notitshala, okanye ukubhala amanqaku, ukubhala uyilo (*draft*)).

- Kwisifundo sesibini, abafundi baya kube bebhala uyilo lwabo olugqityiweyo.
- Apho kunokwenzeka, cela abafundi bafundele umhlobo okanye iqela imibhalo yabo ukuze bajonge ukuba iyavakala kwaye bakwazile ukuhlela.
- Ukukorekisha: Zikorekishe ezi zicatshulwa zicwangcisiweyo.
  - **Yabela i-50% yamanqaku kumxholo**
    Khangela: ukubhala okubonisa ingiqo, hayi iingcinga ezingacwangciswanga; iimbono eziphambukayo kumzekelo wakho; ukhetho lwamagama olunomdla (izichazi, izihlomelo, izimelabizo ezenza ukuba ukubhala kube nomdla ngakumbi), imihlathi esekelwe kwisihloko esinye kumhlathi, ukuqonda uhlobo loncwadi.
  - **Yabela i-50% yamanqaku kulwimi nopelo**
    Khangela: izivakalisi kunamabinzana; ukwakheka kwezivakalisi ngokuchanekileyo; iziphumlisi ezifanelekileyo; upelo oluchanekileyo; ukusetyenziswa kwexesha elifanayo; ixesha elifanelekileyo loncwadi; ukwahluka kobude bezivakalisi, uyilo oluchanekileyo nolungelelwaniso.



Ukubhala ngengqiqo

Kukho isicatshulwa esifutshane ngeveki nganye ukuphuhlisa ukuzithemba kwabafundi nokuqinisekisa isimo esifanelekileyo sokubhala uvavanyo lwesicatshulwa. Kukho imibuzo embalwa yokufunda ngengqiqo, ukugxila kwintsingiselo, endaweni yemibuzo yoqobo kwiKota yesi-3. Kukho nemibuzo yokubalula, apho abafundi banikwa khona iphepha lencwadi endaweni yempendulo.

Ukwenzela ntoni?



- Ukufundisa abafundi bafumane iimpendulo kwisicatshulwa (oko kukuthi, kungankqaywa isicatshulwa kodwa ngokuqwalasela, okanye ngokuhlalutya isicatshulwa).
- Ukwazisa abafundi **kwiintlobo ngeentlobo zeefomathi zemibuzo** abanokuthi bahlangane nazo kwiimvavanyo zangaphandle okanye ezikumgangatho ofanayo, umz. iitheyibhile, ukukhetha impendulo echanekileyo, iitsheklisti, ukuvala isithuba, izivakalisi ezipheleleyo, njl. njl.
- Ukwazisa abafundi **kumanqanaba ahlukileyo emibuzo**, ukuze bakwazi ukubona unxibelelwano phakathi kombuzo, uhlobo lwempendulo efunekayo, nalapho impendulo iza kufumaneka khona. Abafundi kufuneka babenakho ukuchonga ukuba umbuzo ngumbuzo othi, **Khangela ufumane** (ocacileyo), **Funda ucinge** (uthelekelelo) okanye **Ngokukokwam/Ngokuzimela** (izimvo zakho).
- Ukwazisa iindlela zengqiqo abanokuthi abafundi bawasebenzise ukuze bafunde ngengqiqo. Kule kota, kubandakanya ukufumana ulwazi olunyani kwizicatshulwa eziyinyani, ukuqikelela, ukuchonga abalinganiswa, isimo sentlalo kunye noluvo oluphambili kumabali ashwankathela ibali, ukunika uluvo lwebali kunye nokuxhasa uluvo.

Njani?

Funda imibuzo yengqiqo

- Cacisa ukuba yintoni efunwayo xa kuphendulwa intlobo ezahlukileyo zemibuzo. **Cacisa iintlobo zemibuzo yalo veki kuphela**, umz.
  - **Ukugqibezela itheyibhile:** bonisa ulwazi olusuka kwisicatshulwa kwitheyibhile.
  - **Imibuzo yokukhetha impendulo echanekileyo:** funda zonke iimpendulo ozinikiweyo uze uphawule kuphela echanekileyo.
  - **Yinyani/Ayonyani:** Funda ingxelo uze ubhale Yinyani okanye Ayonyani.
  - **Vala isikhewu:** khetha amagama ambalwa ukugqibezela isivakalisi okanye fakela igama elifanelekileyo kulawo anikwe kuluhlu.
  - Isivakalisi esipheleleyo: phendula umbuzo usebenzisa isivakalisi esipheleleyo kunye neempawu zokubhala ezichanekileyo.
  - **Ukulandelelana kweziganeko:** beka inani kwiziganeko ebalini.
- Khumbuza abafundi ngentlobo ezahlukileyo zeempendulo ezinokufuneka:





  - **Khangela ufumane** – umbuzo onempendulo ecacileyo: Impendulo ikhona kwisicatshulwa.
  - **Funda ucinge** – Umbuzo ofuna uthelekelele: Impendulo iyacetyiswa kwisicatshulwa kodwa kuya kufuneka ucinge ngayo kwaye uyibhale ngawakho amazwi.
  - **Ngokukokwam/Ngokuzimela** – Izimvo zakho: Impendulo ayikho kwisicatshulwa kodwa ikuwe engqondweni.
- Cacisa **indlela yengqiqo** yeveki ukuba ikhona (amaxesha amaninzi. oku kufihlakele endaweni yokuba kucace gca)

Umsebenzi wokubhala

- Abafundi bagqibezela umsebenzi wesicatshulwa esibhalwayo kwiNYY.
- Ukuba ixesha lisekhona, korekisha umsebenzi neklasi, ubacacisele ukuba kutheni iimpendulo ezithile zichanekile okanye kutheni iimpendulo ezahlukileyo zifanelekile kweminye imibuzo.

Ukufundisa iZakhono zoBomi

Mvulo noLwesibini:
ULwazi olusiSiseko/PN; EzobuGcisa obubonwayo, Ezemithambo →
Lwesithathu noLwesine:
ULwazi olusiSiseko/PN; EzobuGcisa beqonga, Ezemithambo →
Lwesihlanu: Ukuphonononga umxholo, Ezemithambo



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukufundela ulwazi

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa ukufunda ukuze ufunde izakhono zokufunda iincwadi zezifundo zexesha elizayo kunye nezinika ulwazi oluyinyani.
- Ukuphuhlisa ulwazi lwesakhiwo sezicatshulwa ezinika ulwazi oluyinyani kunye nezixhobo zokuhlela ulwazi ezifana neetheyibhile.
- Ukuphuhlisa izakhono zokuthelekelela ulwazi.

Njani?

Ulwazi lwangaphambili

- Njengokufunda notitshala, funda isihloko uze uqhelanise abafundi nomxholo.
- Fumanisa ukuba yintoni abayaziyo malunga nomxholo (ngomlomo).

Ulwazi olutsha

- Bonisa isakhiwo/ifomathi yesicatshulwa, umz. Itheyibhile, umzobo weVenn, umfuniselo, umzobo olebhelishiweyo, uthelekiso, imihlathi enezihloko, iifoto ezinezihloko, njl. njl.
- Fundela abafundi isicatshulwa, ucacise nawaphi na amagama amatsha kumxholo.

Ukubhala

- Funda umsebenzi ongqamene nesicatshulwa.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiNYY.

Izifundo zeYFF

Ukwenzela ntoni?

- Nceda abafundi bakhe ulwazi ngokudibanisa ulwazi olutsha noko sele bekwazi.
- Banike amathuba okuziqhelanise nokuqulunqa eyabo imibuzo nokukhangela iimpendulo.
- Banike amathuba okuziqhelanise nokubhala.
- Khuthaza abafundi ukuba bajonge koko bakufundileyo.

Njani?

Khupela itshathi yeYFF ebhodini (Iveki A Mvulo)



Cinga, Ngababini, Yabelana

- **Cinga:** Bebodwa, abafundi bacinga ngento esele beyazi malunga nomxholo.
- **Ngababini:** Abafundi baxoxa kunye ngento esele beyazi.
- **Yabelana:** Abanye abafundi baxelele iklasi (nika wonke umntu ithuba ngekota). Utitshala ubhala phantsi ezinye iingcinga kwikholum yoku-1 yetshathi yeYFF ebhodini.

Ukubhala

- Buza abafundi ukuba bafuna ukufunda ntoni ngesihloko. Khuthaza bonke abafundi ukuba baqulunqe imibuzo. Bhala imibuzo kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye ubuncinane kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo ze-YFF, okanye babhale ezabo izimvo.

Jonga into efundiweyo (Iveki A no-B Lwesine)

- Buyela kwitshathi yeYFF yangoMvulo.
- Buza imibuzo:
  - Sifunde ntoni kule veki?
  - Ingaba siyifumene into ebesifuna ukuyazi?
  - Yintoni ofuna ukuyifumanisa kule veki izayo? (Lwesine wokuqala kuphela)
- Nceda abafundi babhale iimpendulo zabo kwitshathi.


Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi (Ikwabizwa ngokuba yimibuzo ekhangela umxholo)

Ukwenzela ntoni?

- Ukwenza nzulu ulwazi lwabafundi ngemiba engundoqo.
- Ukuvavanya ukuqonda kwabafundi imiba engundoqo.

Umsebenzi

- Khetha imiba emithathu engundoqo enxulumene nesihloko, uze ubhale umba ngamnye kunotsheluza.
- Phakamisa unotsheluza ucele abafundi ukuba bayifunde ngokuvakalayo.



- Yenza iinkcazelo zibe ntathu ezinxulumene nomba.
- Yalela abafundi ukuba banyusele oobhontsi phezulu ukuba ingxelo iyinyani nobhontsi ezantsi ukuba ayiyonyani.
- Phinda ujonge eminye imiba emibini.

Uhlanganiso nesiNgesi

Ukwenzela ntoni?

- Ukulungiselela abafundi ukufunda iincwadi zezifundo zesiNgesi kwiBanga lesi-4.
- Ukuphuhlisa ulwazi lokufunda nokubhala lwabafundi ngesiNgesi.

Umsebenzi

- Phakamisa unotsheluza ngamnye kwabo basetyenziswe kwimibuzo, oobhontsi phezulu/oobhontsi ezantsi.
- Buza abafundi ukuba bayawazi na amagama esiNgesi; bancede basebenzise amagama kwizivakalisi.
- Bhala amagama koonotsheluza uze uwabeke kudonga lwamagama esiNgesi uLwimi lokuqala olongezelelweyo.
- Abafundi bazikhuphela kwizichazi-magama zabo/iincwadi zesigama.

Umsebenzi/izifundo zenkqubo

Ukwenzela ntoni?

Ulwazi lwangaphambili

- Ngqamanisa nesicatshulwa sokufundela ulwazi.

Ulwazi olutsha

- Ukuphuhlisa izakhono zenkqubo engqamene nolwazi olusisiseko, umz.
- Ukwahlulahlula, ukuqwalaselwa, ukwenza umfuniselo, njl. njl.
- Ukuphuhlisa ulwazi gabalala, ulwazi lwamava nolwazi oluthile olungena nzulu kwimixholo ethile.
- Ukuphuhlisa izakhono zokudlulisa ulwazi.



EZOBUGCISA

Ukwenzela ntoni?

- Kuphonononga iindlela ezahlukileyo zokujonga ihlabathi.
- Kunika ithuba lokuphononononga nokuvakalisa izimvo ngokubonakalayo nangobuqu.
- Ukuphuhlisa ubuchule kunye nokucinga.

Njani?

- Kukho iphepha lezobuGcisa obubonwayo kwiNYY rhoqo ngeveki yesibini. Oku kuyatshintshana phakathi kokufundisa isigama sezobuGcisa obubonwayo kunye nemiba kunye nokuxatyiswa kwezobugcisa (umboniso wobugcisa).
- Imisebenzi yezobuGcisa obubonwayo idla ngokuqhutywa kwizifundo ezithathu. Utitshala makanikezele ngephepha, iikhrayoni, ipeyinti, njl. njl.
- Bonisa umsebenzi ogqityiweyo eklasini.
- Yenza ingqokelela yezinto ezilahlwayo eziza kusetyenziselwa kubugcisa be-3D.
- EzobuGcisa obubonwayo – buphuhlisa izakhono ezifana nomgca, umbala, ukuphatheka njl. njl. uMzobo, ikholaji, njl. njl.
- KwezobuGcisa beqonga, ngumbono olungileyo ukuba neklasi eneengqokelela yezinxibo ezifana nezikhafu, iminqwazi kunye nemakrofoni.



EZEMITHAMBO

Mvulo

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lama-25.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.



Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa isixhobo uze uchaze imisebenzi yeveki.
- Abafundi balinganisa imisebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize


Lwesibini–Lwesihlanu

Ukuzifudemeza

- Baleka ngeenzwane okonomabhabhathane/ngqisha okwesigebenga/tyibilika okwedada.
- Landela imiyalelo yam. Hamba ngamacala/ jika ngasekhohlo/jika ngasekunene/ chopha/xhumela phezulu.
- Ukuqhwaba ngesingqi/ukungqisha, kukhokelwe ngabafundi abohlukeneyo.

Izititshi zemisebenzi

- Amaqela ajikeleza izititshi, esenza umsebenzi omnye ngosuku, ngoLwesibini–Lwesihlanu. Jonga imizekelo kwiphepha lama-23.
- Utitshala ujikeleza ejonga onke amaqela ecebisa.



Ukuzipholisa

- Ukuphefumla nzulu.
- Yolula amalungu omzimba uhleli phantsi okanye ume ngeenyawo.
- Ziqinise uphinde uzikhulule izihlunu, uqale ezinzwaneni ukuya entloko.

Imisebenzi yezititshi zemisebenzi yeZemithambo yeKota yesi-3

Khetha imisebenzi emine ngeveki, engqale kwizakhono ezahlukileyo.

1 Iintshukumo zamalungu omzimba

- Iintshukumo ezinjengokuzijija, ukujika, ukugoba, ukuzisonga, emacaleni, ngaphambili, ngasemva ngokulandelelanayo – ukudityaniswa zenziwe ngamaqela.
- Ukuxhumaxhuma kumgama omde ubambe into kwaye ubambene ngezandla neqabane lakho.
- Ukuxhuma ngoku umileyo … ukuya kabini nokuya kanye.
- Ukuxhuma: ukulinganisa izenzo, umz. ikhangaru, ibhadi, umvundla, njl. njl.

2 Ukuqonda iintshukumo

- Ukukhaba ibhola eqengqelekayo utshintshe indlela eza ngayo, isiya kwindawo ethile okanye kwiqabane.
- Ukujula iibholakwindawo ethile naphakathi kwababini ngesandla esinye nezimbini, phezulu nakude.

3 Isingqi: Ukudlala ugqaphu

- Iintshukumo ezithe xaxe ezifana nokunqumla, ukuxhuma-xhuma kabini, nkl. njl. njl.

4 Ukusebenzisana kwamalungu: Ivolibholi nejimnastikhi

- Imidlalo yevolibholi: ukudebenzisana kwamehlo nezandla, grumba wenze intshukumo.
- Iijimnastikhi: Imidlalo yamaqela enjengokutyibilika, ukukhaba, ukunyova nentshukumo yezandla, umqolo ogobileyo weqabane.

5 Ukuziqhelanisa nesithuba: Imiqobo yokuziqeqesha nemidlalo

- Imiqobo yokuziqeqesha equka imidlalo yokukhasa, ukuxhuma nokuma kubude obuthile, ukuthamba kunye nesantya, njl. njl.
- Imidlalo efana ‘omnye omelene nabathathu’, icekwa, bamba umsila weqabane.


6 Ukuxhathisa: Intshukumo neyejimnastikhi

- Yima uze uhambe ngenzwane okanye izithende
- Khasa ngezandla namadolo
- Xhathisa ukuhamba usiya phambili uphine ubuye umva
- Ukuqabela *ijungle gym*: uhamba ukhululekile uxhathise kwisiqobo/ipali
- iindlela ezilula zokukhwela nokwehla
- Ijimnastikhi: iintshukumo zokuxhathisa ezifana nokuma ngentloko, ngezandla, ume njengononkala, njl. njl.
- Intshukumo yejimnastikhi ejengokuqengqelekela phambili, nokuqengqelekela ngasemva, noqulukubhede.

7 Icala

- Imisebenzi yababini: iintshukumo zokutsala nokududula ekhohlo/ekunene.
- *u-see-saw*





Ukuhlala ukhuselekile

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda banzi ngokhuseleko, olugxile kwiingozi zombane.
- Kumamela kwaye baphendule izaziso ngokhuseleko loluntu.
- Kufunda ibali ngenkwenkwe nenja yakhe abahlangule usapho lwabo emlilweni.
- Kufunda ngeempawu zokuchonga ibali, baze bafunde imizekelo yamabali.
- Kubhala ngeziganeko zosuku olunye lweeholide zabo.
- kuqonda ugxininiso kunye nokuchasana kwezobugcisa obubonwayo
- kulinganisa umdlalwana ngokuhlala bekhuselekile.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	ndaze/saze/waze	emva koko	sade/ekugqibeleni/sade sa-	kungekudala	igorha
	then	*after that*	*finally*	*soon*	*hero*

Isigama seZakhono zoBomi	ukukhuseleka	ukufaka iintambo	okungekho mthethweni
	safe	*connection*	*illegal*

Izivakalisi

Igama lam nguMalo. Eli libali lobusuku endingasokuze ndibulibale. Oko kwenzeka ngowama-2020. Ndandineminyaka esibhozo ubudala. Ndandihlala eGrassy Park.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Incwadi yokubhalela yolwimi, iimpendulo zomsebenzi wokufunda wedwa nokubhala nesandla
- Printa izaziso ezimfutshane ezintathu ezingokhuseleko loluntu eziza kufundwa ngokuvakalayo ngexesha lokuphulaphula nokuthetha, umzekelo:
  - https://www.eskom.co.za/about-eskom/about-electricity/public-safety/
  - https://www.childsafe.org.za/home-safety.html (safety tips),
  - https://www.arrivealive.mobi/road-safety-and-the-child-pedestrian
  - okanye kwiSebe lwezoluntu okanye lokhuseleko lwezithuthi kwisixeko okanye iphondo lakho
- Ipeyinti okanye iikhrayoni

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekishe: Ukubhala wedwa (Usuku ngeeholide) (Lwesihlanu); Isigama (Lwesithathu); Izivakalisi (Lwesine); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu); iimpendulo zomsebenzi wokubhala wedwa (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu)

Intambo ebaleka umbane!

Eli bali liyintshayelelo kumxholo weZakhono zoBomi wokuhlala ukhuselekile. Utitshala uyalifunda ngoMvulo (Jonga iphepha 28). Linxulumene nebali le mifanekiso Lulwazi oLusisiseko lwesifundo sangoLwesibini esikwi LAB iphepha 16.

Abafundi bangalandela ibali lemifanekiso xa ubafundela encwadini yabo.

Njengokuba ufunda, bonisa imvakalelo neentshukumo.




Igama lam ndinguVuyo. Ndihlala kwiphondo laseMpuma Koloni. Ndineminyaka elithoba.

Umama wathi asinayo imali eyaneleyo yokuthenga umbane ekhaya. Ngenye imini ummelwane wathi angasifumanela umbane ukuba singambhatala ama-R500. Wathi kulungile ngoba uRhulumente uza kusifakela ngenye imini. Wafundela ukubayincutshe yombane, kodwa wayengenawo umsebenzi. Wathi uzenzela umsebenzi. Umama wambhatala ama-R500. Weza ekhaya, wakufaka iiplagi zombane edongeni. Wadibanisa iintambo ezinde zombane kwiiplagi. Womba umngxuma omde osuka endlwini oya kwipali yombane. Wafaka iintambo zombane kungxuma omde waze wagquma ngesanti. Emva koko, wadibanisa iintambo zombane kwipali yombane yakwaESKOM. Wathi, “Ningaze nizibambe iintambo zombane!” Sakonwabeka kakhulu ukuba nombane ebusuku, njengabamelwane bethu.



Ndiyathanda ukudlala isikolo nomhlobo wam uKhwezi. Ngamanye amaxesha senza iibhokhwe abafundi bethu. Izolo uKhwezi ebengutitshala. Mna neebhokhwe besiyiklasi. UKhwezi ebesifundisa izibalo. Wabhala edongeni.



Enye yeebhokhwe yaphuma egumbini lokufundela. UKhwezi wathi ingaphuma. Ibhokhwe yahamba-hamba kule ndawo iintambo zombane zombelwe kuyo. Emva koko, kwatsho isithonga esikhulu. Ibhokhwe yawa phantsi. Saleqisa saya kwibhokhwe. Sabona iintambo zombane zifikelela kuyo. Ibhokhwe yayifile.



Umama waphuma endlwini ebaleka. Watsho ngesikhalo, “Umntwana wam! Umntwana wam! Wacela incutshe yombane izokukhupha iintambo zombane. Wathi xa ezi ntambo zombane zikwazi ukubulala ibhokhwe zingasibulala nathi.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba zeholide

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngeeholide zesikolo? Ikhona imini enye onokuyibalula?
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho ngosuku olukhethekileyo lweeholide zakho.
- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo zeholide.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (*izinto amabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.*).



IZANDI

Hlaziya isandi u-dy

IPH 9

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 8

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Utitshala funda ibali ngokuvakalayo

NT

IPH 27

15 imiz



Phambi kokufunda

- Yazisa isihloko ngokukhuseleka: Zintoni onokuzichaza eziyingozi ekhayeni lakho? Endleleni? Ekuhlaleni?
- Nika injongo yokuphuaphula: Kweli bali siza kufunda ngokuhlala ukhuselekile kufuphi nombane. Mamela ukuze wazi ukuba uVuyo ufunde njani ngokufakelwa kweentambo zombane eziyingozi.


Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Emva kokufunda
- Kutheni usapho lukaVuyo lufuna ukubanombane kwikhaya labo?
- Ngubani owafaka umbane endlwini? Wababhatalisa malini?
- Kwenzeka ntoni xa ibhokhwe ihamba phezu kweentambo zombane?
- Ucinga usapho lukaVuyo lalisazi ukuba ukufakwa kwezi ntambo zombane kuyingozi?
- Ucinga ngekwakwenzeke ntoni ukuba uVuyo okanye uKhwezi babezibambile intambo zombane?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 10
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuhlala ukhuselekile

Yazisa umxholo

- Ingaba wakhe wenza into engakhuselekanga? Yayiyintoni? Ngubani owakufundisa ukuba wenze izinto ngokukhuselekileyo?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngokuhlala ukhuselekile? Chaza iindlela ozaziyo ngokuhlala ukhuselekile.
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana:** Yebelana neklasi

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngayo ngokuhlala ukhuselekile kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2. Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bayikhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

IPH 11
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Iindawo ekugxilwe kuzo

Malunga nomzobo

- UClaude Monet wayengumzobi ongumFrentshi, owazalwa ngowe-1840. Wayethanda ukuphuma ayokupeyinta oko wayekubona kwindalo. Waqala ukupeyinta imbonakalo-mhlaba yeegadi kunye namanzi esebenzisa ipeyinti yeoli. Imizobo yakhe yayingafani neefoto kodwa yayingacwangcisekanga kakhulu. Waqala indlela entsha yokupeyinta ebizwa ngokuba yi "*Impressionism*".
- Lo mzobo "*Impression: Sunrise*" ubonisa izibuko elikufutshane nekhaya lakhe ngexesha kuphuma ilanga, kukho iinqanawa kunye nenkungu kumgama.


Ngababini

- Qwalasela umzobo.
- Phendula imibuzo ekwiNYY.

Ingxoxo yeklasi

- Bekutheni ukuze uqale ujonge ilanga kumfanekiso?
- Unjani umbala welanga?
- Yeyiphi eminye imibala ekhoyo kumzobo uwonke.
- Umbala oqaqambileyo siwubiza ngokuba yindawo ekugxilwe kuyo kumzobo ngoba kulapho amehlo wakho aqala ajonge khona.

IPH 12
30 imiz





EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

30 imiz



LWESIBINI

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuhlala ukhuselekile

15 imiz



- Funda okanye udlale (kwifowni yakho) isaziso soluntu ngokuhlala ukhuselekile.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ufunde ntoni kwisaziso?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho indlela enye yohlala sikhuselekile.
- **Yabelana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 13

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 8

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

IPH 2–7

15 imiz



Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko nomfanekiso wokuqala. (Musa ukutyhilaiphepha.)
- Nika injongo yokufunda: Ucinga kwenzeka ntoni ngobabusuku? (Uqikelelo)

Ukufunda notitshala

- Funda ibali **kunye**nabafundi.
- Yima uchaze nawaphi na amagama amatsha okanye umxholo, umz. usebenzisa imifanekiso okanye isithethantonye.

- Funda **itheyibhile enolwazi** ekwiphepha lesi-7 kunye nabafundi.
- Vumela umfundi omnye aphendule **umbuzo woqikelelo** ekupheleni kwephepha ngalinye.

Emva kokufunda

- Ngubani owenze uqikelelo ululungileyo ngexesha lokufunda? Sixelele ngalo.
- **Chaza:** Oku kuthiwa **kukubalisa**. Libhalwe nguMalo. **Wabalisa** ulandelelwano lweziganeko ezenzeka kuye.

UKUBHALA

Ingqiqo

IPH 14

15 imiz



Funda nize nixoxe ngemibuzo

- Yithi mabaqwalasele ilogo (*logo*).
- Khumbuza abafundi ukuba yonke le yimibuzo yomsebenzi, **funda ucinge**. Bakhumbuze ukuba babhale iimpendulo ngamazwi abo.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekishe.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Usuku lwesikolo olukhethekileyo*

IPH 15
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Intambo ebaleka umbane!

Funda nize nixoxe

- Sebenzisa ibali ukunceda abafundi bazi ngcono ngengozi yokufakela umbane ngokungekho semthethweni.
- Kutheni olu sapho lungenawo umbaneekhayeni labo?
- Bayibhatala malini indoda ukuze ibafakele umbane?
- Wabalumkisa ngantoni?
- Ayesenzantoni amantombazana phandle? Wakhe wawudlala umdlalo onje?

- Kwenzeka ntoni kwibhokhwe? Wathini umama?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ungenza ntoni xa unokubona iintambo zombane phantsi? Ungaxelela bani?
- **Ngababini:** Chazela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Bhala

- Abafundi bagqibezele umsebenzi okwiNYY.

IPH 16
30 imiz






EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza indawo yokugxinisisa

Umsebenzi (ipensile ephepheni)

- Abafundi basebenzisa ipensile ukuzoba berhoqoza kwiphepha lonke.
- Bakhangele iimilo nemifanekiso kwipatheni erhoqoziweyo, baze bathathe isigqibongendawo abazakugxila kuyo (*Focal point*).
- Bakhethe indawo enye okanye iindawo ezimbini, baze bazifake umbala besebenzisa umbala ogqamileyo, umz. bomvu okanye orenji.
- Bagqibezele umfanekiso ngokuthi bafaka umbala kuzo zonke iimilo besebenzisa imibala engagqamanga okanye basebenzise ipensile ukufaka umbala kwezinye zeemilo.

30 imiz





EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Ukuhlala ukhuselekile

15 imiz



- Funda okanye udlale isaziso sesibini ngokuhlala ukhuselekile.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ufunde ntoni kwisaziso?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngenye indlela yokuhlala sikhuselekile.
- **Yabelana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI — Hlaziya izandi u-dy no-ndy

IPH 17

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 8

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA — Isigama

IPH 2–7

15 imiz



Isigama
Bonisa uze ufunde isigama sake veki ebhodini okanye koonotsheluza:

ndaze/saze/ waze	emva koko	kuqqibeleni/ sade sa-	kungekudala	igorha

Ukufunda notitshala

- Phinda ufunde isicatshulwa **kunye** nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Njengoko ufunda abafundi bachonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY. Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama elitsha ngalinye okanye balibiyele. Qaphela: Esinye isigama kwisicatshulwa siphindiwe.


Abafundi bacwangcisa oonotsheluza ngokokulandelelana kwe alfabhethi.



UKUBHALA — Isigama

IPH 18

15 imiz



IOrali

- Jonga umsebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluza besigama kudonga lwamagama.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A



- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ukuyoliswa ngosuku lokuzalwa*

IPH 19

30 imiz


UMHLA

Ukuyoliswa ngosuku lokuzalwa

Khetha ubemnye. Wenze encwadini yakho yomsebenzi.

IVEKI YOKU-1 • LWESITHATHU • 19



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukhuseleko lomlilo emakhaya

Funda nize nixoxe

- Xoxani ngokulandelayo malunga nebali elihlekisayo ngalinye:
  - Kwenzeka ntoni?
  - Bekutheni ukuze umlilo uqale?
  - Abantu abadala babagcina bekhuselike njani abantwana?
  - Ucinga ngowunqandwe njani lo mlilo?
- Ungacinga ngezinye iindlela umlilo ongaqala ngayo ekhaya?
- Singayinqanda njani imililo emakhaya?

Ukubhala notitshala

- Nceda abafundi batshatise isihlokwana nebali elihlekisayo ngalinye. Ubakhuthaze babhale isivakalisi ngokhuseleko lomlilo.

IPH 20

30 imiz


UMHLA

Ukhuseleko lomlilo ekhaya

Bhala isivakalisi ngokwenzekayo kumqolo ngamnye wemifanekiso.

Bhala isivakalisi malunga nendlela onokunganda ngayo umlilo ekhaya.

20 • IVEKI YOKU-1 • LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukulinganisa

Intshayelelo

- Abafundi basebenza ngababini okanye ngamaqela.
- Bacinga ngezimo ezahlukileyo ezinobungozi asele befunde ngazo.
- Bacinga ngeendlela abanokuthi bazilinganise ngayo ezo zimo.

Ukuziqhelanisa

- Izibini/iqela ngalinye lilinganisa isimo abasikhethileyo.
- Bazilungiselela ukuma phambi kweklasi balinganise ngomso.
- Titshala hamba-hamba apho eklasini ubancedise/ubakhokele.

30 imiz





EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuhlala ukhuselekile

15 imiz



- Funda isaziso sesithathu esimalunga nokhuseleko.

Cinga, Ngababini, Yabelana


- **Cinga:** Ufunde ntoni kwisaziso?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho indlela enye yokuhlala sikhuselekile.
- **Yabalana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Bhala izivakalisi

IPH 21
10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukudibanisa)

IPH 8
10 imiz




- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz



Yazisa izivakalisi

- Bhala izivakalisi ezintlanu ebhodini.
- Funda izivakalisi ngokucotha kunye nabafundi.
- Abafundi baze bakhangele izivakalisi kwisicatshulwa esikwiphepha lesi-2. Baze bakrwelele izivakalisi.

Sebenza ngesivakalisi

- Chonga izibizo zoqobo (eyeSilimela, Grassy Park, Malo). Bacacisele ukuba yintoni izibizo zoqobo.


- Jonga isivakalisi ngasinye uze ubuze ukuba sikuxelela ntoni:
  - Isivakalisi 1. **Ngubani** umbhali?
  - Isivakalisi 2. Limalunga **nantoni** ibali?
  - Isivakalisi 3. Yenzeke **nini**?
  - Isivakalisi 4. Iminyaka yombhali
  - Isivakalisi 5. Yenzeke **phi**?
- Zeziphi izivakalisi ezimbini ezikwixesha langoku? Zeziphi ezikwixesha elidlulileyo?



UKUBHALA

Ulwimi

IPH 22
15 imiz



Lungiselela

- Cima izivakalisi ebhodini.
- Phendula imibuzo ekwiNYY ngomlomo.

Bhala

- Gqibezela iphepha leNYY.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Uhambo*

IPH 23
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphononongа umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha 11)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa unotsheluza weelwimi ezimbini wegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

ukukhuseleka
1. Ukhuselwa entweni ethile.
2. Usebungozini.
3. Awukhathazekanga kukwenzakaliswa yinto ethile okanye ngumntu othile.

ukufakela iintambo
1. Oku kumayelana nombaneni.
2. Iintambo zombane ezifakelwayo zikhuselekile ngawo onke amaxesha.
3. Iintambo ziyadityaniswa xa kufakelwa umbane.

engekho mthethweni
1. Oku kuthetha ukuthi ichasene nomthetho.
2. Oku kuthetha ukuthi uvumelekile ukwenza into ethile.
3. Oku kuthetha uthi ungangena engxakini namapolisa ukuba uyakwenza.

Uhlanganiso nesiNgesi: *safe* (ukukhuseleka), *connection* (ukufakela iintambo), *illegal* (engekho mthethweni)

EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa umdlalo wakho

30 imiz

Linganisa
- Ngamaqela abafundi balinganisa imidlalo yabo emifutshane eklasini.

Vavanya
- Khuthaza ukuba abafundi banike ingxelo ekhuthazayo kwabanye xa begqiba ukulinganisa.
- Phawula ngabalinganiswa, incoko kunye nezenzo.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphononongа iveki

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga** ngeyonanto imnandi ngokuba sesikolweni. Emva koko, ucinge ngoko ufuna ukwenza ngcono kule kota.
- **Ngababini:** Yabelane neqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi. Ncoma isimilo esihle ngesikolo nangomsebenzi wesikolo.



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

IPH 24

10 imiz



- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.




UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 8

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Ukuphononongа umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Nika abafundi ithuba lokwabelana neqabane labo ngenye yeempendulo, umz. bonisa umfanekiso okanye funda impendulo.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande ngcono? Ngoba?
- Ingaba ikhona into entsha oyifundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Funda iimpendulo uze uhlomleUk. Qaphela ukuba ngubani okwaziyo ukuphendula ngokuchanekileyo.



UMBHALO WAKHO

Ukubalisa ibali

15 imiz

Usuku kwiholide yam
Umhlathi I: Lunguselele umboniso: Ubani, nini, phi, intoni ...
Umhlathi 2: Ulandelelwano lweziganeko

- Abafundi babhala imihlathi emibini ngosuku kwiiholide zabo.
- Ingxoxo phamibi kokubhala: Loluphi usuku ozakubhala ngalo? Ndinomdla kwinto oyenzayo xa ungekho sesikolweni. Chaza indlela yokubhala nokupela.
- **Khangela:** limbono ezinika umdla, indlela ekuchazwe ngayo olusuku nolandelelwno lweziganeko

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Iakhwariyam*

IPH 25

30 imiz


UMHLA

Iakhwariyam

Igama lam nguMariya. Uhambo endingasokuze ndilulibale, kumhla iklasi yethu yeBanga lesi-2 yayiye eakhwariyam.

Umama waye wandenzela umphako waze wandisa eskolweni kwangethuba. Kwakukho ibhasi eyayilindile. Sasiculo ingoma endeleni' eya eakhwariyam. Ukufika kwethu, aotitshala basixelela ukuba sihambe kunye, size sibambene ngesandla nomhlobo. Ndaye ndabamba isandla sikaZadwa.

Saqala sabona amakhulu khulu eentlanzi ezintle edada ematankini amakhulu. Saze sadlula kwitanela elineentlanzi ezazisinggangile. Emva koko, soya kwindawo engaphandle, apho ndanceda sa ukuyisa oonombombiya.

Satya isangqwej zethu kwindawo yesidlo sasemini, saza sadlala kwibala elinezixhobo zokudlala ngelixa aotitshala babephumile. Ekugqibeleni, soya kwitanki lookrebe, saza sabona aokrebe betyiswa. Aokrebe babenemigolo ngemigolo yamazinya. Kungekudala lofika iwesha lokubuyela ebhasini. Ndandidiniwe ndade ndalala endleleni egodukayo! Yaba luhambo endingasoze ndilulibale.

Khethaubemnye. Wenze encwadini yakho yomsebenzi.
1. Zaba uze uleyibhelishe into engayibona eakhwariyam.
2. Bhala malunga nokuba kutheni ungathanda ukuya eakhwariyam ngenye imini.

IVEKI YOKU-1 • LWESIHLANU • 25

ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz



Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha kwincwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yoku-1 iphepha lomsebenzi lama-34, iphepha lesi-4 nelesi-5.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-9 nele-10.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.






Ukuhlala ukhuselekile

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuchonga iimpawu ezilumkisa ngeengozi ngokuthi bazizobe/bazenze xoxa ngezinto eziyingozi xa sizitya.
- Kuthetha ngeendawo ezikhuselekileyo zokudlala.
- Kumamela ibali elingemvelaphi laseAfrika malunga nekhreyini enesithsaba.
- Kufunda isahluko sebali/ulandelelwano lweziganeko ngokulahleka kumdlalo webhola ekhatywayo.
- Kubhala “Ngosuku endingasokuze ndilulibale”.
- Kupeyinta besebenzisa imibala ukugxininisa.
- Kushukuma kwaye bacule ingoma yaseMzantsi Afrika

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	ndaze/saze/waze	emva koko	sade/ekugqibeleni/sade sa-	kungekudala	igorha
	then	*after that*	*finally*	*soon*	*hero*

Isigama seZakhono zoBomi	izinto eziyingozi	amayeza	isilumkiso
	harmful	*medicine*	*warning*

Izivakalisi

Igama lam nguMalo. Eli libali lobusuku endingasokuze ndibulibale. Oko kwenzeka ngowama-2020. Ndandineminyaka esibhozo ubudala. Ndandihlala eGrassy Park. Igama lam ndingu Mallo.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iincwadi zabafundi zokubhala
- Ipeyinti okanye iikhrayoni nephepha ukwenza imisebenzi yezobuGcisa obubonwayo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo

UVAVANYO

- **Qokelela iincwadi uze uzikorekishe:** Ukubhala eyedwa (Utyelelo endingasokuze ndilulibale, Lwesihlanu); Umsebenzi wesigama nolwimi (Lwesine), Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu); iimpendulo zomsebenzi wokubhala wedwa (Lwesihlanu)
- **Olungekho sesikweni:** Ubizelo (Lwesihlanu); Uziqhelanisa ukufunda ngotyibiliko (Lwesine)

IHemu

Utitshala ufunda eli bali ngoMvulo (jonga iNT iphepha lama-40).

Intshayelelo: *Bonisa umfanekiso weHemu (Crowned Crane).*
Cacisa: *Kukho ibali elingemvelaphi (legend) laseAfrika elichaza ukuba ezi ntaka zasifumana njani isithsaba sazo seentsiba.*

Mandulo, kwakukho inkosazana yaseAfrika eyayihlala notata wayo, ukumkani. Wayezithanda izilwanyana zaseAfrika kunye neentaka, futhi wayethanda ukuhamba edlelweni ezifuna.



Ngenye imini le nkosazana yayokukhangela iintaka ihoopoe. Wamka ekuseni wahamba iiyure. Kwakuphakathi ehlotyeni ilanga laliphumile, kwaye kutshisa kakhulu. Inkosazana yagqiba kwelokuba kungcono ivele igoduke.

Inkosazana yabhekabheka yafumanisa ukuba ilahlekile. Wayengayazi indlela egodukayo. Waqala ukoyika. Wayesazi ukuba ziseninzi iiyure zokukhanya kwelanga kwaye wayesazi ukuba ilanga liza kumtshisa liphinde limenze anxanwe. Wahlala phantsi engceni walila.

Kusenjalo iqela leentaka iikhreyini (*cranes*) ezingwevu zabhabha ngentla kwakhe. Zabona ukuba inkosazana iyalila zaze zehla zazokuhlala ecaleni kwakhe. Zazifuna ukuncenda inkosazana. Iintaka ezo zavula amaphiko azo amahle zaze zenzela inkosazana umthunzi. Zabhabhazelisa amaphiko azo njenge feni ukuze kuphole. Enye yeentaka yabhabha iyokufuna ukumkani ukuze imxelela ukuba athumele uncedo.

Ngokukhawuleza inkosazana yaziva kamnandi emthunzini, kude nelanga elishushu, wayeka nokukhala. Ikumkani namadoda ayo bamfumana ehleli kumthunzi weempiko zentaka iikhreyini encokola neentaka ezintle.

Ikumkani yayonwabile ukubona intombazana yayo ikhuselekile waze wagqiba kwelokuba awonge ngesipho amahemu. Wathi ukusekela ngoko ezintaka zizakunxiba izithsaba zegolide zeentsiba entloko. Siza kukhumbuza abantu ukuba zasindisa inkosazana. Wazipha igama elitsha. Endaweni yokubizwa *iikhreyini*, zizakubizwa ngokuba *ziikhreyini ezinesithsaba* (amahemu).

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.
- **Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo** (*izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.*).



IZANDI

Hlaziya isandi u-rhw

IPH 27

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 26

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 39

15 imiz



Phambi kokufunda

- Bonisa umfanekiso weHemu (*Crowned crane*).
- Funda intshayelelo.
- Nika injongo yokumamela: Ukumamela ibali elingemvelaphi (*legend*).

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Ucinga iikhreyini zazifanele ukufumana isipho? Nika isizathu.
- Ingaba amabali angemvelaphi ngamabali okwenyani?
- Ngawaphi amanye amabali angemvelaphi owakhe waweva?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 28

30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Izinto eziyingozi

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngezinto onokuziginya okanye onokuzitya eziyingozi.
- **Ngababini:** Yebelana neqabane lakho ngezimvo zakho.
- **Yebelana** neklasi.

Funda nize nixoxe

- Fundani iphepha leNYY kunye.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Zeziphi izinto eziselwayo ozibonayo ezinobungozi? Umz. Ikhemikhali zokucoca, amayeza, izinto ezifana neparafini.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yebelana** neklasi.

Gqibezela umsebenzi kwiNYY.

IPH 29

30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Iindawo ekugxilwe kuzo

Umsebenzi (ipeyinti okanye iikhrayoni)

- Abafundi bajonga umzobo opeyintwe nguMakhulu uMoses kwiNYY, iphepha le-12.
- Bachonga indawo ekugxilwe kuyo.
- Bayacwangcisa baze bazobe owabo umfanekiso wendawo obonisa indawo yogxininiso, umz. Umlilo, izibane eziqaqambile, njl. njl.

Gcina umsebenzi ukhuselekile ukuze ugqityezelwe ngomso.

30 imiz





EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Xoxani ngebali elifundwa ngokuvakalayo

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yayimelene neziphi iingozi inkosazana. (ukutsha lilanga, ukunxanwa, ukulahleka) Ngewayenze ntoni eyahlukileyo? (anxibe umnqwazi welanga, aphathe amanzi, axelele omnye umntu ukuba wayesiyaphi)
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho.
- **Yabelana:** neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 30

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye




UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 26

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Utyibiliko

IPH 2–7

15 imiz



Ukufunda notitshala

- Funda nokuba ngawaphi na amaphepha amabini ebali kunye nabafundi.
- Bonisa **utyibiliko nemvakalelo** (qaphela iimpawu zokufunda, ubizo magama, ukudlulisa intsingiselo ngokusebenzisa imvakalelo, funda ngesantyaesifanelekileyo.

Ukufunda ngababini

- Amaqabane afunda iphepha etshintshiselana eziqhelanisa nokufunda ngotyibiliko nangemvakalelo-zwi.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhamba-hamba eklasini okanye usebenzise eli xesha njengexesha lokunceda umfundi ngamnye.



UKUBHALA

Ingqiqo

IPH 31

15 imiz



Funda nize nixoxe ngomsebenzi (isishwankathelosebali)

- Abafundi basebenzisa amazwi abo (imibuzo yomsebenzi owenziwa ngokuzimeleyo).
- Wonke umntu uya kuzivakalisa ngokwahlukileyo kancinci.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ulungise uvumele iiyantlukwano kwisishwankathelo sebali.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 32
30 imiz

- **Group reading:** Groups C & D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Usuku olukhulu (Isahluko 1)*



ULWAZI OLUSISISEKO — Iimpawu zokhuseleko

IPH 33
30 min

Funda nize nixoxe Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Zeziphi ezinye iimpawu ozaziyo? Ungazichaza?
- **Ngababini:** Cacisela iqabane lakho.
- Yabelana neklasi.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO — Iindawo ekugxilwe kuzo (ziyaqhubeka)

30 imiz

Gqibezela imifanekiso okanye imizobo

Bonisa nize nixoxe

- Abafundi bacacisa ukuba iphi indawo ekugxilwe kuyo kwimizobo yabo.



EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Ibali lakho

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Kule veki uza kubhala ngohambo owawuluthathile ongasokuze uphinde ululibale. Lungakunye nosapho okanye isikolo, kutshanje okanye kudala.
- **Ngababini:** Iqabane A lilungiselela umboniso (ubani, nini, phi, intoni) lize libalise okwenzekayo, Izaqhubeka nangomso ukuze iqabane B libalise ibali lwalo.
- **Yabelana** neklasi.



IZANDI — Hlaziya isandi u-ngw

IPH 34

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 26

10 imiz




- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA — Ukuphononongа isigama nolwimi

15 imiz



Hlaziya uze ujonge umsebenzi weveki ephelileyo Isigama (iphepha le-18)

- Funda oonotsheluza beveki ephelileyo:

ndaze/waze/saze	emva koko	sade/ekugqibelen	kungekudala	igorha

- Wafunde kwakhona, waxube kwaye uye usenyusa isantya.
- Abafundi bajonga umsebenzi wesigama weNYY weveki ephelileyo baze balungise.

Ulwimi (NYY iphepha lama-22)

- Khangela uze ulungise iimpedulo zemibuzo.

Funda


- Abafundi bafundela iqabane umhlathi wabo.



UKUBHALA — Uhlanganiso nesiNgesi

IPH 35

15 imiz



Isigama

- Thetha ngendlela abizwa ngayo amagama oonotsheluza ngesiNgesi. Guqula unotsheluza ngamnye ufunde igama ngesiNgesi.

ndaze/waze/ saze	emva koko	sade/ ekugqibeleni
kungekudala	(igorha)	

Isivakalisi

- Iqela ngalinye lithatha isivakalisi esinye lixoxe, lize lisiguqulele kwisiNgesi.
- Bhala isivakalisi ngasinye seqela ngesiNgesi ebhodini.
- Abafundi bakopa okanye babhale izivakalisi zesiNgesi:
  - Igama lam nguMalo. Eli libali lobusuku endingasokuze ndibulibale. Oko kwenzeka ngowama-2020. Ndandineminyaka esibhozo ubudala. Ndandihlala eGrassy Park.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi weNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi niyiklasi.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Usuku olukhulu (Isahluko 2)*

IPH 36
30 imiz


UMHLA
Usuku olukhulu (Isahluko 2)
Ngawaphi amagama asebalini akuxelela ukuba utata kaMdu wayengahambi namakhwenkwe?
36 • IVEKI YESI-2 • LWESITHATHU



ULWAZI OLUSISISEKO

Yenza uphawu lokhuseleko

Phanda
- Zeziphi iimpawu zokhuselo esizidingayo esikolweni? Yabelana neqabane lakho ngezimvo zakho.


Funda nize nixoxe
- Funda imibuzo nemiyalelo.

Sebenzisa izakhono zeteknoloji
- Abafundi basebenza ngababini. Nika isibini ngasinye izixhobo zokwenza uphawu.

- **Cwangcisa** uphawu.
- **Yenza** uphawu olulula usebenzisa izixhobo.
- **Bonisa** uphawu uze uthethe ngalo.

Vavanya
- Ingaba uphawu lwakho luluncedo? Nika isizathu.

IPH 37
30 imiz


UMHLA
Yenza uphawu lokhuseleko
Neqabane, cwangcisani nize nenze uphawu lokulumkisa abantu ngengozi.
IVEKI YESI-2 • LWESITHATHU • 37



EZOBUGCISA BEQONGA

Cula ingoma yaseMzantsi Afrika

Intshayelelo
- Abafundi baziqhelanisa amazwi abo ngokuthi bacule ngaphandle kwamazwi (*humming*) besehlisa benyusa isandi ngeendlela ezahlukileyo.
- Khumbuza abafundi ngebali ebelifundiwe malunga nokuyoliswa ngosuku lokuzalwa kwiGautrain.
- Buza ukuba ukhona onengoma ayaziyo engololiwe, umz. Uloliwe, iShosholoza.

Ukuziqhelanisa
- Niyiklasi, fundani ingoma engololiwe.
- Culani ngeemvakalelo, nibiza amagama ngokuvakalayo.
- Sebenzisani izandi zokubetha umzimba, umz. ukuqhwaba, ukungqisha, ukunkqakrazisa iminwe.
- Ziqhelaniseni kude kube wonke umfundi ucula ngokuzithemba.

30 imiz





EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ibali lakho (liyaqhubeka)

Ngababini, Yabelanani

- **Ngababini:** Iqabane B lilungiselela umboniso (ubani, nini, phi, intoni) lize libalise okwenzekayo.
- **Yabelana** neklasi.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 38

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

IPH 26

10 imiz

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.




UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

IPH 39

15 imiz



Ukufunda ngababini

- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa betshintshiselana.
- Jonga/beka ixesha lokufunda (1 umz. emnye). Bhala inani lemigca efundiweyo. Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufunda emakhaya



UKUBHALA NOTITSHALA

Ukubhala ibali

15 imiz

- Phambi kwesifundo, bhala lamagama exesha ebhodini njengesikhokelo: *kuqala, okulandelayo, emva koko, ekugqibeleni*.
- Abafundi baxoxa ngoko baza kukubhala besebenzisa le ndlela, **Cinga, ngababini, yabelanani**.
- Bhala umzekelo wesivakalisi ulandela indlela **yokubhala** notitshala ngokusekelwe kwindlela, 'yabelana' neklasi. Umzekelo:
  - *Umhlathi 1: Igama lam ndinguSipho. Andisokuze ndilulibale uhambo lwam olwalusiya kwisiXeko saseGold Reef. Ndandineminyaka esixhenxe. Ndandihamba nosapho lwam.*
  - *Umhlathi 2: Safika ngentsimbi ye-10 kusasa. Kuqala saya kwivili elikhulu. Okulandelayo saya ezimotweni.*
- **Hlaziya iimpawu zokubalisa ibali:** Uqobo lweziganeko lubaliswa njengokwesithethi (I), tshayelela ngokuchanekileyo, iziganeko zilandelelanisiwe, amagama exesha asetyenzisiwe.
- Abafundi bangaqalisa ukubhala ibali ukuba ixesha lisavuma.

Uhambo endingasokuze ndilulibale

Umhlathi I: Bonisa undoqo webali: ubani ...; nini ...; phi ...; ntoni ...

Umhlathi 2: Ulandelelwaniso lweziganeko

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 40
30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Usuku olukhulu (Isahluko 3)*


UMHLA

Usuku olukhulu (Isahluko 3)

Salahleka noBheki phakathi kwenyambalala yabantu ngexesha utata wayesithengela amagebengwana ahlahliweyo. Ndathi ndimkhwaza utata akasabeli. UBheki wathi masikhwele kwindawo ephakamileyo sizame ukujonga ukuba utata uphi. Sakhwela samjonga. Asizange simbone phakathi kwaloo nyambalala yabantu. Sazama ukukhangela loo ndawo ebesihlalise kuyo. Kodwa asayazi ukuba masiibheke ngaphi. Ndachitha isiselo sam. UBheki wawisa igebengwana lakhe. Kwabakho umntu oliyathelayo. Ndinethemba lokuba utata uza kusifumana. Sahlala phantsi sabelana ngesiselo sikaBheki esibandayo. Sabelana ngegebengwana lam. Sasisoyika. Sasingayazi ukuba masenze ntoni. Sasingayazi ukuba siza kumfumana njani utata. Sasingayazi ukuba siza kugoduka njani.

1 Ubuzakuziva njani ukuba ubukunye noMdu noBheki?

2 Ingaba ikhona into ocinga ukuba banokuyenza ukusombulula ingxaki yabo?

40 • IVEKI YESI-2 • LWESINE

ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-11)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa oonotsheluza beelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

into enobungozi	amayeza	isilumkiso
1. Into enokukulimaza. 2. Into ekuncedayo.	1. Amanye amayeza ayingozi ebantwaneni. 2. Onke amayeza akhuselekile ukuba uwaginye.	1. Isilumkiso sikuxelela ngento eyingozi. 2. Isilumkiso sikuxelela ngento engeyongozi.

Uhlanganiso nesiNgesi: *harmful* (into enobungozi), *medicine* (amayeza), *warning* (isilumkiso)

EZOBUGCISA BEQONGA

Ukushukumela umculo

30 imiz

Intshayelelo
- Culani ingoma kaloliwe ekwisifundo esigqithileyo.

Amaqela
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane.
- Iqela ngalinye lithetha ngokuziqhelanisa ngokushukuma belandela ingoma.

Linganisa
- Iqela ngalinye lishukumela umculo benikana amathuba.

Vavanya
- Khuthaza ukuphawula okulungileyo emva kokulinganisa.
- Phawula ngentshukumo nokuhambelana nomculo, ukugcina isingqi nenkcazelo yomculo.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enomdla oyifunde kule veki, ingakumbi oyifunde ngokuhlala sikhuselekile
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Yintoni oza kuyenza ngokwahlukileyo kwiveki ezayo ukuze uhlale ukhuselekile.

IZANDI

Ubizelo

IPH 41

10 imiz



- Landela umgaqo wobizelo okwiphepha lesi-8.

Amagama: umrhwebi, irhwamncwa, ingwenkala, ingwanzilili, iyasongwa

Isivakalisi: Um**rhw**ebi uthengisa iintyatyambo kodwa z**irhw**aqele kakhulu.


UKUBHALA NGESANDLA

IPH 26

10 imiz

Amagama amafutshane (ukubhala ngokudibanisa)

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo. Nika abafundi ithuba lokwabelane neqabane ngento enye abayiqikelelayo.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isichatshulwa osithande ngcono? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Funda ingqikelelo kunye nezimvo kuphela. Phawula ngubani oqikelele ngokuchanekileyo.

UKUBHALA EYEDWA

15 imiz

Ibali: Uhambo endingasokuze ndilulibale

- Bhala ibali enncwadini yakho yokubhalela umsebenzi.
- Bhala imihlathi emibiniSebenzisa izikhokelo ezisebhodini ukubhala imihlathi yakho.
- Sebenzisa amagama exesha (afundwe izolo) ukubonisa ulandelelwano lwebali.
- **Khangela:** Ukuba ibali libaliswa ngokwamazwi esithethi, kusetyenziswe amaxesha entetho achanekileyo, isigama namagama aqhelekileyo apelwe ngokuchanekileyo. isihloko esikhethwe ngokuchanelekileyo, intshayelelo ebonisa undoqo webali, iziganeko ezilandelelanayo.

Uhambo endingasokuze ndilulibale

Umhlathi I: Bonisa undoqo webali: ubani ...; nini ...; phi ...; ntoni ...

Umhlathi 2: Ulandelelwaniso lweziganeko.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Usuku olukhulu (Isahluko 4)*

IPH 42

30 imiz


UMHLA

Usuku olukhulu (Isahluko 4)

Mna noBheki sasisoyika ngoba sasilahlekile. Saze sabona uBongani. Yinkwenkwe enkulu esiyaziyo. "Hey, Malu!" watsho. "Uphi utata wakho? Bendinibona nikunye emotweni yakhe entsha ente." Nangona besilahlekile, ndandivuya ukuba uBongani endibona kulo moto.

Sabalisela uBongani indlela esivalelekileyo ngaqo phakathi kwabantu ukuze sifikelekane notata. Ndandisele ndilila kuba ndandiyazi utata uza kucaphuka. "Ungakhathazeki," watsha uBongani. Wayefuna ukutsalela umnxeba katata, kodwa sasingawazi amanani omnxeba. Kodwa sakhumbula – uititshala wethu wasifundisa into yokuba masiwazi amanani efowuni zoomama bethu. Ndatsha inombolo kamama. UBongani wambhalela umyalezo. Waye watsalela uBongani umnxeba. Wamxelela apho sikhoyo. Wathi uza kuxelela utata ukuba uza kusifumana phi.

UBongani wanikina intloko. "Kukho umntu onomsindo kakhulu," watsho, "kwaye ayingatatata wakho! Yhoo ndiyamsizela utata wakho!"

Ucinga ngubani lo unomsindo? Ucinga unomsindo kubani lo mntu?

42 • IVEKI YESI-2 • LWESIHLANU

ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi yeveki ephelileyo kwincwadi yomsebenzi yeDBE. Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yomfundi yezakhono zoBomi iphepha lomsebenzi lama-35, iphepha lesi-6 nelesi-7.
- Incwadi yomsebenzi yomfundi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha le-11 nele-15



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.





Ungcoliseko

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngokubanzi malunga namatsha ntliziyo okusingqongileyo aselula.
- Kuhlalutya kwaye bahlele inkunkuma kwindawo esingqongileyo.
- Kumamele kwaye baphendule ngamava abantu ngongcoliseko.
- Kufunda ibali ngomlambo uMgeni eKZN.
- Kufunda ukufunda iflowu tshati.
- Kuphononongа ipatheni kunyenokwenziwa koshicilelo.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	umthombo	umlambo	ukungcoliseka	amadama	ingxangxasi
	source	*river*	*polluted*	*dams*	*waterfall*

Isigama seZakhono zoBomi	ungcoliseko	inkunkuma	izixhobo
	pollution	*litter*	*materials*

Izivakalisi

Umlambo osempilweni uneentlobo ntlobo zeentlanzi kunye nezilwanyana ezincinci ezihlala emanzini.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Incwadi yokubhla yolwimi yokubhala,iimpendulo zemisebenzi yokuzifundela eyedwa nokubhala ngesandla
- Iizixhobo zobugcisa: ipeyinti, iikhrayoni, amaphepha, neetreyi zepolistyrene
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uxikorekishe: Ukubhala wedwa (iflowu tshati); Isigama; Izivakalisi; Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu); iimpendulo zomsebenzi wokubhala wedwa (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu)

Abantwana bangenza umahluko kokusingqongileyo

Eli bali liyintshayelelo kumxholo weZakhono zoBomi ngongcoliseko. Utitshala uyalifunda ngoMvulo (Jonga iNT, iphepha lama-52). Abafundi bangajonga umfanekiso kwiNYY, iphepha lama-58 ukubona ukuba ujongeka njani uYola.

Uyayazi ukuba ungcoliseko yintoni? Yiyo nantoni engcolisa umhlaba okanye iwenza ungabikho sempilweni. Ungcoliseko lungenza umonakalo emoyeni, emhlabani kunye nasemanzini – kwaye uninzi longcoliseko lubangelwa ngabantu!

Ekhayelitsha, eNtshona Koloni kukho abantwana, abafana negorha lezendalo uYola Mgogwana , abalwa nongcolisekoezilokishini zabo, ezikolweni zabo nakwihlabathi liphela.



Ngoku wayeyintombazana encinane, uYola wathatha isigqibo sokuba indawo ahlala kuyo iyabulaleka ngokuba abantu abayinakekeli. Wathi, “Abantu bangcolisa umhlaba ngokulahla inkunkuma nandawoni na. Yilonto ndibafundisa ukunakekela umhlaba bangangcolisi amanzi nomoya ngokulahla inkunkuma izitalatweni.”

Ekuqaleni, usapho lwakhe lwalungayiqondi ukuba yintoni emenza akhathalele indawo ahlala kuyo kangaka, kodwa bayamxhasa ngoku. Bayavumelana ukuba abantu kumele batshintshe iimbono zabo banakekele umhlaba. Bahlala besithi, ‘Sifuna utshintsho’.

Waqala ukufunda ngongcoliseko kunye notshintsho lwemozulu ngokuzibandaka neqela elibizwa ngokuba *yiEco Warriors* esikolweni sakhe. Waze waqala ukuxelela abantu basekuhlaleni ukuba mabacoce kanjaniezitalatweni zabo, wababonisa indlela yokutyala imifuno kunye nokusebenzisa amanzi nombane kakuhle ukuze konele abantu bonke.

Qho kusasa xa esiya esikolweni, uphatha iplastiki enkulu emnyama aqokelele inkunkuma. Uqokelela iibhotile zeplastiki kunye namaphepha eetshipsi neelekese, abawajika abezizitena esikolweni sakhe.

Ngowe-2019, ngoku wayeneminyaka eli-11, wancendisa ukukhokela uqhankqalazo lokukhusela okusingqongileyo. Yena kunye namakhulu abanye abantu abaselula bamatsha ukuya ePalamente eKapa. Wenza intetho ecela ungenelelo lukaMongameli Ramaphosa norhulumente ukuba benze umzamo ukunqanda ungcoliseko notshintsho lwemozulu. Waphakamisa ipowusta ebhalwe, “Abantu mabatshintshe ukunqanda utshintsho lwemozulu!”

UYola ufuna ukuba ligqwetha xa emdala, alwele amalungelo abantu abahluphekayo ukuze babenamanzi acocekileyo awoneleyo, umoya ococekileyo nokuba baphile kumhlaba ococekileyo.

Xa kuphela iveki uza kufunda nangamanye amaQhawe eZendalo (*Eco Warriors*) afana noYola.

MVULO

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Iindaba

15 imiz




Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wenze ntoni ngempelaveki? Uzive njani ngezinto othe wazenza?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngempelaveki yakho nokuba uzive kanjani.
- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelane neklasi ngendaba zabo zempelaveki.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo *(izinto emabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.).*

IZANDI — Hlaziya isandi u-nkq


IPH 51
10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA — Amanani (Ukubhala ngokudibanisa)

IPH 50
10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA — Utitshala funda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 51
15 imiz



Phambi kokufunda

- Yazisa isihloko ngongcoliseko:
  - Uyayazi ukuba yintoni ungcoliseko? Ungazibiza naziphi iintlobo zongcoliseko?
  - Ucinga lunganqandwa yintoni ungcoliseko?
- Nika injongo yokuphulaphula: Mamela ukuze wazi ngomfundi oselula ozama ukunqanda ungcoliseko.


Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Wenza ntoni ukukhusela indawo ahlala kuyo?
- Kutheni simbiza njengeQhawe leZendalo (*Eco Warrior*)?
- Yintoni eyona nto ibalulekileyo ayenzileyo ukuzokutsho ngoku?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 52
30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa**: Izivakalisi



ULWAZI OLUSISISEKO

Ungcoliseko

IPH 53
30 imiz

Yazisa umxholo
- Ingaba kukho inkunkuma eninzi kufutshane nalapho uhlala khona? Ucinga ibangelwa yintoni?

Cinga, Ngababini, Yabelanani
- **Cinga:** Wazi ntoni ngohlo lwenkunkuma oyibona apho uhlala khona? Ibangelwa yintoni?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF
- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngayo ngongcoliseko kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2. Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukwenza iipatheni

IPH 54
30 imiz

Iipatheni kwindalo
- Chaza ipatheni ukuba yimigca, iimilo okanye imibala ephindaphindiweyo ukwenza into ekholisa amehlo.
- Khumbuza abafundi ukuba basebenzise iipatheni ukuziqhelisa ukubhala ngesandla.
- Indalo igcwele ziipatheni. Yithi abafundi mabacinge nokuba yeyiphi ipatheni yendalo abayaziyo, umz. iipatheni kumaphiko ebhabhathane, amachokoza kwiqokobhe lebhungane, njl. njl.

Jongisisa umfanekiso
- Zonke ezi ziipatheni zendalo.
- Qashisela ukuba ipatheni nganye iyinxalenye yantoni. Yeyiphi ipatheni oyithande kakhulu?

Ingxoxo yeklasi
- Zeziphi iipatheni ezisebenzisa imigca? iimilo? imibala? Ungacinga ngezinye iipatheni zendalo?

Zoba iipatheni kumthambo wegqabi – ezi ingazizo naziphi na iipatheni eziphindaphindiweyo, umz. amarhoqololo, izigi-zag, amachaphaza, njl. njl.



EZEMITHAMBO

Intshayelelo

30 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIBINI

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Apho sidlala khona

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Udlala phi okanye uhlala phi nabahlobo bakho? Ingaba yindawo ecocekileyo nekhuselekileyo? Cacisa.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngendawo odlala kuyo.
- **Yabelana** neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale oko ukuqwalaseleyo. Bhala phantsi apho abafundi beklasi yakho badlala khona wenzela isifundo sangomso.

IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 55

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.


UKUBHALA NGESANDLA

Amanani (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 50

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ukufunda ngengqiqo

IPH 44–49

15 imiz



Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko.
- Funda umxholo womhlathi oyintshayelelo kwiphepha lama-44. Chaza ukuba iza kuba libali lokwenyani eli (ibali elinika ulwazi oluyinyani).)
- Ngubani owakhe waya eKZN? (nxulumelanisa namava wabafundi)

Ukufunda notitshala

- Funda iphepha lama-44. Chaza ukuba yintoni iflowu tshati. Iqukumbela uhambo lwalo mlambo, kwaye ilwenza lufundeke lula. Ibali/isicatshulwa esilandelayo sisakucacisa nzulu.
- Funda **isicatshulwa sonke** kunyenabafundi. Nxulumanisa nemifanekiso.
- Yima uchaze nawaphi na amagama amatsha okanye umxholo, umz. usebenzisa imifanekiso okanye isithethantonye.
- Vumela umfundi abemnye aphendule imibuzo ekupheleni kwephepha ngalinye.

Emva kokufunda

- Ufunde ntoni ngalo mlambo umkhulu?
- Wakhe wawubona umlambo (phi? nini?)

UKUBHALA

Ukubhala ngengqiqo

IPH 56

15 imiz



Imibuzo

- Thethani ngeelogo ezintathu.
- Cacisa ukuba kule veki yonke imibuzo ingaphendulwa ngokujonga **kwifllowu tshati**, ngokuba yenza lula okanye ishwankathela isicatshulwa.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiNYY.

Jonga uze ukorekishe.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Greta Thunberg*

IPH 57
30 imiz


UMHLA
UGreta Thunberg
IVEKI YESI-3 • LWESIBINI • 57



ULWAZI OLUSISISEKO

Chola loo nkunkuma!

IPH 58
30 imiz


UMHLA
Chola loo nkunkuma!
Ngamaqela, qokelelani inkunkuma kwibala lokudlala, nize nibhale phantsi iindidi zenkunkuma kule theyibhile.
58 • IVEKI YESI-3 • LWESIBINI

Qaphela: Ukuba isikolo sakho sinayo iKiti yeZenzululwazi, lo msebenzi ungatshintshiswa ngofundo lwamanzi. Sebenzisa iKiti yeZenzululwazi ukufunda isampuli encinci yamanzi asuka kwichibi, umsinga okanye idibi. Bona ezinye ingcebiso apha:https://www.dws.gov.za/2020Vision/docs/GRADE%207%20LEARNERS%20-WS.pdf pg 30-35

Xoxa
- Yintoni inkunkuma kwaye isuka phi?
- Uyifumana phi inkunkuma?
- Kutheni abantu beyilahla naphi na inkunkuma?

Funda uze wenze
- Funda iphepha neklasi: Xoxani ngamagama, *imatha* (matter) (nantoni na eggiba/ethatha indawo) *nezixhobo* (izinto iimatha ezenziwe ngazo).
- Jonga itheyibhile uze uxoxe ngeendidi ezahlukileyo zenkunkuma abafundi abangazibona esikolweni.
- Chaza ukuba abafundi baza kuphuma baye kwibala lokudlala bachole inkunkuma (ngamaqela) imizuzu elishumi. Nika iqela ngalinye iplastiki yokuqokela inkunkuma nezikhuselo zezandla, iiglavu okanye iplastiki yesonka.
- Chaza ukuba ithali (*tally*) yintoni – igcuntswana ngalinye lenkunkuma kudidi oluthile, yenza umgca othe nkqo. Wonke umgca wesihlanu ngumgca othe tye ozotywe phakathi kwemigca emine eyenziwe ngaphambili, umz.
- Abafundi baqokelele inkunkuma baphuwule kwitheyibhile yabo 𝍸.
- Babuyele eklasini babale igcuntswana ngalinye lenkunkuma kudidi ngalunye.
- Lahla iiplastiki zenkunkuma emgqomeni.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukwenza ushicelelo

30 imiz



Xoxa
- Ushicelelo yindlela ekhawulezayo yokwenza iipatheni ngeemilo.
- Ushicilelo yipatheni ephindiweyo engenziwa ngokufaka into kwipeyinti ize iqatywe ephepheni.

Umsebenzi
- Nika umfundi ngamnye into yendalo, umz. igqabi, ilitye, ixolo lomthi – galela epeyinti engqindilili kwindawo emcaba.
- Cinizela into epeyintini, ipeyinti igqume umphezulu walo.
- Yibeke kwiphepha elicocekileyo ngelicala lipeyintiweyo. Yicinezele ithi nca phantsi.
- Phakamisa into yakho ephepheni uphinde.
- Yenza ipatheni usebenzisa izinto nemibala eyahlukileyo.

Bonisa nize nixoxe
- Bonisa umsebenzi wakho, uze uxoxe ngokuba zeziphi ezenze olona shicilelo luhle nokuba kutheni.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz




- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

LWESITHATHU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Ukucoca indawo endihlala kuyo

15 imiz



Cinga,Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Uyigcina njani indawo odlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile? (yiba nomgqomo, qokelela inkunkuma, chola ubumdaka benja usebenzisa iingxowa zeplastiki, njl. njl.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi. Xoxani banzi ngomxholo. Imiba omawuyibethelele: Ukucocwa kwendawo akumelanga kubangele ukungcoliswa kwenye, inkunkuma kumele ilahlwe ngendlela eyiyo, ukuqanda inkunkuma kubaluke njengokuyicoca.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.

IZANDI — Hlaziya isandi u-tsw

IPH 59

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.


UKUBHALA NGESANDLA

Amanani (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 50

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA — Isigama

IPH 44–49

15 imiz



Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluza:

umthombo	umlambo	ukungcoliseka	amadama	ingxangxasi

Ukufunda notitshala


- Phinda ufunda ibali **kunye** nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY njengoko ufunda. Bakrwela umgca okanye babiyele igama elitsha ngalinye.

Abafundi bahlela oonotsheluza ngokokulandelelana kwealfabhethi.

UKUBHALA — Isigama

IPH 60

15 imiz



IOrali

- Hlaziya ulandelelwano lwealfabhethi. Ukuba kukho itshati yealfabhethi, bhekisa abantwana kuyo.
- Jonga imisebenzi ekwiNYY uyifunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY. Jonga uze ukorekishe.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluza besigama kudonga lwamagama.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *UAyakha Melithafa*

IPH 61

30 imiz


UMHLA

UAyakha Melithafa

UAyakha Melithafa wazolelwa eEerste River, kufuphi neKapa. Umama wakhe wayengumfundisi. Kodwa imbokodo yenza kube nzima ukukhulisa izityalo. UAyakha waphanda unobangela woku. Wafumanisa ukuba kungenxa yokutshintsha kwemozulu. Ukutshintsha kwemozulu kwakusenza umfiliba ube shushu kakhulu.

UAyakha wayeneminyaka eli-16 ubudala kuphela, kodwa wayefuna ukuncedela ukunggondo ukutshintsha kwemozulu. Wazibandakanya nombutho waseMzantsi Afrika obizwa ngokuba yiAfrica Climate Alliance. Besebenze kunye nombutho, uncedise ekuguqulelweni ugwayimbo lokutshintsha kwemozulu lwabantwana eMzantsi Afrika. Ikwelela kumabonakude nakumaphephandaba.

UAyakha uthi, "Ndifuna abantu bazi ukuba ayingabantu abanelungelo kuphela abanolwazi ngotshintsho lwemozulu." Uye wacacisa ukuba utshintsho lwemozulu luchaphazela kakhulu abona bantu bahluphekayo. NjengoGreta Thunberg, ufuna abantwana bakhulele kwihlabathi elisempilweni.

1 Ufumanise ntoni ngotshintsho lwemozulu? Bhala izivakalisi zibe li-2.

2 Umsebenzi wasekhaya: Phanda ngakumbi ngokulimo imifuno.

IVEKI YESI-3 • LWESITHATHU • 61




ULWAZI OLUSISISEKO

Ufumane eyiphi inkunkuma?

IPH 62

30 imiz


UMHLA

Ufumane eyiphi inkunkuma?

Sebenzisa itheyibhile oyenze izolo ukuphendula imibuzo.

1 Loluphi uhlobo lwesikhaba ofumane
- uninzi lwalo?
- ubuncinci lwalo?

2 Uyifumene phi inkunkuma eninzi?

3 Ucinga ukuba kutheni bekukho inkunkuma eninzi apho?

4 Zeziphi iingxaki ezebangelwa yinkunkuma emabaleni okudlala?

62 • IVEKI YESI-3 • LWESITHATHU

Hlalutya uze uxoxe

- Jonga itheyibhile egqityezelwe ngabafundi izolo.
- Hlalutya iziphumo wenze itheyibhile ebhodini abonisa amanani ewonke ohlobo ngalunye lwesixhobo esiqokelelwe yiklasi yonke.
- Xoxa malunga nokuba izinto ezininzi zifunyenwe phi.
- Xoxa malunga nokuba kutheni ezizinto zilele phantsi, umz. Akukho migqomo, ubuvila, njl. njl.
- Xoxa ngamacebo okunqanda inkunkuma.

Phendula imibuzo

- Abafundi bagqibezele umsebenzi kwiNYY.



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukwenza isivakalisi sentshukumo

30 imiz



Lungisa

- Xoxa bgeendidi ezahlukileyo zongcoliseko esele kufundwe ngazo.
- Xoxa ngendlela udidi ngalunye olwenza abafundi bazive ngalo, umz. ivumba loqokelelo lwenkunkuma, ukubona ungcoliseko elwandle, imvakalelo yokurhaxwa ngumsi, ukuhamba endleleni egcwele yinkunkuma, njl.,njl.

Amaqela

- Abafundi basebenza ngamaqela azizithandathu.
- Ukudibanisa iingqondo: Ungashukuma kanjani ukubonisa imvakalelo yakho ngeentlobo ezahlukileyo zongcoliseko?
- Khetha imvakalelo ibe nye kwaye uyile uthotho lweentshukumo ezibonisa indlela oziva ngayo –iintshukumo ezintandathu ubunane kumanqanaba ahlukileyo (phezulu, phakathi, ezantsi, ukujikeleza, njl. njl.).
- Abafundi balungiselela kwaye baziqhelanise nolandelelwano lwentshukumo.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

LWESINE

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukugcina isikolo sethu sicocekile

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani


- **Cinga:** Singenza kanjani ukuze amagumbi okufundela nendawo yethu yokudlala zicocoke kwaye zikhuseleke?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi. Xoxa banzi ngomxholo, uze ubhale izinto eniza kukwazi ukuzenza ebhodini, umz. Cela inqununu ininike iingxowa zenkunkuma kunye nezokurisayikilisha. Iqela ngalinye ngemini lihlale imizuzu emihlanu emva kwekhefu (kwebreyikhi) liqokelele inkunkuma ebaleni lokudlala; Elinye iqela licoce igumbi lokufundela xa kuphela imini.
- Iingxowa zenkunkuma zisiwa emgqomeni yonke imihla. Izinto eziza kuphinda zisetyenziswe zifakwa kwingxowa eyahlukileyo njl. njl.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.

IZANDI

Bhala izivakalisi

IPH 63

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Amanani (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 50

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi


15 imiz

Yazisa isivakalisi

- Funda isivakalisi esisebhodini.
- Chonga ukuba leliphi ixesha (ixesha langoku) uze uchaze ukuba lisetyenziswa xa ubhala imibhalo enika ulwazi oluyinyani.
- Abafundi bakhangela baze bakrwelele isivakalisi kwisicatshulwa esikwiNYY, iphepha lama lama-47.

Dibanisa izivakalisi

- Hlaziya ukuba yintoni isivakalisi. Chaza ukuba yintoni isihlanganisi okanye igama lokudibanisa.
- Bhala *ebhodini la magama: kunye, kodwa ngoba*. Chaza umehluko kwiintsingiselo zawo.
- Chaza ukuba ukusebenzisa izihlanganisi kunqanda uphindaphindo, kwenza ukuba izivakalisi zibe zide, umzekelo, ukohlula ubude, ukwenza umbhalo ubengochanekileyo.
- Ncenda abafundi badibanise umzekelo wezivakalisi ngomlomo.



UKUBHALA

Ulwimi

IPH 64

15 imiz



Bhala

- Gqibezela iphepha leNYY.
- Abanye abafundi bafunde izivakalisi ngokuvakalayo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *URobert Mazibuko*

IPH 65

30 imiz


UMHLA

URobert Mazibuko



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphononongа umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha lama-53)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa unotsheluza welwimi ezimbini wegama ngalinye uze ubuze imibuzo

ungcoliseko
1. Ungcoliseko alubangelwa ngabantu.
2. Uninzi longcoliseko lubangelwa ngabantu.
3. Ungcoliseko lubangela utshintsho lwemozulu.

inkunkuma
1. Inkunkuma bubumdaka endaweni engafanelekenga.
2. Inkunkuma izisa iimpuku, iimpukane neengcongconi, ezibangela ukugula.
3. Akunamsebenzi ukuba silahla inkunkuma noba kuphi.

izixhobo
1. Izixhobo zizinto ezenza izinto ezibambekayo.
2. Inkunkuma yenziwa zizixhobo.
3. Konke ukungcoliseka kwenziwa zizixhobo ezibambekayo.

Uhlanganiso nesiNgesi: *pollution* (ungcoliseko), *litter* (inkunkuma), *materials* (izixhobo)



EZOBUGCISA BEQONGA

30 imiz



Ulandelelwaniso lweentshukumo (luyaqhubeka)

Linganisa
- Ngamaqela, abafundi benze ulandelelwaniso lweentshukumo.
- Iklasi iyaqashisela ukuba siyintoni isimo sabo songcoliseko.

Vavanya
- Ncoma iqela ngalinye.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz




- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ucinge ntoni, waziva njani okanye wenza ntoni ngexesha ubufunda ngongcoliseko kule veki?
- **Ngababini:** Yabelane neqabane lakho.
- **Yabelana:** neklasi.
- Ngxininisa ukuba noba olunye ungcoliseko lubangelwa zizinto ezingaphaya kolawulo lwethu (imizi-mveliso njl. njl.) zikhona izinto esingazenza ngongcoliseko, umz. ukutyala imithi, ukucoca inkunkuma, uchazela abanye ngotshintsho lwemozulu, njl. njl.



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

IPH 66

10 imiz



- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.




UKUBHALA NGESANDLA

Amanani (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 50

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Konke oku kungabantu abaxhalabileyo ngendawo abahlala kuyo. Yeyiphi eyona uyonwabele kakhulu? Ngoba?

Ukukorekisha

- Thatha umsebenzi uze ubeke unobumba wokuqala wegama okanye ubhale ngeempendulo zabafundi.



UKUBHALA EYEDWA

Inkqubo

15 imiz

Ndiwupakisha njani ubhaka wam wesikolo

1. Ndijonga ingxowana yam yeepensile.
2. Ndifaka ingxowana yam yeepensile kubhaka.
3. Ndifaka ushoti wam wezemithambo kubhaka.

- Abafundi babhala ngenkqubo eqhelekileyo kubo.
- **Wena** khetha inkqubo, okanye abafundi bazikhethele (Ndimpakisha kanjani ubhaka wam wesikolo; Ndizenzela kanjani isikhaftina; Ndiyondlula njani ibhedi yam, njl. njl.).
- Ungakhetha into enxulumene nemisebenzi abayenzileyo kule veki, umz. Ndiyenze njani ipatheni yobugcisa (inxulumene nomsebenzi wobugcisa); Ndicoce kanjani kwindawo endidlala kuyo (iorali).
- **Khangela:** Ulandelelwano olunengqiqo, iinkcukhacha, uqwalaselo olululo.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E



- **Umsebenzi owenza wedwa:** *UWangari Maathai*

IPH 67

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz



Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 2 iphepha lomsebenzi lama-36 Ungcoliseko. iphepha lesi-8 nele-9.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya, iphepha lama-23 nelama-30.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

UPHONONONGO LWEVEKI KATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.



Ungcoliseko

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kubhiyozela usuku lokutyala imithi baze bafunde banzi ngemithi yemveli yaseMzanti Afrika.
- Kufunda kwaye baqonde ngeempembelelo ezintle imithi enazo kokusingqongileyo.
- Kufunda ukutyala umthi.
- Kumamela ibali elingemvelaphi laseAfrika ngomthi.
- Kwenza iflowu tshati esekelwe kumbhalo.
- Kwenza ushicilelo lweebhloko.
- Kupeyinta umfanekiso wosuku lokutyala imithi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi:	umthombo	umlambo	ukungcoliseka	amadama	ingxangxasi
	source	*river*	*polluted*	*dams*	*waterfall*

Isigama seZakhono zoBomi	Usuku lokutyala imithi	utshintsho lwemozulu	ihlathi
	Arbor Day	*climate change*	*forest*

Izivakalisi

Umlambo osempilweni uneentlobo ntlobo zeentlanzi kunye nezilwanyana ezincinci ezihlala emanzini.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Izixhobo zezobugcisa: ipeyinti engqimbilili, iitreyi zepolystyrene, ikhadibhodi eliqinileyo, iwulu etyebileyo okanye umtya, izikere, iipensile, iphepha elingange-A3 kunye ne-A4 ukwenzela ushicilelo nokupeyinta
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zokubhalela zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekishe: Ukubhala ngesandla


Olungekho sesikweni: Ubizelo, ingqiqo (Iflowu tshati), amaxesha okuziqhelanisa notyibiliko, imsiebenzi yoLwazi olusiSiseko

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Lwesihlanu	Ukubhala Uvavanyi 1: Iflowu tshati	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT iph 72

Ibali elingemvelaphi laseAfrika: Umthi weziqhamo

Mandulo, eAfrika izilwanyana zava ngomthi onomlingo. Bava ukuba zonke indindi zeziqahmo zikhula kulo mthi:iipayinapile, ama-apile, amaorenji, iibhanana nezinye. Babesazi ukuba luhlobo olunye lesiqhamo esikhula kumthi ngamnye, ngoko babesezasi ukuba lowo ngumlingo.

Ukumkani Ngonyama wabiza intlanganiso wathi, "Ngubani oza kuhamba ayokukhangela lo mthi akugqiba asise kuwo? Kufuneka uyikhumbule indlela oyihambileyo."



Udyakalashe wathi, "Ndizakuya. Ndiyakhawuleza." Wazulazula indlela ende kwihlathi laseAfrka ekugqibeleni wawufumana umthi. Wawugcwele ziziqhamo. Wayenemincili wade watya iorenji, waze wabuyela emva emva koko. Wayikhumbula indlela. Kodwa … Owu yhini bethuna … kanye xa ezokuya kwindawo ezidibanela kuyo izilwanyana, wabona umvundlana ubaleka ethafeni. Walibala yonke enye into, waleqa umvundla wade wayokungena emngxunyeni. Waphindela kwindawo yendibano kodwa waqonda ukuba isenzo sakhe sokuleqa umvundla sibangela ukuba ayilibala indlela yakhe. Zadana izilwanyana.

Iqwarhashe lathi, "Ndizakuya. Ndikhawuleza njengodyakalashe," Lagabadula indlela ende kwihlathi laseAfrka, ekugqibeleni lawufumana umthi. Wawugcwele ziziqhamo. Lalinemincili laze latya ibhanana, emva koko labuyela emva. Layikhumbula indlela. Kodwa … Owu yhini bethuna … kanye xa ezakuya kwindawo ezidibanela kuyo izilwanyana, labona eyona yakhe yaluhlaza nengcamlisayo ingca. Lalibala yonke enye into, laqalisa ukutya, latya lade layigqiba yonke ingca. Laphindela kwindawo yendibano yezilwanyana, laqonda ukuba belilibele kukutya ingca eluhlaza laze layilibala indlela yalo. Zadana izilwanyana.

Lathetha ufudo. "Ndizakuya. Ndiyazazi ndiyachotha kodwa ndithembekile." Lacothoza lihamba indlela ende kwihlathi laseAfrka, ekugqibeleni lawufumana umthi. Wawugcwele ziziqhamo. Aluzange lutye nesinye isiqhamo, lahamba labuyela emva. Layikhumbula indlela. Aluzange lume. Lathi lakufika kwindawo yendibano, Laxelela ukumkani Ngonyama nezinye izilwanyana ukuba kuyiwa njani kumthi womlingo.

Yaba ngumkrozo, zonke izilwanyana zisendleleni eya kumthi womlingo. Zatya zazitika iindidi zeziqhamo. Ufudo lwabangumsindisi ngaloo mini.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz



Cinga, Ngababini, yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (*izinto abazakuza nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.*).



IZANDI

Fundisa isandi u-tyh

IPH 69

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Iindawo neentsuku (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 68

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 63

15 imiz



Phambi kokufunda

- Yintoni intsomi engezilwanyana? (libali elikufundisa into ethile).
- Zeziphi iintsomi engezilwanyana owakhe waziva?
- Nika injongo yokumamela: Masibone ukuba iza kuifundisa ntoni lentsomi.


Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Izame ukusifundisa ntoni le ntsomi?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 70

30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Usuku lokutyala imithi

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngomthi okhula kufutshane nakokwenu.
- **Ngababini:** Xelela iqabane ngalo mthi – ubukhulu bawo, umbala, isiqhamo, njl. njl.
- **Yebelana** neklasi.

Funda nize nixoxe

- Buza: Kutheni kufuneka sityale imithi?

IPH 71

30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umfanekiso wesuku lokutyala imithi

30 imiz

Lungisa

- Thethani ngoshicilelo ebenilenze kwiveki ephelileyo nisebenzisa izinto zendalo.
- Chaza ukuba zikhona ezinye indlela zokushicelela, umz. ukushicelela ngeebhloko, apho ezinye iindawo zebhloko zivela ngaphandle/emacaleni futhi ezinye zingezantsi.
- Ukuba kuyenzeka bonisa umfanekiso wokushicelela ngeebhloko: (https://artclasscurator.com/making-art-with-kids-block-printing/)

Umsebenzi (shicilela ngeebhloko)

- Sebenzisa isiqwenga sekhadibhodi eyomeleleyo (esimalunga nee-15 cm^2) kunye nomtya otyebileyo okanye iwulu.
- Bhijela ikhadibhodi ngewulu ukwenzela imigca engaphambili ibukeke ngokungathi sisiqu somthi.
- Ncamathelisa intambo ngemva ngeseloteyipu.
- Qaba ipeyinti ngaphambili uqinisekise ukuba intambo yogqunywe yipeyinti.
- Qala ekhohlo kwiphepha elicocekileyo elilele ngecala ushicilele iziqu zomthi usebenzisa ibhloko.
- Phinda de ububanzi bephepha bugqumeke ziziqu zomthi.

Gcina umsebenzi ukhuselekile ukuze ugqibezele ngomso.





EZEMITHAMBO

Intshayelelo

30 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIBINI

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Ukuxoxa ngebali

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba eli bali bendinibalisele lona izolo liyinyani? Ngoba kutheni?
- Sazi kanjani ukuba ufudo sisilwanyana esihlakaniphileyo?
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.

IZANDI — Ukuziqhelanisa

IPH 72

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Iindawo neentsuku (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 68

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA — Ukufunda ngengqiqo

IPH 44–49

15 imiz



Ukufunda notitshala

- Funda nokuba ngawaphi na amaphepha amabini ebali kunye nabafundi (ungafundi iflowu tshati).
- Bonisa utyibiliko nemvakalelo (qaphela iimpawu zokufunda, ubizo magama, imvakalelo, isantya esilungileyo.


Ukufunda ngababini

- Amaqabane afunda iphepha etshintshiselana eziqhelanisa nokufunda ngotyibiliko nangemvakalelo-zwi.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhamba-hamba eklasisni okanye usebenzise eli xesha njengexesha lokunceda umfundi ngamnye.

UKUBHALA — Ukufunda nengqiqo

IPH 73

15 imiz



Funda nize nixoxe ngomsebenzi

Bhala

- Gqibezela umsebenzi weNYY.

Jonga uze ulungise.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 74

30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Imithi yokutshintsha kwemozulu*


UMHLA

Imithi yokutshintsha kwemozulu

Kukho ikhemikhali eyahlukileyo ezingabonakaliyo emoyeni, njenge oksijini nekhabhoni. Ukutshintsha kwemozulu kwenzeka ngenxa yokuba kukho ikhabhoni eninzi emoyeni kunangaphambili. Oku kwenza umhlaba ube shushu ngakumbi.

Amaqgabi emithini afunwa ikhabhoni. Asa ikhabhoni kwiingcambu zomthi, aze aphalise umhlaba.

Kukho umthi okhethekileyo waseAfrika owenza oku kakuhle kakhulu. Ubizwa ngokuba ngumthi iSpekboom. Unomaqgabi atyebileyo asebenza okwexpontshi. Afunwa ikhabhoni eninzi. iSpekboom asifuni manzi maninzi, kwaye sikhula lula.

Ukuba wonke umntu unokutyala iSpekboom, okanye nawuphi na umthi, emasangweni akhe, kunganceda ukungandisi ukutshintsha kwemozulu.

Zoba umfanekiso weSpekboom, uze uwufake umbala.

74 • IVEKI YESI-4 • LWESIBINI

ULWAZI OLUSISISEKO

Ukutyala imithi ukulwa ungcoliseko

IPH 75

30 imiz

Funda nize nixoxe

- Phonononga ukuba abafundi ngosuku lokutyala imithi. Funda iflowu tshati ngokutyala imithi.

Zoba

- Gqibezela umsebenzi kwiNNY.


UMHLA

Ukutyala imithi ukulwa nongcoliseko

Funda itshati yolandelelwano ngendlela yokutyala umthi. Zoba umfanekiso kwibhloko nganye.

Utyalwa njani umthi

1 Yomba umngxuma omkhulu kuneengcambu zomthi.

2 Faka umgquba emasantsi womngxuma.

3 Faka umthi emngxunyeni.

4 Faka umhlaba uyokutsha embindini uze uwugangathe.

5 Nkcenkceshela umhlaba.

6 Gcwalisa umngxuma ngomhlaba, uze urhcenkceshele kwakhona.

IVEKI YESI-4 • LWESIBINI • 75

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

30 imiz

Umfanekiso wosuku lokutyalo imithi (uyaqhubeka)

Umsebenzi (shicilela)

- Sika imilo yegqabi (engangee-5 cm ubude) kwitreyi *yepolystyrene* ukrwele iimithambo usebenzisa ipensile okanye ukhangele igqabi elincinci elinemithambo ebonakalayo.
- Sebenzisa ipeyinti engqindilili yemibala eluhlaza eyahlukeneyo, mthubi, mdaka ukuqaba elicala legqabi linemithambo.
- Phezulu ephepheni (phezu kweziqu ebezishicilelwe izolo), shicilela amagqabi ukwenza imithi. Fakela ezinye iinkcukacha ezinjengengca, iintaka, izidalwa zasehlathini, njl. njl. usebenzisa ipeyinti okanye ikoki.
- Abafundi bachaze ngeendlela ezahlukileyo zokushicelela neepatheni abazisebenzisileyo.

Bonisa nize nixoxe



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESITHATHU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ukuphinda ubalise ibali

Cinga, Ngababini, Yabelanani


- **Cinga** ngebali lomthi womlingo.
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho ibali. (Iqabane lokuqala libalisa ibali namhlanje, ze elesibini libalise ngomso.)
- **Yabelana:** Mema umfundi abalise ibali eklasini.
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqapheleyo.

IZANDI

Fundisa izandi u-ndyw no-dy

IPH 76

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Iindawo neentsuku (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 68

10 imiz




- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Ukuphononongа isigama nolwimi

15 imiz



Isigama (NYY iphepha lama-60)

- Funda oonotsheluza beveki ephelileyo:

umthombo	umlambo	ukungcoliseka	amadama	ingxangxasi

- Abafundi bajonga umsebenzi wesigama weNYY weveki ephelileyo baze balungise.

Umsebenzi wezivakalisi (NYY iphepha lama-22)

- Bhala izivalisi izihlanganiswe ngokuchanekileyo ebhodini. Abafundi bajonga ezabo zizvakalisi.
- Abafundi bafundela iqabane izivakalisi zabo.

UKUBHALA

Uhlanganiso nesiNgesi

IPH 77

15 imiz



Isigama

- Thetha ngendlela abizwa ngayo amagama oonotsheluza ngesiNgesi. Guqula unotsheluza ngamnye ufunde igama ngesiNgesi:

umthombo	umlambo	ukungcoliseka	amadama	ingxangxasi

Isivakalisi

- Xoxa ukuba usivakalisa njani izivakalisi esiphambili ngesiNgesi.
- Qaphela isigama. Yahlula isivakalisi kathathu:
  - Isivakalisi sesiNgesi: *A healthy* ***river /*** *has a lot of different kinds of fish and tiny animals* ***/*** *living in the water.* (**Umlambo** osempilweni / uneentlobo ntlobo zeentlanzi kunye nezilwanyana ezincinci / ezihlala emanzini.)

Bhala

- Gqibezela umsebenzi weNYY.
- Jongani nize nikorekishe iimpendulo niyiklasi.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 78
30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Imithi yamayeza*


UMHLA

Imithi yamayeza

Eminye imithi isetyenziselwa ukwenza amayeza. Indawo ekwenziwa kuzo amayeza kuvavanya amagqabi, iingcambu kunye namxolo emithi ukujonga ukuba anganyanga izifo na. Sinkampani ezikuba amayeza ziyakwazi ukwenza izipili okanye amayeza zisebenzisa ikhemikhali yomthi.

Amaxhwele asebenzisa amalungu emithi ukwenza amayeza. Ayazi ukuba yeyiphi imithi kunye nezityala ezilungele izigulo ezahlukileyo.

Ukwenza amayeza ngemithi kufuneka kwenziwe ngononophela. Ukuba uthatha amaxolo amaninzi, amagqabi amaninzi, okanye ukonakalisa iingcambu, umthi uya kufa. Ukuba yonke imithi igafa, abantu abaguloyo abanakuncedwa.

UMzantsi Afrika unezityalo nemithi ekwaziyo ukunyanga izifo ezithile. Isityalo seKhala sineekhemikhali kumagqabi aso asetyenziswa ukwenza izinto zokuthambisa. Amaxhwele asebenzisa esi sityalo ukunyanga ukutsha.

Omnye umthi, ngumthi ongumhlanyana, wafunyaniswa unekhemikhali ephilisayo. Amaxhwele asebenzisa ixolo elimthubi ukwenza iti enceda abantu aboneengxaki zeentilziyo.

Indawo ekwenziwa kuzo amayeza zikwafumene ikhemikhali ephilisayo kumthi webhowabhabhu (*baobab*), kumagqabi nakwiziqhamo zawo.

Kwenzeka ntoni xa wonakalisa amaxolo okanye iingcambu zomthi?

78 • IVEKI YESI-4 • LWESITHATHU

ULWAZI OLUSISISEKO — Utyalwa njani umthi

IPH 79
30 imiz

Funda nize nixoxe

- Fundisisa Iflowu tshati kwiNNY iphepha lama-75.
- Abafundi bacacisa manyathelo ngamazwi abo.

Bhala

- Abafundi babhala inkqubo ngokutyala umthi besebenzisa amazwi abo.


UMHLA

Indlela yokutyala umthi

Funda itshati yolandelelwano obuyenze kwiphepha lama-75.
Bhala amanyathelo endlela yokutyala umthi.

Izinto ozidingayo

Into ekufuneka uyenze

IVEKI YESI-4 • LWESITHATHU • 79

EZOBUGCISA BEQONGA — Ulinganiso olulandelelanayo

30 imiz

Lungisa

- Chaza ukuba ulinganiso bubuchule bokwenza umdlalo obucebisa izenzo okanye iimvakalelo ngaphandle kokuthetha, usebenzisa ulandelelwaniso lwezijekulo, iimboniso kunye neentshukumo.
- Bonisa indlela yokwenza ulinganiso, umz, ukuhlamba amazinyo akho usebenzisa izenzo neemboniso buso ezigqithisileyo.

Yenza

- Biza imiboniso yolinganiso elula, umz. ukuphuma ebhedini – ngovuyo okanye ngokuthandabuza; ukungcamla ukutya okuthandayo, okanye ongakuthandiyo.
- Abafundi balinganise izenzo ezifanelekileyo ngokulandelelanayo.

Amaqela

- Ngamaqela azizibini okanye izithathu, abafundi bacinge ngebali abanokulilinganisa. Baziqhelanise nolinganiso ngamaqela.



EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphinda ubalise ibali

15 imiz



Ngababini, Yabelanani

- Phinda umsebenzi wayizolo, iqabane lesibini libalisa ibali.
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala okuqwalaseleyo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 80

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Iindawo neentsuku (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 68

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.




UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

IPH 81

15 imiz



Ukufunda ngababini

- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa betshintshiselana.
- Jonga/beka ixesha lokufunda (1 umz emnye).
- Bhala inani lemigca efundiweyo. Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufunda emakhaya.



UKUBHALA NOTITSHALA

Iflowu tshati: Lenziwa njani iphepha

15 imiz



- Jonga imizekelo yeflowu tshati (Uhambo loMlambo Umgeni, Utyalwa njani umthi).
- Uqwalasela ntoni kwiflowu tshati? (Ibonisa inkqubela okanye inkqubo. Ibonakaliswe njengomzobo (diagram). Iqulathe amanqaku okanye amanyathelo abalulekileyo odwa. Izivakalisi ezimfutshane, amabinzana okanye amagama nje. Ihamba kwicala elinye.)
- Ungayisebenzisela ntoni iflowu tshati? (Kulula ukuyifunda, yenza izinto zibelula ukuziqonda.)
- Funda ibali, *Imithi yamaphepha* kwiNNY iphepha lama-84 kunye neklasi.
- Chazela ukuba abafundi baza kugqibezela iflowu tshati ngesi sicatshulwa ngomso, ukunceda abantu baqonde inkqubo yokwenziwa kwephepha.
- **Iimpawu zeflowu tshati:** Inkqubela okanye inkqubo ibekwe ngolandelelwano, kusetyenziswa iintolo neeovali (*arrows and ovals*) phakathi kwamanyathelo, ichazwa kwixesha langoku, izivakalisi ezimfutshane okanye amagama, ikwenza lula ukuqonda ulwazi.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Imithi yokutya*

IPH 82

30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphononongа umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha lama-53)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa unotsheluza eeelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

Usuku lokutyala imithi
1. Usuku lokutyala imithi lubhiyozelwa kwiveki yokuqala kweyoMsintsi.
2. Abanye abantu batyala imithi ngosuku lokutyala imithi .
3. Usuku lokutyala imithi lusuku lokugawula imithi.

utshintsho lwemozulu
1. Utshintsho lwemozulu senzeka ngokuba kukho ikhabhoni (carbon) eninzi emoyeni kunangaphambili.
2. Utshintsho lwemozulu yinto ewulungeleyo umhlaba.
3. Utshintsho lwemozulu yinto engawulungelanga umhlaba.

ihlathi
1. Ihlathi ngumthi omnye ozimeleyo wodwa.
2. Iimithi emininzi ndawoni nye yenza ihlathi.
3. Amahlathi ayanceda ukulwa utshintsho lwemozulu.

Uhlanganiso nesiNgesi: *Arbor Day* (Usuku lokutyala imithi), *climate change* (utshintsho lwemozulu), *forest* (ihlathi)



EZOBUGCISA BEQONGA

Ulinganiso olulandelelanayo

30 imiz

Ukuzifudumeza
- Yenza izangqa ngezihlahla nesinqe, amaqatha nentamo, njl. njl ngaxeshanye.

Linganisa
- Iqela ngalinye lenza ulinganiso olulandelelanayo benikana amathuba.

Vavanya
- Khuthaza ukuphawula okulungileyo emva kokulinganisa.
- Phawula ngemboniso yobuso, isijekulo nentshukumo.





EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ukuphononongа iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngento oyifunde kule veki ngemithi.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

IZANDI

Ubizelo

IPH 83

10 imiz



- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

Amagama: izityholo, iyarhwexa, ingcwele, intsasa, izandyondyo


Isivakalisi: Idyongo ezimbini zangena dyulukudu zidyarhele ukubukela umdyarho.

UKUBHALA NGESANDLA

Iindawo neentsuku (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 68

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Ukuphononongа umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo.
- Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bazikorekishe.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande ngcono? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?


Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama. Phawula ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

UKUBHALA UVAVANYO 1

Iflowu tshati: lenziwa njani iphepha

15 imiz



- Yenza iflowu tshati kwiincwadi zomsebenzi. Kopa amanyathelo amabini ebhodini ugqibezele.
- Ungenza noba mangaphi amanyathelo.
- Ungabhala izimvo zilandelelane, enye ezantsi kwenye okanye ngezivakalisi.
- Amanqaku ongezelekileyo:
  - Iimbuqu zixutywe neekhemikhali ukuze zibeyintlama emanzi, kwaye zithambe.
  - Le ntlama imanzi ithambileyo iyomiswa ibengamacwecwe.
  - Iphepha elirhabaxa lenziwa ligude.
  - Iphepha libayimveliso.

Ukukorekisha

- **Khangela:** Ithemplethi yeflowu tshati isetyenziswe ngokuchanekileyo, ushwankathelo olulo lwamanyathelo, amanyathelo alandelelanayo, ixesha langoku, isigama nokuba amagama eqhelekileyo apelwe ngokuchanekileyo.

Ukukorekisha:
Jonga iphepha le-142
Amanqaku: 10

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Imithi yamaphepha*

IPH 84
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi yeveki ephelileyo kwincwadi yomsebenzi yeDBE. Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yomfundi yeZakhono zoBomi 2 iphepha lomsebenzi lama-38 Iziphumo zongcoliseko, iphepha le-14.
- Incwadi yomsebenzi yomfundi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha lama-26 nelama-27.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.


Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-5





Indlela ababephila ngayo abantu mandulo

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngobomi bakudala ngokufunda nokuqaphela.
- Kufunda ukwenza udliwano-ndlebe nomntu omdala malunga neenkumbulo zabo.
- Kwenza umdlalo weqela omalunga noko bakufundileyo.
- Kufunda intsomi yaseYurophu yakudala.
- Kuhlalutya bafunde ngezinto zakudala.
- Kufunda ngeepatheni kubugcisa baseAfrika.
- Kubhala imiyalelo yokwenza isihlangu.
- Kuqonda lukhulu ngeemyuziyam.
- KugqibezelaKuqhubeka nomsebenzi wezihlanganisi kunye nokudibanisi/ukwahlula izivakalisi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	umfanekiso-ngqondweni	eyomlingo	ithemba	ukuduma/indumasi	ukuthandwa
	imaginary	*magic*	*hope*	*famous*	*popular*

Isigama seZakhono zoBomi	imyuziyam	umboniso	ulwazi
	museum	*exhibit*	*information*

Isivakalisi

Wasika ufele olutsha waze walushiya phezu kwetafile yakhe yokusebenza.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Incwadi yolwimi yokubhalela, umsebenzi owenza wedwa wokufunda nokubhala ngesandla
- Amakhadibhodi amile okwamazinki kunye neglu yamaphepha ukwenza imisebenzi yeteknoloji
- Izixhobo zemisebenzi yezobuGcisa
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo.
- Iincwadi zokubhala zabafundi
- Isalathiso samanqaku semiboniso yemisebenzi yobugcisa (NNY iphepha lama-96):
  - https://www.1000hillstourism.co.za/2022/woza-moya-dream-of-africa-chair-tutu-foundation/
  - https://www.forbes.com/sites/yjeanmundelsalle/2019/06/07/esther-mahlangu-one-of-south-africas-most-famous-artists-perpetuates-traditional-ndebele-painting/?sh=2d70f0961501

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekishe: Ukubhala wedwa (Inkqubo); Isigama; Izivakalisi; Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu); iimpendulo zomsebenzi wokubhala wedwa

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Izinto ezisemyuziyam


Eli bali liyintshayelelo kumxholo weZakhono zoBomi othi, Indlela ababephila ngayo abantu kudala. Utitshala uyalifunda ngoMvulo (Jonga iphepha lama-76). Abafundi bangajonga imifanekiso kwiNYY bachonge ezinye zezinto ebekuxoxwe ngazo.



Utitshala wamawele use iklasi emyuziyam iyokubona izinto abantu babezisebenzisa mandulo.

Wahlula iklasi ngamaqela. Iqela ngalinye likhangela izinto ezithile. Iqela likaJennilee lakhangela izinto esinqwenela ukubanazo xa kucime umbane. Iqela likaZane lakhangela izinto ebesinokuzisebenzisa ukuba besingenayo iplastiki.

Iqela likaJennilee lafumana isitovu seenkuni. Bavula umnyango omncinci estovini babona indawo yokwenza umlilo. "Kungakuhle ukubanaso xa kucime umbane," watsho uJennilee, "udinga nje iinkuni."



Phezu kwesitovu bafumana iayini yentsimbi yakudala yokuayina iimpahla. "Ndiyabona ngoku,", watsho uJennilee, "umlilo wenze umphezulu wesitovu washushu neayini yatsho yashushu." Bafumana enye iayina evulekayo. Abafundi bathandabuza ukuba isebenza kanjani. Babuza usisi osebenza emyuziyam. Wathi yiayini yamalahle. Wawufaka amalahle abomvu atshisayo phakathi kwiayini ukuyenza ibeshushu. "Umakhulu wam angayithanda enye yazo ukwenzela xa umbane uvele ucime esezama ukuayina!" watsho omnye wamakhwenkwe.



Bafumana into eyayinomqheba neerola. Usisi wasemyuziyam wathi ibizwa ngoba yimengile (*mangle*). Yayiyeyokhama iimpahla. Wababonisa ukuba zifakwa kanjani iimpahla ezimanzi phakathi kweerola uze ujije umqheba. Emva koko, iirola zikhame amanzi.

Iqela likaZane bakhawuleza babona ukuba akukhonto eyenziwe ngeplastiki emyuziyam. Bafumana iqokobhe leqanda lenciniba abaThwa babelisebenzisa ukugcina amanzi. Bafumana iisutikheyisi ezenziwe ngofele oluqinileyo. Bafumana iqokobhe lethanga eliqinileyo abantu babelisebenzisa ukugcina amasi. Usisi wasemyuziyam wathi ibizwa ngokuba liselwa. Bafumana iimbiza zobudongwe ezinemilenze emincinci abantu baseAfrika babezisebenzisa ukugcina ukutya kushushu. Bafumana neembiza ezintle zokugcina umqombothi. Bafumana enye elingana nekomityi. Wahleka usisi wasemyuziyam wabaxelela ukuba lena abantu babesipha ngayo umqombothi iindwendwe abangazithandiyo. Abafundi bakuva kuhlekisa oko.



Utitshala wabaxelela ngendlela ababezikhathalela ngayo abantu ezi zinto, nokuba babengazisebenzise kanye baze bazilahle. Wababuza ukuba bacinge ngomahluko omkhlu omnye ongenzeka. "Ndiyayazi," watsho uZane, "akunobakho inkunkuma," "Ewe," watsho utitshala, "Ukungabikho kwenkunkuma. Ayinokubantle lo nto?'

MVULO

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wenze ntoni ngempelaveki? Uzive kanjani ngezinto othe wazenza?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngempelaveki yakho nokuba uzive kanjani.
- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelane neklasi ngendaba zabo zempelaveki.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (*izinto emabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.*).

IZANDI

Hlaziya isandi u-nkq

IPH 93

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Iinyanga (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 92

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 75

15 imiz



Phambi kokufunda

- Yazisa isihloko **izinto zamandulo**.
  - Wakhe waya emyuziyam? Wabona ntoni khona?
- Nika injongo yokuphulaphula: Mamela ukuze wazi ngakumbi ngezinto zakudala ozibona emyuziyam.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Belikhangela ntoni iqela likaJenilee?
- Belikhangela ntoni iqela likaZane?
- Kutheni abantu babeshiya inkunkuma encinci kudala?
- Chaza: Izinto emyuziyam zibizwa ngokuba *yimiboniso*?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B



- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 94
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Indlela ababephila ngayo abantu mandulo

Yazisa umxholo

- Wakhe wazibona izinto zakudala? Zeziphi izinto zakudala onokuzibiza?


Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngendlela abantu ababephila ngayo kudala?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngayo malunga nendlela abantu ababephila ngayo kudala kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

IPH 95
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Iziko lemiboniso yezobugcisa: Iipatheni eAfrika

Funda ngeepatheni eAfrika

Umsebenzi wobugcisa waseAfrika udla ngokusekelwa kwiiphatheni. Ngamanye amaxehsa iipatheni zibanolingano-macala; ngamanye zibenendawo ekugxilwe kuyo. Zidla ngokubanemibala egqamileyo. Zimela amasiko nemveli yabantu abazenzayo.

Chaza ukuba obunye bobugcisa abenziwa ngepeyinti nebhodi yokuzobela (*canvas*) okanye iphepha. Ingapeyintwa kwizakhiwo okanye ezinye izinto. Ingazotywa kudongwe, njengeembiza zodongwe abafunde ngazo kwikota yoku-1. Okanye ingenziwa ngezixhobo ezahlukileyo njengamaso.

Imifanekiso kunye nezicatshulwa

- Jongisisa imisebenzi emibini yobugcisa kwiphepha lama-96.
- Funda amanqaku eendaba malunga neBMW kunye neSitulo sephupho (*Deam chair*).

Ingxoxo yeklasi

- Ingaba ubugcisa buhlala bubonwa kwizinto ezinje ngeemoto okanye izitulo?
- Ngowuphi umsebenzi wobugcisa owawuthanda kakhulu? Imoto okanye isitulo? Ngoba?
- Wakhe wawubona umpeyinto wamaNdebele okanye umsebenzi wamaso wakwaZulu? Phi?
- Ungathanda ukwenza iipatheni ezinjengezi?

IPH 96
30 imiz





EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

30 imiz



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Udliwano-ndlebe

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yintoni udliwano-ndlebe? Wakhe walubona udliwano-ndlebe kuma-bonakude? Kwenzeka ntoni?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.
- **Chaza:** Kule veki uza kwenza udliwano-ndlebe nomntu omdala ekhaya, ukufumanisa ukuba ubomi babunjani kudala. NgoLwesihlanu siza kuthetha ngoko ukufumeneyo.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale oko ukuqwalaseleyo.

IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 97

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Iinyanga (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 92

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA

Ukufunda ngengqiqo

IPH 86–91

15 imiz



Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko.
- Zeziphi izihlangu ozithandayo?

Ukufunda notitshala

- Funda iflowu tshati kwiphepha lama-86.
- Funda ibali kunye nabafundi. Unxulumelanise neefoto.
- Yima uchaze amagama amatsha okanye imixholo, umz. usebenzise imifanekiso okanye isithetha-ntonye.
- Vumela umfundi omnye aphendule imibuzo ekupheleni kwephepha ngalinye.

Emva kokufunda

- Ingaba besisonwabisa isiphelo? Kwenzeke ntoni?

UKUBHALA

Ingqiqo

IPH 98

15 imiz



Imibuzo

- Thethani ngeelogo.
- Abafundi kuza kufunekabajonje ebalini ukufumana iimpendulo (hayi kwiflowu tshati).

Bhala

- Gqibezela umsebenzi NYY.

Jonga uze ukorekishe.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Izihlangu mandulo nangoku*

IPH 99
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Ukutyelela emyuziyam

IPH 100
30 imiz



Funda nize nixoxe

- Chaza ukuba izinto ezisemifanekisweni zifana nemiboniso ongayibona emyuziyam. Xoxa ngoko abafundi bakwaziyo malunga ngezinto ongazifumana emyuziyam.
- Chaza ukuba iimyuziyam ezininzi zinembali zendalo kunye nezinto zembali, kodwa kwesi sifundo sijonga izinto zakudala.

- Bakhumbuze ngebali ngokutyelela emyuziyam.
- Chonga izinto ezinokusetyenziswa ngexesha lelowudishedingilokucinywa kombane, kwaye zeziphi ezisetyenziswayo endaweni yeplastiki.
- Abafundi bathetha ngezinye izinto zakudala abanokuzicinga.

Bhala


- Gqibezela umsebenzi kwiNYY.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yila ipatheni ephindaphindiweyo

30 imiz



Intshayelelo

- Khumbuza abafundi ngemifanekiso abayibone kwiipatheni zomsebenzi wobugcisa waseAfrika (NNY iphepha lama-96).
- Babonise eminye iimifanekiso yomsebenzi wamaso, ilaphu laseAfrika, izindlu zamaNdebele ezipeyintiweyo, njl. njl. Ukuba uyakwazi, babonise ondoqo bezinto.
- Babonise indlela eziphandaphindwe ngayo iipatheni, oko kuthetha izinto ezinye zepatheni (imibala okanye iimilo) zibonwa ngokuphindwayo.
- Jonga: https://www.ckjs.org.uk/Home_Learning/Year_3/Summer_Term/Week_6_1st_June/Art_Presentation.pdf

Umsebenzi (ipensile kunye nephepha)

- Songa iphepha elingange-A4 libe yimicwe emine ethe tyaba.
- Usebenzisa ipensile kunye nerula, linga uzobe uyilo lwepatheni ephindaphindiweyo kwibhlokhi nganye.
- Ibhlokhi nganye kumele ibenepatheni eyahlukileyo.
- Abafundi bakhethe eyona patheni bayithandayo, baze bayifake imibala besebenzisa iikoki okanye iikhrayoni zepensile ezibukhali.

Gcina umsebenzi ukhuselekile ukwenzela iveki ezayo.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

LWESITHATHU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Abantu abadala obaziyo

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani


- **Cinga:** Ngubani oyena mntu omdala omaziyo? Uza kubabuza ntoni kudliwano-ndlebe ngobomi babo bakudala?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

IZANDI

Fundisa izandi u-ndlw

IPH 101

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Iinyanga (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 92

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

IPH 86–91

15 imiz



Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluza:

umfanekiso-ngqondweni	eyomlingo	ithemba	ukuduma/ indumas	ukuthandwa

Ukufunda notitshala

- Phinda ufunde ibali **kunye** nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY njengoko ufunda.
- Bakrwelela umgca okanye babiyele igama elitsha ngalinye.


Abafundi bacwangcisa oonotsheluza ngokokulandelelana kwealfabhethi.

UKUBHALA

Isigama

IPH 102

15 imiz



IOrali

- Jonga umsebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY. Jonga uze ukorekishe.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluza besigama kudonga lwamagama.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Iimoto mandulo nangoku*

IPH 103
30 imiz


UMHLA
Iimoto mandulo nangoku
Iimoto zokugala zazingenazo ifestile okanye iingcango. Maxa wambi zazibo nomavili amathathu kuphela! Zazidla ngokusebenzisa umphunga okuze zihambe. Kwakuthatha iiveshe elide ukwenza imoto, yaye yayixabisa kakhulu.
UHenry Ford wagalisa umzi-mveliso weemoto eMelika. Wayefuna bonke abantu bakwazi ukuthenga iimoto. Iimoto zakhe zisebenziso ipetroli. Wazifaka ifestile ezinkulu ngaphambili kunye nendawo ebaniselo isantya sengwela semoto. Zazighubeka ngokukhululekileyo nalula. Kodwa wenza iimoto ezimnyama kuphela.
Eminye imizi-mveliso ehlabathini lonke yagalisa ukwenza iimoto ngeendlela ezahlukileyo. Iimoto zenziwa zatofotofo ngokumbi kwaye zikhuselekile zinamabhanti ezitulo neengxowa zomoya ezikhusela engozini. Kwaye zinemibala ehlukileyo.
Ngoku siyazi ukuba ukusebenzisa ipetroli kwiimoto akulunganga kakhulu kwimozulu. Ngoku abantu benza iimoto ezisebenzisa umbane. Ezi zingaba ziimoto zexesha elizayo.
1 Bhala malunga nento oyifundileyo ngeemoto zakudala.
2 Umsebenzi wasekhaya: Buza uyena mntu mdala umaziyo ngempahla yakhe yakudala.
IVEKI YESI-5 · LWESITHATHU · 103



ULWAZI OLUSISISEKO — Izihlangu zamandulo

Funda nize nixoxe
- Funda ulwazi kunye nemifanekiso.
- Xoxa ngeendidi ezahlukileyo zezihlangu ezibonisiweyo.

Bhala
- Abafundi bagqibezela umsebenzikwiNYY.
- Batshatisa iibhokisi ezinolwazi kunye nemifanekiso echanekileyo.

IPH 104
30 imiz


UMHLA
Izihlangu zamandulo
Tshatisa imifanekiso kunye nolwazi oluchanekileyo.
Iimbadada
Veldskoen
Iibhutsi
Iiteki
104 · IVEKI YESI-5 · LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA — Lungiselela umdlalo

Lungisa
- Phonononga udliwano-ndlebe abafundi abalenze nabantu abadala.
- Beyiklasi, abafundi babiza abanye babantu bebesenza udliwano-ndlebe nabo nokuba babaxelele ntoni.

Amaqela
- Abafundi basebenza ngamaqela azizithandathu.
- Baxoxa ngodliwano-ndlebe lwabo, baze bakhethe umsebenzi omnye abave ngawo, umz. kwakunjani ukukhwela uloliwe okanye ukuya ezivenkileni kudala.
- Bakhetha uluvo abanokulidlala/abanokulilinganisa (ubancede ukuba kuyadingeka).

30 imiz





EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

25 imiz





UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ukwenza udliwano-ndlebe nomntu omdala

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ubonisa njani ukuchubeka nentlonipho xa usenza udliwano-ndlebe nomntu omdala?
- **Ngababini:** Neqabane lakho thathani amathuba nidlala indawo yokucela ukwenza udliwano-ndlebe nomntu omdala.
- **Yabelana** neklasi (iqela elinye okanye amabini).
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.




IZANDI

Bhala izivakalisi

IPH 105

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Amanani (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 92

10 imiz




- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz



Yazisa isivakalisi

- Funda isivakalisi esisebhodini.
- Abafundi bakhangela baze bakrwelele umgcaisivakalisi kwisicatshulwa esikwiphepha lama-86–91.

Dibanisa izivakalisi

- Chonga uze ukrwelele umgca zonke izibizo *(itafile yokusebenzela)* kunye nezimelabizo kwizivakalisi.
- Hlaziya ukuba yintoni **isihlanganisi** okanye igama lokudibanisa.
- Hlaziya ukuba kutheni sisebenzisa izihlanganisi. (iphephisa uphindaphindo, zenza izivakalisi ezide, yenza umbhalo ubengochanekileyo).
- Xoxa ngokuba kutheni ngamanye amaxesha sisebenzisa izivakalisiezahluliweyo, okanye ezimfutshane (kulula ukuzifunda, zinceda ukuqonda).
- Sebenzisa iNYY uncede abafundi badibanise imizekelo yezivakalisi (ukuzitshatisa) baze bazohlule.



UKUBHALA

Ulwimi

IPH 106

15 imiz



Bhala

- Gqibezela iphepha leNYY.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 107
30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Iimpahla mandulo nangoku*


UMHLA

Iimpahla mandulo nangoku

Kudaladala, ngexesha abantu babephila ngokuzingela, iimpahla zabo zazisenziwa ngafele lwezilwanyana. Kule mihla iimfele zezilwanyana zinokuxutywa kwimisitho ekhethekileyo.

Bathi abantu bakukwazi ukwenza iilaphu, bagalisa ukuthunga iimpahlaezikhethekileyo. EAfrika, kwakusetyenziswa iilaphu eleziswe ngomgbaphu, nyengelaphu leKente. Kwezinye indawo kwakusetyenziswa iilaphu laboya nelesilika. Ezinye iimpahla zazisebenzisa iilaphu elinini.

Ekuhambeni kweminyaka, kuye kwaba lula ukuzihlamba iimpahla kwaye zihlala ngokukhululekileyo emzimbeni. Ngoku kukho omakhulu omalaphu ekukhethwa kuwo, amanye avela kwindalo amanye enziwe. Nyaka ngamnye amachule okuthunga ayila iindidi ezintsha zempahla esebenzisa amalaphu. UVirgil Ablah lichule lokuthunga iimpahla elaziwayo elisebenza eMelika. Uyila iimpahla ezithandwa kakhulu.

Ukwenza iimpahla okusisiko kulungile kwiplanethi ngoba zisebenzisa izixhobo ezinini. Imizi-mveliso yeempahla ikwangcolisa imilambo. Sifanele sizame ukuphinda sisebenzise okanye sirisayikilishe iimpahla zethu ngokutsha kunokuthenga ezintsha.

1 Bhala malunga nento oyifundileyo ngempahla yakudala.

2 Umsebenzi wasekhaya: Buza oyena mntu mdala umaziyo ngombane ngexesha lamandulo.

IVEKI YESI-5 · LWESINE · 107

ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphononongа umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (NYY iphepha lama-53)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa oonotsheluza beelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

imyuziyam
1. Izinto zakudala zifumaneka emyuziyam.
2. Ezinye iimyuziyam zinazo ezinye izinto njengezityalo, izilwanyana nezinambuzane.
3. Zonke iimyuziyam ziyafana nqwa.

umboniso
1. Izinto eziboniswa emyuziyam zibizwa ngoba yimiboniso.
2. Imiboniso ingabazizinto zokwenyani okanye imifanekiso.
3. Imiboniso yonke iyafana.

ulwazi
1. Ulwazi idla ngokuba lulwazi oluyinyani ngomntu okanye into.
2. Abantu bangakuxelela ulwazi.
3. Ulwazi luyabhalwa.

Uhlanganiso nesiNgesi: *museum* (imyuziyam), *exhibit* (umboniso), *information* (ulwazi)

EZOBUGCISA BEQONGA

Lungiselela umboniso womdlalo

30 imiz

Intshayelelo
- Khumbuza abafundi ngomsebenzi ebebxoxa ngawo izolo.

Ukuziqhelanisa
- Ngamaqela abafundi balungiselela umdlalo:
  - Khetha abadlali.
  - Bhala incoko.
  - Khangela okanye wenze izixhobo zomdlalo.
  - Ukuziqhelisa umdlalo.
- Baza kukwenza lo mdlalo kumsebenzi wovavanyo weveki yesi-6.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yintoni oyifamanise inomdla kakhulu kudliwano-ndlebe lwakho nomntu omdala?
- **Ngababini:** Yabelane neqabane lakho.
- **Yabelana:** neklasi.

IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

IPH 108

10 imiz




- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

UKUBHALA NGESANDLA

Amanani (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 92

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Yeyiphi eyona uyonwabele kakhulu? Ngoba?

Ukukorekisha

- Thatha iincwadi ubeke nje oonobumba abamele igama okanye ubhale inqaku ngeempendulo zabafundi.

UKUBHALA EYEDWA

Indlela yokwenza izihlangu

15 imiz

- Abafundi babhala umhlathi onemiyalelo ngokwenza izihlangu.
- Basebenzise iflowu tshati kwiNYY, iphepha lama-86 njengesikhokelo sesigama nendlela yokwenza.
- Izivakalisi ezimbini zokuqala uzinikiwe.
- Nqanda abafundi ngemizuzu emihlanu ngaphambi kokuba liphele ixesha.
- Bafundele iqabane labo abakubhalileyo.
- Xoxa: Yeyiphi oyiqonde lula? Umfanekiso okanye iteksi? (Akukho mpendulo echanekileyo.)
- **Khangela:** Imiyalelo ecacileyo enika ulwazi. Imiyalelo edlula izivakalisi ezikwiflowu tshati.

Indlela yokwenza izihlangu

Ukwenza izihlangu udinga ukusika ufele kuqala. Sebenzisa ipatheni nemela ebukhali. Ngoku ...

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 109
30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ukwenza umbane – kudala nangoku*



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi yeveki ephelileyo kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1 Iphepha lomsebenzi 2, Iphepha lomsebenzi 39 Babephila njani abantu kudala, iphepha le-14 nele-15
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya iphepha lama-20 nelama-21.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



UPHONONONGO LWEVEKI KATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-6





Indlela ababephila ngayo abantu mandulo

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngeendindi ezahlukileyo zobugcisa baseAfrika bakudala kwaye baqonde into ezisixelela yona.
- Kumamela ibali likamakhulu ngobomi bakudala eMzantsi Afrika.
- Kucinga bathethe ngeyonanto indalaemakhayeni abo.
- Kubalisa ngoko sikuxelelwe ngumntu omdala.
- Kubhala ibali labongento yakudala.
- Kuqhubeka nomsebenzi wezihlanganisi kunye nokudibanisi izivakalisi.
- Kusebenzisa inkqubo yeteknoloji ukwenza izihlangu.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	umfanekiso-ngqondwen	eyomlingo	ithemba	ukuduma/indumasi	ukuthandwa
	imaginary	*magic*	*hope*	*famous*	*popular*

Isigama seZakhono zoBomi	phanda	yila	vavanya
	investigate	*design*	*test*

Izivakalisi

Wasika ufele olutsha waze walushiya phezu kwetafile yakhe yokusebenza.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Amakhadibhodi (amakhadibhodi amile okwamazinki) ukwenza izihlangu
- Isikere, iglu, ipeyinti, njl. njl.
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Olusesikweni: Ubizelo, Ukubhala wedwa (Into yakudala), Ukubhala ngesandla, Amaxesha okuziqhelanisa notyibiliko, imisebenzi yoLwazi olusiSiseko

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Lwesibini–Lwesihlanu	Ukuphulaphula nokuthetha 1: Ukubonisa – Into yamandulo	IORALI	NT amaph 90, 92, 94
Lwesibini	Ukuphulaphula nokuthetha 2: Ukuphulaphula ngengqiqo – Izinto umakhulu wam awazixelelwa ngumakhulu wakhe	NYY iph 115	NT iph 90
Mvulo–Lwesibini	EzobuGcisa obubonwayo 1: Ipatheni yobugcisa baseAfrika	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT iph 89, 91
Lwesine	EzobuGcisa beqonga 1: Umdlalowamaqela	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT amaph 93, 95
Lwesihlanu	Ezemithambo 1: Imidlalo	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT iph 97

Izinto umakhulu wam awazixelelwa ngumakhulu wakhe

Utitshala ufunda eli bali ngoMvulo (Jonga iNT, iphepha lama-88).



Umakhulu wam undixelela izinto awazixelelwa ngumakhulu wakhe. Ndiyakuthanda ukummamela.

Umakhulu uthi ngokuya umakhulu wakhe wayemncinci, babengahlali kwizindlu zezitena. Babehlala kwizindlu ezintle nezironte ezenziwe ngengca. NgesiZulu ezizindlu zibizwa ngokuba *ngamaqhugwana*. Ezi zindlu kwakuhlaleka kamnandi kakhulu kuzo. Xa kushushu, zazipholile ngaphakathi. Xa kubandayo, zazifudumele ngaphakathi.

Ukwenza ezi zindlu abantu babeqala ngesakhelo esenziwe ngenkuni. Emva koko, bafakele ingca yokufulela engqindilili kwisakhelo. Usapho ngalunye lwalunezindlu zengca emakhayeni wabo. Indlu nganye yayinomnyango omncinci. Abantu babegoba xa bengena emnyango.

Umakhulu kamakhulu wam wakhumbula iinkomo zamaNguni zosapho. Iinkomo zamaNguni zahlukile kwiinkomo zesiqhelo. Zezona nkomo zintle emhlabeni. Isikhumba sazo ngumxube wombala omhlophe, omnyama nomdaka, kwaye inkomo nganye inepatheni eyahlukileyo kwisikhumba sayo. Utata kamakhulu wam wayeneenkomo ezininzi, kwaye wayesazi umbala wesikhumba senkomo nganye. Wayekuthanda ukuzibona zingena ebuhlanti emva kokuba bezisedlelweni zisidla ingca imini yonke. Inkomo zazilala ebuhlanti ebusuku.

Ngaphantsi kobuhlanti kwakukho umngxuma apho kwakugcinwa khona umbona owomileyo. Wawukhuselekile lo mngxuma ebusuku.

Umakhulu kamakhulu wakhumbula umama wakhe xa esila umqombothi kwiimbiza zodongwe esenzela abantu ukuba basele. Kodwa umqobhothi wakwaZulu wawukwasetyenziselwa enye into. Phulaphula ngononophelo ukuze uqonde.

Iintubi zizinambuzane ezifana neembovane ezinkulu kodwa iintubi zitya amagqabi kunye nezinti ngelixa iimbovane zona zitya ukutya okutyiwa ngabantu. Ngamanye amaxesha iintubi zazihlasela uthango. Zazifuna ukutya umbona owomileyo osemngxunyeni nengca yezindlu zengca. Ngoko, abantu kwafuneka bakhangele iindlela zokugxotha iintubi.

Ukunqanda iintubi zingatyi umbona owomileyo, umngxuma wawuvalwa ngesiciko esiqinileyo. Kwakungangeni nomoya. Xa zingenile iintubi, zazisifa ngoba zazingakwazi ukuphefumla.

Ukunqanda iintubi zingatyi izindlu zengca, abafazi babegalela umqombothi oshiyekileyo kwizindlu zengca. Iimbovane zazifika zizokutya iswekile esemqombothini. Iimbovane zazingazivumeli iintubi zidlule. Ngoko, iintubi zazingafikeleli kwizindlu zengca.

Umakhulu uthi abantu bakudala babekrelekrele kakhulu!


MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ubukhe wathetha okanye wachitha ixesha nomntu omdala ngale mpelaveki? Ufunde ntoni kuye?
- **Ngababini:** Chazela iqabane lakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo zempelaveki.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (*izinto emabeze nazo, iziganeko* ezikhethekileyo, njl. njl.).

Ubalungiselele uvavanyo lwangomso lokuphulaphula nokuthetha. Kumele bathethe nomntu omdala okanye bakhangele eyonanto indala emakhayeni wabo.




IZANDI

Hlaziya isandi u-ntyw

IPH 111

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi (ubhala ngokudibanisa)

IPH 110

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT IPH 87

15 imiz



Phambi kokufunda


- Wakhe umakhulu wakho wakuxelela ngezinto umakhulu wakhe awayezenza kudala?
- Mamela izinto umakhulu kamakhulu wam awandixelela zona ngobomi bakudala

Emva kokufunda

- Kutheni ukuze umakhulu athi babekrelekrele abantu bakudala?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 112
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Ukwenza izihlangu

Phanda

- Xelela abafundi bazakuthatha inxaxheba kwinkqubo yeteknoloji yokwenza izihlangu. Le nkuquba iqala **ngophando**, apho bafumana ulwazi kangangoko banako.
- Ngamaqela amancinci, abafundi bacinga ngokubaluleka kwezihlangu, iimpawu zazo kunye nezixhobo.
- Bagqibezela umsebenzi kwiNYY.

Yila

- Inyathelo elilandelayo kwinkqubo yeteknoloji kukuba abafundi bayile (design) isihlangu.
- Basebenze bebodwa kwaye bazobe uyilo (idizayni).

IPH 113
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO UVAVANYO 1

Iipatheni zaseAfrika eziphindaphindiweyo

Lungisa

- Thetha ngezinto ezimbini ezineepatheni ofunde ngazo kwiveki yes-5 – isitulo neBMW. Khumbuza abafundi ngepatheni ephindiweyo abayiyile kwiveki ephelileyo.

Umsebenzi (zoba)

- Abafundi bakhetha into abacinga ingabukeka intle xa inepatheni ephindiweyo.
- Nika iingcebiso, umz. indlu, isitya, imbiza, ijagi, njl. njl.
- Abafundi mabazobe into abayikhethileyo ephepheni elingenanto. Umzobo mawugcwalise iphepha. Bazoba ezabo iipatheni eziphindiweyo ngepensile.
- Gcina umsebenzi ukhuselekile uza kugqibezele ngomso.

30 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-147
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

30 imiz




LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

Into yamandulo

15 imiz



Bhala iziqalo zezivakalisi ebhodini. Zishiye kule veki nakwiveki ezayo (Iveki yesi-7). Zama ukwenza ithaba lokuba abafundi aba-5 ukuya kwaba-6 banikeze intetho yabo yonke imihla.

Yazisa umsebenzi wovavanyo

- Ukusukela ngomso, umfundi ngamnye uza kuthetha ngokufutshane ngexesha lovavanyo lokuthetha lweKota yesi-3.
- Funda iziqalo zezivakalisi uchaze ngabaphi abafundi amabakhethe isihloko. Unganika umzekelo wesihloko ngasinye.

Cinga, Ngababini

- **Cinga** ngento oza kuthetha ngayo.
- **Ngababini:** Ziqheliseni nentetho yenu:
- Xelela iqabane lakho into oza kuthetha ngayo nokuba uza kuthini.

Chaza into oza kube uyikhangela

- Intetho eyenziwe kakuhle (*indlela yokuma*, *uqhagamshelwano lwamehlo*, *ilizwi* elicacileyo nelivakalayo).
- Intshayelelo echanekileyo (*Ndizakuthetha nge ...*).
- Isihloko esinika umdla, unz. Inkcazelo echanekileyo yento /yayisetyenziselwa ntoni okanye ukuphinda ubalise into ecacileyo eyayibaliswe ngumntu omdala ngobomi bakudala.
- Ulwimi lweorali oluchanekileyo (igrama).
- Amagama anika umdla (*isigama*).

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10



IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 114
10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 110
10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.





UKUFUNDA NOTITSHALA KUNYE NOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

Funda ibali ngokuvakalayo

15 imiz


- Phinda ufunde ibali lokufunda ngokuvakalayo, Izinto umakhulu wam awazixelelwa ngumakhulu wakhe.
- Musa ukuma ucacise okanye ubuze imibuzo.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 2

Ukuphulaphula ngengqiqo

IPH 115
15 imiz



Bhala

- Gqibezela umsebenzi wovavanyo okwiphepha leNYY.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 5



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ileta yexesha eladlulayo – izinto zokubeka intloko*

IPH 116
30 imiz


UMHLA
Ileta yexesha eladlulayo – izinto zokubeka intloko
Ezinye izinto ezindala zifana neleta yexesha eladlulayo. Zisixelela ukuba ubomi baburyani kudala.
Kudalulwa kwindawo ezininzi zaseAfrika, abantu babengayisebenzisi imigamelelo xa belala. Babesebenzisa izinto zokubeka intloko ezenziwe ngamaplanga. Ezi zinto zokubeka intloko zintle zazigqithiselwa ngabazali ebantwaneni babo. Abantu bebesithi ukuba ulale kwizinto zokubeka intloko uza kuphupha ngezinyanya zakho. Uninzi lwezinto zokubeka intloko ngoku zikwindawo zolondolozo lwembali.
Ezi zinto zokubeka intloko zisixelela ntoni ngabantu bokudala?
Zisixelela ukuba kwakukho imithi eminingi kuba ezi zinto zokubeka intloko zazisenziwa ngamaplanga. Umzobo okwezi zinto zokubeka intloko usixelela ukuba abantu babenezishebo ezibukhali zokukrwela. Kuba ezi zinto zaziphakamile emhlabeni, oko kusixelela ukuba abantu babefuna iintloko zabo zibekude nomgangatho xa belele. Oku kusenokuba kwakusenzelwa ukuba izinambuzane zingabahluphi.
Ungathanda ukulala kwezi zinto zokubeka intloko izenziwe ngeplanga? Ngoba?
116 • IVEKI YESI-6 • LWESIBINI



ULWAZI OLUSISISEKO

Yenza izihlangu

IPH 117
30 imiz


UMHLA
Yenza izihlangu
Izinto ozidingayo:
Into omawuyenze:
IVEKI YESI-6 • LWESIBINI • 117

Lungisa

- Khumbuza abafundi ukuba balandela inkqubo yokwenza izihlangu ngenkunkuma: Benze uphando bacwangcisa, ngoku baza **kwenza** izihlangu.

Yenza

- Ngababini, abafundi bafunda inkqubo yokwenza izihlangu ngeebhokisi zamakhadibhodi.
- Bodwa baqalise ukwenza izihlangu zabo.
- Bavumele babonise ubuchule babo kwaye baziqhelanise nenkqubo ezakuhambelana noyilo lwabo kunye nezixhobo ezikhoyo.

Gcina izihlangu endaweni ekhuselekileyo nigqibezele ngelinye ixesha.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO UVAVANYO 1

30 imiz



Ipatheni ephindiweyo (iyaqhubeka)

Umsebenzi (faka umbala okanye ipeyinti)

- Abafundi bafaka umbala kwipatheni esephepheni labo, besebenzisa iikhrayoni ezigqamileyo okanye ipeyinti.
- Basika into yabo baze bayincamathisele kwiphepha elingenanto, elimnyama, okanye bafakela umbala omnyama kwindawo engasemva ephepheni labo ukwenzela ipatheni ibonakale.

Xhoma uze uxoxe

- Abafundi bachaza ukuba ipatheni iyenza kanjani into ibukeke intle kwaye ibeluncedo.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-147
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela inkqubo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

LWESITHATHU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

15 imiz



Into yamandulo (iyaqhubeka)

Ukubonisa
- Hlola abafundi abathile namhlanje.
- Qala ngabafundi abazithembileyo.

Ukukorekisha: Jonga iph le-138
Amanqaku: 10

IZANDI — Hlaziya isandi u-nts

IPH 118
10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi (ukubhala ngokudibanisa)


IPH 110
10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA — Ukuphononongo isigama nolwimi

15 imiz



Isigama (NYY iphepha le-102)
- Funda oonotsheluza beveki ephelileyo:

umfanekiso-ngqondweni	eyomlingo	ithemba	ukuduma/ indumasi	ukuthandwa

Umsebenzi wesivakalisi (NYY iphepha le-106)
- Bhala izivakalisi esidityaniswe ngokuchanekileyo ebhodini.
- Abafundi bajonga ezabo izivakalisi.
- Abafundi bafundela iqabane labo izivakalisi zabo.

UKUBHALA — Uhlanganiso nesiNgesi

IPH 119
15 imiz



Isigama
- Ncokola ngendlela yokubiza amagama oonotsheluza ngesiNgesi. Guqula unotsheluza ngamnye ubize igama ngesiNgesi:

imaginary (umfanekiso-ngqondwen)	*magic* (eyomlingo)	*hope* (ithemba)	*famous* (ukuduma/ indumasi)	*famous* (ukuthandwa)

Isivakalisi
- Xoxa ukuvakalisa izivakalisi ezizintloko zokuqala ngesi Ngesi
- Nika amagama achaza amagama esiNgesi u-*leather* (ufele) no-*worktable* (itafile yokusebenzela).
- Yahlula isivakalisi kabini.
- Fundisa igama lesiNgesi u-and (conjunction/isihlanganisi).
  - IsiNgesi: *He cut out the new leather* ***/ and*** *left it on his worktable.* (Wasika ufele olutsha / **waze** walushiya phezu kwetafile yakhe yokusebenza.)

Ukubhala
- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.
- Jongani nize nikorekishe iimpendulo niyiklasi.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 120
30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ileta yexesha eladlulayo – iiBenin Bronzes*


UMHLA
Ileta yexesha eladlulayo – iiBenin Bronzes

ULWAZI OLUSISISEKO

Ziye zasebenza izihlangu zakho?


IPH 121
30 imiz

Funda nize nixoxe

- Khumbuza abafundi ngezigaba zenkqubo yeteknoloji.
- Chaza ukuba baza **kuhlola bavavanye**, kwaye **bathethe** ngezihlangu zabo.
- Funda icandelo ngokuhlola izihlangu (Umbuzo 1).
- Funda icandelo ngenkqubo yokuvavanya (Umbuzo 2 no 3).
- Funda icandelo ngokuthetha ngenkqubo (Umbuzo 4).

Bhala

- Abafundi baphendula imibuzo kwiphepha leNYY.


UMHLA
Cinga ngesihlangu sakho
Phendula imibuzo malunga nezihlangu ozenzileyo.

EZOBUGCISA BEQONGA UVAVANYO 1

30 imiz

Linganisa umboniso womdlalo wamandulo

Linganisa

- Isiqingatha samaqela silinganisa umdlalo wabo eklasini.

Vavanya

- Khuthaza ukuphawula okulungileyo emva kokulinganisa.
- Phawula ngabalinganiswa, incoko yababini, izixhobo nesenzo.



Ukukorekisha: Jonga iph le-148
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

15 imiz



Into yamandulo (iyaqhubeka)

Ukulinganisa

- Hlola iqela elilandelayo labafundi.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10

IZANDI — Ukuziqhelanisa

IPH 122
10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

IPH 110
10 imiz


Izivakalisi (ukubhala ngokudibanisa)



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA — Ukuziqhelanisa notyibiliko

IPH 123
15 imiz



- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa litshintshiselana nelinye.
- Babekele ixesha lokufunda (1 umz emnye) Bhala inani le migca ayifundileyo. Phinda.

Impendulo

- Funda isicatshulwa nabafundi.
- Abafundi babiyela amagama abangawafundi ngokuchanekieyo.
- Bakhuthaze ukuba baziqhelanise ukufunda isicatshulwa ekhaya.

UKUBHALA NOTITSHALA — Into yamandulo

15 imiz

Into yamandulo
Eyona nto indala ekhaya okanye Into u .... awandixelela yona ngobomi bakudala.

- Thetha ngonikezelo lweorali iklasi eluve kule veki (ngentetho yeorali iklasi eyive kwiveki ephelileyo.) Yenza uluhlu (uludwe) lwezinto abafundi abathethe ngazo ukuzokutsho ngoku (ukuthi ga). Ketha enye enizokubhala ngayo notitshala eklasini.
- **Izinto onokugxininisa kuzo:** Sebenzisa izivakalisi ezidibeneyo nezihlanganisi (nxulumanisa nolwimi), ixehsa lentetho elifanayo, intetho echazwayo (ukuba ubhala ngento umakhulu ayithethileyo), isichazi esichanekileyo (inkcazelo yento yakudala), iinkcukacha ezinomdla ezenza umbhalo ibengowakho *(imfonomfono zazimnyama nedayile yamanani (number dial)*).

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ileta yexesha eladlulayo – umsebenzi wamaso wakudala*

IPH 124

30 imiz


UMHLA

Ileta yexesha eladlulayo
- umsebenzi wamaso wakudala

AbaThwa ababehlala eMzantsi Afrika kudala babesebenzisa amaso ukwenza ubucwebe. Amaso ayesenziwa ngamaqokobhe amaqanda enziniba. Emva kwexesha, abantu babesenza amaso ngamatye amancinane, udongwe okanye ithambo. Emva koko, abanhwebi abavela kwamanye amazwe beza namaso eglasi eMzantsi Afrika. Ingawaya enye yamaso iwabisa inkomo. Amaso enjiwa aba yimpahla entle nobucwebe. Ayenxitywa ngamadoda namabhinqa kwimibhiyozo ekhethekileyo, enjengemitshato.

Ingaba amaso akudala asixelela ntoni ngabantu bakudala?

Imisebenzi yamaso yakudala isixelela ukuba abantu bakudala babesenza amaso ngezinto zendalo. Izinto ezenziweyo zibonisa ukuba abantu babekwazi ukuyila baze benze ipotheni ezintle ngamaso. Xa sibona izinto ezenziwe ngamaso eglasi, siyabazi abantu belo xesha babenhweba namanye amazwe. Oku kunika umdla ngoba kwakungaphambi kokuba sibe neemoto, oololiwe okanye iinqwelo-moya.

1. Zoba intsimbi yamqala onokuyenza ngamaso.
2. Sebenzisa isangga ukubonisa iliso ngalinye.

124 • IVEKI YESI-6 • LWESINE

ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphononongа umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha lama-95)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa unotsheluza weelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

phanda
1. Ukuphanda kukufumanisa ngento.
2. Uphanda into ngoba wazi yonke into ngayo.
3. Uphanda xa ufuna ulwazi olungakumbi.

yila
1. Ukuyila into kukuyahlula ibe zingceba.
2. Enye indlela yokuyila into kukuzoba umfanekiso wale nto uyifunayo.
3. Enye indlela yokuyila into kukwenza imodeli encinci yale nto uyifunayo.

hlola
1. Ukuhlola kukujonga ukuba iyasebenza okanye ayisebenzi.
2. Ukuhlola kukuzama into ethile.
3. Siyihlola into ukuze sifumane amanqaku.

Uhlanganiso nesiNgesi: *investigate* (phanda), *design* (yila), *test* (hlola)

EZOBUGCISA BEQONGA UVAVANYO 1

30 imiz

Linganisa umboniso womdlalo wamandulo (kuyaqhubeka)

Linganisa
- Isiqingatha seqela silinganisa umdlalo wabo eklasini.

Vavanya
- Khuthaza ukuphawula okulungileyo emva kokulinganisa.
- Phawula ngabalinganiswa, incoko yababini, izixhobo, isenzo.



Ukukorekisha: Jonga iph le-148
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphononoga iveki

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ufunde ntoni ngobomi bakudala kule veki?
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Yintoni oza kuyenza ngokwahlukileyo xa uthetha nomntu omdala?

IZANDI

Ubizelo

IPH 125

10 imiz



- Landela inkqubo yobizelo ekwiphepha lesi-8.

Amagama: intywenka uyantywizisa intsunguzi intsini iintsomi


Isivakalisi: Ubhuti untywile emanzini waphuma entywizisa.

UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi (ukubhala ngokudibanisa)

IPH 110

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Abafundi bafunde okanye bajongisane iimpendulo zabo.

Xoxa ngezicatshulwa

- Sesiphi esona sicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingabalukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?


Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokwenza umsebenzi. Ncoma umsebenzi wobugcisa omhle.

UKUBHALA EYEDWA

Into yamandulo

15 imiz



- Abafundi babhala ngento yakudala.
- Khumbuza abafundi ngokudibanisa izivakalisi kwiindawo ezenza ukubhala kubengcono.
- **Khangela** (ngokwesihloko esikhethiweyo): Ixesha elidlulileyo lisetyenziswe ngokuchanekileyo, intetho echazwayo (oko kuthethwe ngumakhulu), izichazi (inkcazelo yento), izivakalisiezidityanisiweyo kunye neenkcukacha ezinomdla, ukukhetha isihloko ngokuchanekileyo, ukubhala okuhambelanayo.

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ileta yexesha eladlulayo – iimbiza zodongwe*

IPH 126
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi iphepha lomsebenzi lama-41 Ingaba kwakumnandi ukuba ngumntwana ngexesha lakudala? iphepha le-18 nele-19.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha lama-23 nelama-30.



EZEMITHAMBO UVAVANYO 1 Umdlalo

25 imiz

- Yenza umdlalo wamaqela onemithetho ecacileyo, umz. ibhola ekhatywayo yabancinci, ivolibholi okanye umdlalo webhola yomnyazi – kuza kuxhomekeka kwizixhobo ezikhoyo.
- Chaza imithetho yomdlalo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amabini.
- Dlala umdlalo.
- Qwalasele uze ubhale phantsi amanqaku.



Ukukorekisa:
Jonga iph le-149
Amanqaku: 5

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.



Emajukujukwini

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kumamela ulwazi malunga namajukujuku kunye nenkqubo yesola/isijikelezi-langa *(solar system).*
- Kufunda kwaye baqonde ngebali lentombazana eya eyangeni.
- Kufunda baphinde baphendule ngesisicatshulwa ngasinye malunga nezilwanyana, abantu, iisathelayithi kunye nenkunkuma yasemajukujukwini.
- Kubhala ngephupha.
- Kuhlela iimpawu zeeplanethi.
- Kuqhubeka besebenza ngezihlanganisi kunye nezivakalisi ezimbaxa.
- Kwakha into yokujingisa *(mobile)* yenkqubo yesola.
- Kwenza izivakalisi zentshukumo ngomxholo wamajukujuku.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	uMhlaba	zidada	iceba	benze ngathi	itotshi
	Earth	*floating*	*crescent*	*pretend*	*torch*

Isigama seZakhono zoBomi	emajukujukwini	inkqubo yesola	iiplanethi
	space	*solar system*	*planets*

Isivakalisi

Wathi uMhlaba ukwayibhola elilityе edada emajukujukwini, kodwa umkhulu kakhulu kunenyanga.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Izixhobo zokwenza into yokujingisa *(mobile)* – ikhadibhodi elilahliweyo, isikere, iimilo zokutreyisa imizobo, ipeyinti/iikhrayoni, umtya obhityileyo/iwulu okanye intambo yokuloba, umfundi ngamnye aze nesebe okanye uluthi lwemodeli yabo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi
- Ulwazi olubanzi malunga neemilo zobugcisa: https://lilliangray.co.za/7-elements-of-art-shape/

UVAVANYO


Qokelela iincwadi uze uzikorekishe: Isigama, Ulwimi, Ukubhala (Ibali lobuchule)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Lwesibini–Lw esine (iyaqhubeka ukusukela kwiveki yesi-6)	Ukuphulaphula nokuthetha 1: Ukubonisa – Into yamandulo	IORALI	NT amaph 102, 104, 106
Lwesibini	Izandi 1: Gqibezela izivakalisi	NYY NT 139	NT iph 102
Lwesibini	Ukufunda 1: Ukufunda ngengqiqo	NYY NT 140	NT iph 102
Lwesithathu	ULwazi olusiSiseko 1: Ndiyeyiphi iplanethi?	NYY NT 147	NT iph 105

Emajukujukwini

Molweni bahloli bamajukujuku beBanga lesi-3!




Ubusazi ukuba amajukujuku yindawo yonke esemoyeni nengaphaya komoya *(atmosphere)* ongqonge uMhlaba? Yindawo enkulu egcwele iinkwenkwezi, iinyanga, iiplanethi, iintshakatsholo *(comets)* nezinto ezininzi! Khawufane ucinge, makhulu kangangokuba iinzululwazi zisafumanisa izinto ezintsha yonke imihla!

Umphakathi wenkqubo yesola yethu lilanga. Ilanga yibhola enkulu yegesi eshushu enikeza ukukhanya nobushushu kuzo zonke iiplanethi ezilijikelezayo.



Iplanethi yethu, uMhlaba, yenye yeziplanethi kwaye sihlala kuwo. UMhlaba ukhethekile ngoba unomoya, amanzi kunye nomhlaba – izinto ezivumela ukuba kubekho ubomi!



Inyanga ijikeleza uMhlaba. Uyibona kakhulu kwisibhakabhaka sasebusuku. Inyanga yethu inegalelo elikhulu kwiplanethi yethu, njengoko umxhuzulane wayo ubangelaamaza kumalwandle.



Kukho iiplanethi ezisibhozo kwinkqubo yesola yethu: uMetyhuri, uVinasi, uMhlaba, uMazi, uJupitha, uSatheni, uYurenasi, kunye noNeptyhuni. Iplanethi nganye yahlukile kwaye ifana yodwa. Umzekelo, uJupitha yeyona planethi inkulu kwaye ineenyanga ezininzi, ngelixa uVinasi yena esaziwa ngobushushu ngenxa yomoya wayo ongqindilili kunye neentaba-mlilo.

Wakhe wayibona intshakatsholo *(comet)*? Intshakatsholo yibhola enkulu yomkhenkce, uthuli kunye negesi ehamba emajukujukwini. Xa isondela elangeni, umkhenkce uyanyibilika wenze umsila ogqamileyo obonakala naseMhlabeni. Iintshakatsholo zingajongeka njengenkwenkwezi egqamileyo enomsila omde emva kwayo, kwaye zidla ngokubizwa ngokuba "zibhola zekhephu ezimdaka *(dirty snow balls)*". Zingakhangeleka zintle kakhulu kwaye zisinceda sifunde banzi ngendalo iphela.



Wakhe wazibuza ukuba kunganjani ukuya emajukujukwini? Oosomajukujuku ngabantu abahamba-hamba emajukujukwini kwaye basebenzisa izithuthi ezikhethekileyo ezibizwa ngokuba ziziphekepheke ukuya khona. Banxiba iisuti ezikhethekileyo ezibizwa ngokuba ziisuti zasemajukujukwini ukubakhusela kwiingozi zasemajukujukwini, ezinjengokungabikho komoya kunye namaqondo obushushu atshisa kakhulu nawona abandayo.

Amajukujuku azele zizinto ezimangalisayo ezinofunyaniswa nokuhlolwa. Qhubeka ukufunda ngamajukujuku, mhlawumbi nawe ngenye imini ungangusomajukujuku!

MVULO

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba uneendaba ezikhethekileyo? Wenze ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngeendaba zakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo zempelaveki.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (*izinto emabeze nazo/amabakufundela uvavanyo, njl. njl.*).

IZANDI

Hlaziya izandi u-ndy no-dy

IPH 135

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa

IPH 134

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 99

15 imiz



Phambi kokufunda

- Sibona ntoni esibhakabhakeni emini? Ebusuku?
- Ungandixelela ukuba kutheni kukhanya emini ze kube mnyama ebusuku?
- Uyakhumbulaindlela uMhlaba uwujikeleza ngayo ilanga? Sikubiza ngokuba yintoni oku? (*ukuzunguleza/jikeleza (revolve)*).
- Uyakhumbula indlela inyanga iwujikeleza ngayo uMhlaba? Sikubiza ngokuba yintoni oku? (*ukujikeleza (rotate)*)


Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Kuphi emajukujukwini?
- Ingaba inkqubo yethu yesola ngamajukujuku ewonke?
- Zingaphi iiplanethi ezikwinkqubo yesola yethu?
- Ungathanda ukuya emajukujukwini?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 136
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Emajukujukwini

Yazisa umxholo
- Uyakonwabela ukufunda ngezinto ezikude – njengasemajukujukwini? Ngoba?

Cinga, Ngababini, Yabelanani
- **Cinga:** Wazi ntoni ngamajukujuku?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF
- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngayo ngamajukujuku kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

IPH 137
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Iimilo kwezobugcisa

Ukuphokononga
- Khumbuza abafundi ngezinye zezinto zobugcisa esebezifundile ukuzokutsho ngoku: ulingano-macala, ungqinelwano, iindawo zokugxila, umbala.

Funda ngemilo
- Imilo yenye yezinto zobugcisa.
- Imilo ngumgca odibana apho uqale khona.
- Iimilo zingaba zezejiyometri okanye ezendalo.
- Iimilo zithe tyaba okanye zinamacala amabini. Amagcisa azenza zibengathi zezenyani ngokufaka imibala nezithunzi.

Ngababini
- Jongisisa umzobo kwiphepha leNYY uze uchonge iimilo.

Ingxoxo yeklasi
- Funda iphepha lonke kunye neklasi.
- Xoxani ngeemilo ezahlukileyo abanokuzibona emajukujukwini, kwaye ingaba zezejiyometri okanye zezendalo.

Yenza
- Abafundi mabazobe iimilo abanokuzibona emajukujukwini, umz iinkwenkwezi, izangqa, amaceba enyanga, iimilo ezingamajikojiko, njl. njl.

IPH 138
30 imiz





EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

30 imiz



LWESIBINI

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

15 imiz



Into yamandulo (iyaqhubeka)

Ukubonisa
- Kufuneka uphinde ubabhalale isiqalo zezivakalisi ebhodini.
- Khumbuza abafundi ngekhrayitheriya yokukorekisha.
- Hlola iqela elilandelayo labafundi.

Ukukorekisha: Jonga iph le-138
Amanqaku: 10

PHONICS ASSESSMENT 1 Write words

IPH 139
10 imiz



Gqibezela izivakalisi
- Biza amagama ezandi amathandathu: **izandyondyo**, **ingxwelerha**, **ziyantyiloza**, **indyandya**, **ngcwele**, **banjwa**
- Abafundi mababhale amaga kwizithuba ezihambelanayo kwiphepha leNYY.

Fakela oonobumba abashiyiweyo
- Abafundi bagqibezela izivakalisi ngokufakela amagama ashiyiweyo.


Ukukorekisha: Jonga iph le-139
Amanqaku: 10

UKUBHALA NGESANDLA

IPH 134
10 imiz

Amagama abhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ukufunda ngengqiqo

IPH 86–91
15 imiz



Phambi kokufunda
- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko.
- Nika injongo yokufunda: UMandisa ligama lentombazana. Masibone kwenzeke ntoni kuMandisa.

Ukufunda notitshala
- Funda ibali nabafundi.
- Yima uchaze nawaphi na amagama amatsha okanye imixholo.

- Yima xa kuphela iphepha ngalinye uze ufunde umbuzo wengxoxo. Khetha abafundi abambalwa baphendule (1 umz kumbuzo ngamnye).

Emva kokufunda
- Ucinga uhambo lukaMandisa ibiliphupha? Kutheni usitsho?

UKUFUNDA UVAVANYO 1

Ukufunda ngengqiqo

IPH 140
10 imiz



Imibuzo
- Funda imibuzo kube kanye.
- Hlaziya ifomathi yemibuzo Eyinyani neyoBuxoki.
- Baxelele abafundi ukuba lo ngumsebenzi wovavanyo.

Ukubhala
- Gqibezela umsebenzi kwiphepha leNYY.

Ukukorekisha: Jonga iph le-140
Amanqaku: 10



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Izilwanyana emajukujukwini*

IPH 141
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Isijikelezi-langa sethu/Inkqubo yesola yethu

Funda nize nixoxe

- Fundela abafundi isicatshulwa uphinde ufunde nabo.
- Xoxani ngabakwaziyo ngeeplanethi.
- Jongisisa imifanekiso yeeplanethi njengokuba bezakusebenzisa olulwazi kwezobuGcisa obubonwayo.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ucinga abantu bangahlala kwenye yeeplanethi? Kutheni usitsho?
- **Ngababini:** Chazela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

IPH 142–143
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza into yokujingisa (*mobile*) yenkqubo yesola

30 imiz



Ngababini

- Xelela abafundi ukuba zonke iiplanethi ziyijiyometri okanye zakhiwe iimilo.
- Abafundi babhekise kwiNYY, iphepha 142–143 baxoxe ngeeplanethi nobukhulu bazo xa uzithelekisa, umz uMetyhuri yeyona incinci, uJupitha yeyona inkulu.

Umsebenzi (ipensile ephepheni)

- Abafundi mabazobe izangqa ezimele iplanethi nganye ekhadibhodini. Sebenzisa ikhampasi, zoba ujikeleza iipleyiti kunye neziciko zebhotile okanye uzobe ngesandla. UMetyhuri kumele abenobubanzi obuzii-3 cm ukusuka embindini wesangqa, aze uJupitha abenobubanzi obuzii-15 cm ukusuka embindini wesangqa. Sika izangqa.

Gcina umsebenzi ukhuselekile ukuze ugqibezele kwiveki ezayo.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba bafumane kwaye baze nesebe okanye uluthi abazakuxhoma kuzo iiplanethi zabo ukwenza into yokujingisa *(mobile)*.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela inkqubo (umgaqo) yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

LWESITHATHU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

15 imiz




Into yamandulo (iyaqhubeka)

Ukubonisa
- Hlola iqela elilandelalayo labafundi.

Ukukorekisha: Jonga iph le-138
Amanqaku: 10

IZANDI — Hlaziya izandi u-rhw no-tshw

IPH 144
10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa

IPH 134
10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA — Isigama

IPH 128–133
15 imiz



Isigama
- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluza:

uMhlaba	zidada	iceba	benze ngathi	itotshi

Ukufunda notitshala
- Phinda ufunde isicatshulwa **kunye** nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Ngelixesha ufundayo abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY. Bakrwela umgca okanye babiyele igama elitsha ngalinye.
- Xaxani ngentsingiselo yegama ngalinye.
- Xoxani nangawaphi na amagama abafundi abangaqinisekanga ngawo.
- Yabela umqolo ngamnye wabafundi igama elinye. Abafundi kumqolo ngamnye mabacinge ngesivakalisi seorali besebenzisa elo gama. Mamela umfundi abe mnye kumqolo ngamnye.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluza ngokokulandelelana kwealfabhethi.

UKUBHALA — Isigama

IPH 145
15 imiz



IOrali
- Jonga imisebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala
- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY. Jonga uze ukorekishe.
- Fundela iqabane lakho isivakalisi sakho.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluza besigama kudonga lwamagama.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Abantu semajukujukwini*

IPH 146
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO UVAVANYO 1

Ndiyeyiphi iplanethi?

Funda nize nixoxe


- Xoxa ngefomathi yemibuzo:
  - Vala isithuba
  - Dwelisa ngokulandelelana
  - Izimvo zakho.

Ukubhala

- Abafundi baphendule imibuzo kwiphepha leNYY.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-146
Amanqaku: 15

IPH 147
30 imiz





EZOBUGCISA BEQONGA

30 imiz

Ukwenza izivaj kalisi zentshukumo: emajukujukwini

Intshayelelo

- Khumbuza abafundi ngabakwaziyo ngomzimba emajukujukwini, umz. ukungabikho komxhuzulane, ukudada, ukungabina bunzima.

Yenza

- Balisela abafundi ngebali lohambo oluya emajukujukwini, baze bashukume ngokufanelekileyo. Quka ezi ntshukumo: ukushukuma usiya macacala, ukujikeleza, ukugqampa, ukuxhumaxhumkubuya umva, njl.njl. Umzekelo: Ukugqabhuza kwerokethi eya emajukujukwini (goba amadola uze uxhume njengokuba ubala usihla emva, 10-9-8-7-6-5-4-3-2-1-GQABHUZA *(BLAST OFF)*); khulula isikhuseli-ntloko/ihelmethi uze uhambe ngokungathi ukwindawo enganamxhuzulane *(zero-gravity)*, dada, thatha longamanyathe axhumayo amakhulu; uze wenze umsebenzi kwisitishi sasemajukujukwini, uhamba kancinci; cambalala ulale uqhubeke adade, njl. njl.



Ukuzipholisa

- Abafundi mabavale amehlo wabo baze bacinge ukuba uMhlaba ukhangeleka kanjani xa usemajukujukwini. Ngokuzolileyo xelela iqabane lakho.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESINE

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

15 imiz



Into yamandulo (iyaqhubeka)

Ukubonisa
- Hlola iqela elilandelayo labafundi.

Ukukorekisha: Jonga iph le-138
Amanqaku: 10

IZANDI — Bhala izivakalisi

IPH 148
10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa


IPH 134
10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA — Ulwimi

15 imiz



Yazisa isihloko
- Bhala isivakalisi ebhodini.
- Funda isivakalisi nabafundi ngokuchotha.
- Abafundi mabakhangele isivakalisi ebalini.
- Bakrwelele okanye bafake umbala kwisivakalisi.

Sebenza ngesivakalisi
- Chonga izibizo kwisivakalisi. *(ibhola,* uMhlaba, emajukujukwini, *inyanga*)
- Sesiphi isichazi esisixelela lukhulu nge “bhola”?
- Sesiphi isibizo soqobo? Usibona ngantoni?
- Yingxelo okanye ngumbuzo lo? (*yingxelo*)
- Chonga esi **sihlanganisi** (kodwa).
- Yintoni umsebenzi **wesihlanganisi**? (ukudibanisa izivakalisi ezimfutshane ezimbini ukwenza isivakalisi eside.)
- Ukuba uyazohlula zibezizivakalisi ezimbini, ungazihlula njani?
- Funa **izivakalisi zibembini** ezinezihlanganisi ezahlukileyo kwiNYY, iphepha 128 (iphepha lokuqala lebali).
- Ngawaphi amagama amabini **esigama** akwesi sivakalisi? *(uMhlaba*, *edada*)

UKUBHALA — Ulwimi

IPH 149
15 imiz



Bhala
- Ngababini, yenzani izivakalisi ezimbaxa nisebenzisa itheyibhile. Yenzeni oku ngomlomo. Abanye abafundi bafundele iklasi izivakalisizabo.

Ngabanye
- Gqibezela iphepha leNYY.
- Abanye abafundi bafundela iqabane izivakalisi ngokuvakalayo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Iisathelayithi emajukujukwini*

IPH 150
30 imiz


UMHLA

Iisathelayithi emajukujukwini

Iisathelayithi ngaomatshini abathunyelwa emajukujukwini ukuze bajikeleze uMhlaba. Ezi sathelayithi zinenjongo.
Ezinye iisathelayithi zinceda ngonvibelelwano. Zinceda izitishi zaomabonakude, izitishi zikanomathotholo kunye neintanethi zifikelele kuwo wonke umhlaba. Ukuba wakhe wayibona inkqubo kamabonakude yelinye ilizwe, okanye waphanda ulwazi ngeintanethi, uncedwa yisathelayithi!
Isathelayithi zilowulwa zizitishi ezisemhlabeni. Zithunyelwa emajukujukwini ngeerokethi. Xa zijikeleza uMhlaba, ziyakujikeleza zijikeleze umhlaba kangangamawaka emnyaka.
Kukho phakathi kwama-12 000 kunye nama-20 000 eesathelayithi ezijikeleza umhlaba ngoku. Ngamanye amaxesha ungazibona zihamba ebusuku.

Bhala umhlathi molunga nenkqubo kamabonakude enomdla yelinye ilizwe okhe wayibukela.

150 • IVEKI YESI-7 • LWESINE



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphononongа umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-137)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa unotsheluza weelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

emajukujukwini
1. Amajukujuku yindawo yonke esemoyeni nengaphaya komoya ongqonge uMhlaba.
2. Iinzululwazi zazi yonke into emalunga nasemajukujukwini.
3. Ungaya emajukujukwini ngenqwelo-moya eqhelekileyo.

inkqubo yesola
1. Inkqubo yesola yethu iquka ilanga kunye neeplanethi ezisibhozo.
2. Oosomajukujuku sebehlole indawo ezithile zenkqubo yesola yethu.
3. Kukho inkqubo yesola enye emajukujukwini.

iplanethi
1. Iiplanethi zinkwenkwezi.
2. Iiplanethi ayizonkwenkwezi.
3. Inkqubo yesola yethu ineeplanethi ezisibhozo.

Uhlanganiso nesiNgesi: *space* (emajukujukwini), *solar system* (inkqubo yesola), *planet* (iplanethi)



EZOBUGCISA BEQONGA

30 imiz

Yenza izivakalisi zentshukumo: emajukujukwini (kuyaqhubeka)

Intshayelelo
- Phononongа ibali lwentshukumo lwemini edlulileyo.

Umsebenzi wamaqela
- Amaqela acwangcisa kwaye aziqhelanise nebali elifutshane ngohambo oluya emajukujukwini.
- Ibali labe kumele liquke ulandelelwaniso lwentshukumo noba singane iintshukumo.

Linganisa
- Ngamaqela, abafundi benzela iklasi ulandelelwaniso lweentshukumo.

Vavanya
- Phawula ngeentshukumo zeqela ngalinye.





EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.



LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enye enika umdla malunga nasemajukujukwini oyifunde kule veki.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Yintoni oyingxameleyo ngeveki ezayo.

IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

IPH 151

15 imiz




- Landela inkqubo yokufunda amagama ngexesha elibekiweyo ekwiphepha lesi-8.

UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa

IPH 134

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Ukuphononongo umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwisicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/ imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bazikorekishe.

Xoxa ngezicatshulwa

- Sesiphi esona sicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba ikhona into entsha oyifundileyo? Amagama amatsha?


Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

UKUBHALA

Iphupha lam

15 imiz



- Funda isihloko kunye nesiqalo sesivakalisi ebhodini.
- Vumela abafundi abambalwa batsho abazakubhala.
- Bangabhala ngephupha ebebenalo okanye baliqambe.
- Libali labo eli. Babhalela bona.
- **Khangela:** Ixesha elidlulileyo, ingcinga esengqondweni, ukuhlekisa okanye ukubalisa ngamaphupha abo

UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

IPH 152
30 imiz

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Inkunkuma yasemajukujukwini*



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz



Jonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 2 iphepha lomsebenzi lama-45 uMhlaba njengoko ubonwa emajukujukwini iphepha lama-26 nelama-27.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya iphepha lama-50 nelama-51.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela inkqubo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA


Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.







Emajukujukwini

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kumamela intsomi ngenkwenkwe eyabhabhela kufutshane nelanga.
- Kufunda, bajonge kwaye baphendule umsebenzi wobugcisa neefoto malunga nesibhakabhaka ebusuku.
- Kufunda banzi ngabahloli basemajukujukwini.
- Kucwangcisa kwaye babhale ibali ngephupha elisekelwe kwilibali lokufunda notitshala.
- Kuqhubeka nomsebenzi wezihlanganisi.
- Kushukumela umculo kumxholo wasemajukujukwini.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	uMhlaba	zidada	iceba	benze ngathi	itotshi
	Earth	*floating*	*crescent*	*pretend*	*torch*

Isigama seZakhono zoBomi	ukujikeleza	intshakasholo *(comet)*	usomajukujuku
	orbit	*comet*	*astronaut*

Isivakalisi

Wathi uMhlaba ukwayibhola elilityе edada emajukujukwini, kodwa umkhulu kakhulu kunenyanga.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Izixhobo zezobuGcisa
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zokubhalela zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekishe: Isigama nolwimi

Olungekho sesikweni: Ukuziqhelanisa notyibiliko

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Mvulo–Lwesihlanu	Ukufunda 2: IOrali Ukufunda ngokuvakalayo (FQ)*	IORALI	NT amaph 113, 115, 117, 119, 121
Lwesibini–Lwesihlanu	Ezemithambo 1: Ukuxhathisa	UMSEBENZI OWENZIWAYO	TG amaph 115, 117, 119, 121
Lwesithathu	ULwazi olusiSiseko 2: Ukufuna amanqaku ngohambo lwasemajukujukwini	NYY iph 165	NT iph 117
Thurs–Fri	Ukubhala 2: Ibali ngephupha	Incwadi yokubhalela	TG amaph 118, 120
Lwesihlanu	Ukubhala ngesandla 1: Ukubhala ngokudibanisa oonobumba abancinci nendlela yokubadibanisa	NYY iph 153	NT iph 120
Lwesihlanu	Izandi 2: Ubizelo	NYY iph 169	NT iph 120

* Uvavanyo lokufunda wedwa luzakwenziwa ngexesha lokuFunda ngamaQela. Iqela ngalinye lizakubanesifundo se-30 imizuzu.

Ubhabhela kufutshane nelanga



Ngaminazana ithile, mandulo, kwakukho umchweli, ogama linguDaedalus, nonyana wakhe ulcarus. Babehlala bodwa kwisiqithi esijikelezwe lulwandle olubanzi. Babefuna ukushiya isiqithi, kodwa kwakukude ukuba baqubhe ukuya komnye umhlaba.

Kwaze kwathi, ngenye imini, xa uDaedalus wayehambe ngaseliweni, ejonge ezantsi elwandle, ebona iintaka zolwandle zibhabha phezu kolwandle. Wacinga, "Ukuba besinamaphiko ngesibhabha phezu kolwandle siye kumhlaba owahlukileyo. Ndiza kuyila kwaye ndenze iimpiko zethu sobabini.

Waxelela unyana wakhe, ulcarus ngombono wakhe. "Kufuneka sigqogqe isiqithi sikhangela iintsiba eziwiswe ziintaka zolwandle. Ndizakusebenzisa amafutha *(wax)* ukuzidibanisa kunye ndenze amaphiko ethu." Ngoko ke bagqogqa isiqithi bekhangela iintsiba bade baneentsiba ezoneleyo ukwenza amaphiko amane.

UDaedalus ngononophelo wasebenzisa amafutha ukudibanisa iintsiba kunye, waze wenza amaphiko. Waze wabeka amaphiko amabini kulcarus amanye kuye. Ulcarus wayenemincili kodwa uDaedalus wamlumkisa, "Ungabhabheli phezulu kakhulu ngala maphiko. Enziwe ngamafutha kwaye amafutha ayakunyibilika ukuba usondela kakhulu elangeni."

Benxibe amaphiko, bobabini baya kwelona liwa liphezulu baze batsiba, bephephezelisa amaphiko abo. Ayesebenza kakuhle amaphiko, kungekudala babebhabha phezu kolwandle bobabini. Ulcarus wabanemincili waze waqala ukwenza amaqhinga emoyeni. "Ndifuna ukubhabhela phezulu ngaselangeni," wakhwaza watsho ulcarus. Wayesele elibele ngesilumkiso sikatata wakhe.

"Yima! Sukubhabhela phezulu!" wakhwaza watsho uDaedalus. Kodwa wayengamamelanga ulcarus. Wayezonwabele waye ebhabhela phezulu. Hayi ke, ungaqikelela ukuba kwenzeka ntoni. Amafutha ayesemaphikweni akhe aqala ukunyibilika, aze nawo amaphiko aqala ukohlukana. "Ndincedeni," wakhwaza ulcarus ngoloyiko olukhulu. Ngequbuliso ulcarus wayengakwazi ukubhabha. waze wawela ezantsi, watshona elwandle. UDaedalus wajonga nje elusizi engakwazi ukumnceda.

Ekugqqibeleni, ulcarus waqubha wabuyela esiqithini, wahlala khona yedwa, wabe uDaedalus yena ebhabhe waya kumhlaba omtsha.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Unazo iindaba ezikhethekileyo? Wenze ntoni kule mpelaveki?
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo zempelaveki.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (*ingakumbi uvavanyo*).



IZANDI

Hlaziya izandi u-ng no-ngw

IPH 154

10 imiz



- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa

IPH 153

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 111

15 imiz



Phambi kokufunda

- Ingaba bayakwazi ukubhabha abantu? Ingaba bayabhabha abantu emabalini nasemaphupheni?
- Nika ijongo yokuphulaphula: Mamela ibal elingemvelaphi (ibali lakudala) elingabantu ababini abakwazi ukubhabha.


Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda

- Ingaba yaba yintoni impazamo kalcarus?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.



UKUFUNDA UVAVANYO 2 Ukufunda wedwa (Iqela A)

Ukukorekisha: Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

- Sebenzisa ibali ebebelifunde notitshala kwiveki yoku-1. Uzakusebenzisa oku kuwo onke amaqela. Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 155
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO Oosomajukujuku

Funda nize nixoxe

- Fundani iphepha leNYY kunye.
- Xoxa ngezakhono usomajukujuku azidingayo, umz. ukusebenza nzima, ukuba krelekrele kwizibalo kunye nenzululwazi, ube sempilweni, ukwazi ukulungisa izinto, njl. njl.

Ukubhala

- Dwelisa izakhona kwiNYY.

IPH 156
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO Into yokujingisa yenkqubo yesola (iyaqhubeka)

Umsebenzi (ipeyinti okanye iikhrayoni)

- Abafundi babhekise kwimifanekiso yeeplanethi. Bangasebenzisa iNYY okanye benze uphando lwabo.
- Abafundi bafaka imibala kwiiplanethi besebenzisa ipeyinti okanye iikhrayoni. Kufuneka bafake ipeyinti okanye umbala macala omabini. Bafake nezinye izinto (iinkwenkwezi, iintshakatsholo, njl. njl.) ukuba liyavuma ixesha.

Gcina umsebenzi ukhuselekile uza kugqibezela ngomso.

30 imiz





EZEMITHAMBO UVAVANYO 2 Intshayelelo

Lungisa

- Khetha imisebenzi eyahlukileyo ibemine kwiphepha lama-25 yale veki, quka ezi zilandelayo kwisitishi soku-1, ezizakuhlolwa:

Ukuxhathisa

- Ukuhamba uyephambili uphinde ubuye umva ngenzwane nesithende, uxhathise.
- Xhathisa ukuhamba kwisiqobo/ipali enkulu okanye udonga olufutshane. Yehla ngamadolo ugobe amadolo.
- Izenzo zejimnastikhi: ukuma ngezandla okanye ukuma ngentloko uxhaswe liqabane.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane ale veki.

30 imiz



Yazisa izitishi zemisebenzi


- Bonisa isixhobo kwaye uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi badlale imisebenzi.

LWESINE

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Phinda ubalise ibali

15 imiz



- Ukuba uvavanyo lwakho loku-1 lokuPhulaphula nokuthetha alugqitywanga, sebenzisa izifundo zokuPhulaphula nokuthetha kule veki ukwenza lo nto.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ukuba ungalibalisa kanjani ngokufutshane ibali lokufunda ngokuvakalayo.
- **Ngababini:** Balisa inguqulelo emfutshane yebali. Tshintshisanani ngeendawo.
- **Yabelana:** Vumela umfundi abemnye okanye babebabini babelane neklasi ukuba liyavuma ixesha.

IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 157

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa

IPH 153

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA

Utyibiliko nokufunda ngengqiqo

IPH 128–133

15 imiz



Ukufunda notitshala

- Phinda ufunde nokuba ngamaphepha amabini ebali nabafundi.
- Bonisa **utyibiliko nemvakalelo** (qaphela iimpawu zokufunda, ubizo magama, imvakalelo, isantya esilungileyo).

Ukufunda ngababini

- Amaqabane afunda iphepha etshintshiselana eziqhelanisa nokufunda ngotyibiliko nangemvakalelo-zwi.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhamba-hamba okanye usebenzise eli xesha njengexesha lokunceda umfundi ngamnye.

UKUBHALA

Ingqiqo

IPH 158

15 imiz



- Esi sicatshulwa sokuphulaphula sisekelwe kwibali lokufunda ngokuvakalayo esithi, *Ubhabhela kufutshane nelanga*. Ngumsebenzi wokuvala isikhewu, ngokufakela ashiyiweyo. Ayingomsebenzi wovavanyo olusesikweni wamanqaku.

Xoxa ngomsebenzi

- Chaza ukuba esi sisishwankathelo sebali.
- Khetha igama elichanekileyo lesithuba ngasinye kodwa ulibhale ecaleni kwenani.
- Phawula amagama njengokuba uwasebenzisa.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiphepha leNYY.

Jonga uze ulungise.



UKUFUNDA UVAVANYO 2 — Ukufunda wedwa (Iqela B)

Ukukorekisha: Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

- Sebenzisa ibali ebebelifunde notitshala kwiveki yoku-1. Uzakusebenzisa oku kuwo onke amaqela ngokuqhubekeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ubusuku obuneenkwenkwezi*

IPH 159
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO — Abahloli bamajukujuku

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ngabaphi abahloli basemajukujukwini owakhe weva okanye wafunda ngabo?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho oko ukwaziyo.
- **Yabelana** neklasi.

Funda nize nixoxe

- Funda iphepha leNYY kunye neklasi.

Bhala

- Gqibezela itheyibhile ekwiNYY.
- Qaphela: Abafundi baza kubala iminyaka yabahloli ngolandela imihla.

IPH 160–161
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Into yokujingisa yenkqubo yesola (iyaqhubeka)

Gqibezela into yokujingisa

- Fakela umtya uxhome izangqa kumazinga ahlukileyo ukunikisa umdla.

Xhoma nize nixoxe

- Abafundi bacacisa ukuba kutheni bejingise iiplanethi zabo nezinye izinto zasemajukujukwini ngalo ndlela.

30 imiz





EZEMITHAMBO UVAVANYO 2 — Izitishi zemisebenzi

- Landela inkqubo (umgaqo) yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.
- Jonga abafundi kwisitishi soku-1 uze ubahlole.

25 imiz



Ukukorekisha: Jonga iph le-149
Amanqaku: 10

LWESITHATHU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz



Amaphupha wexesha elizayo

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Amaphupha angathetha into oyiphupha ebusuku, okanye into onqwenela ukuba yenzeke kwixesha elizayo. Namhlanje sizakukuthetha ngentsingiselo yesibini ngamaphupha. Unalo iphupha elikhethekileyo lwexesha elizayo?
- **Ngabaini:** Xelela iqabane lakho ngephupha lakho.
- **Yabelana** neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqwalaseleyo.

IZANDI

Hlaziya isandi u-ngc

IPH 162

10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa

IPH 153

10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA

Ukuphononongа Isigama nolwimi

15 imiz



Isigama (NYY iphepha le-145)

- Funda oonotsheluza beveki ephelileyo:

uMhlaba	benze ngathi	itotshi	zidada	iceba

- Abafundi bajonga baze balungise umsebenzi wesigama weveki ephelileyo kwiNYY.

Umsebenzi wezivakalisi (NYY iphepha le-149)

- Bhala izivakalisi ezichanekileyo ebhodini. Abafundi bajonge.
- Abafundi bafundela iqabane labo izivakalisi zabo.

UKUBHALA

Uhlanganiso nesiNgesi

IPH 163

15 imiz



Isigama

- Thetha ngendlela abizwa ngayo amagama oonotsheluza ngesiNgesi. Guqula unotsheluza ngamnye ufunde igama ngesiNgesi:

Earth (uMhlaba)	*floating* (zidada)	*crescent* (iceba)	*pretend* (benze ngathi)	*torch* (itotshi)

Isivakalisi

- Xoxa ngokubonisa isivakalisi esingudoqo ngesiNgesi.
- Kuqala qaphela amagama amabini esigama uze ubeke oonotsheluza ebhodini.
- Futhi nika amagama esiNgesi ka *inyanga (moon), emajukujukwini (space), ibhola elilitye (rocky ball).* Wabhale ebhodini. Yahlula isivakalisi kabini. Fundisa igama lesiNgesi u-***but*** (kodwa) ulibhale ebhodini: Funda isivakalisi sesiNgesi ngokuvakalayo: *She said that the* ***Earth*** *is also a rocky ball* ***floating*** *in space,* ***/ but*** *it is much bigger than the moon. (Wathi* ***uMhlaba*** *ukwayibhola elilitye* ***edada*** *emajukujukwini, /* ***kodwa*** *umkhulu kakhulu kunenyanga.)*

Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe niyiklasi.



UKUFUNDA UVAVANYO 2 — Ukufunda wedwa (Iqela C)

Ukukorekisha: Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

- Sebenzisa ibali ebebelifunde notitshala kwiveki yoku-1. Uzakusebenzisa oku kuwo onke amaqela ngokuqhubekeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- **Independent work:** *A fairy moon and a lonely shore*

IPH 164
30 imiz


UMHLA

Inyanga yentsomi kunye nonxweme olulilolo

Ayingomzobo longumkrolo weplanga. Oku kuthetha ukuba igcisa lisika iplanga libeyimile eliyifunaya. Emva koko, lapeyinto iplanga ngelinye, woza wagxinfisa umthi ephepheni. Kwakufuneka agxinfise iplanga ngalinye kwindawo efanelekileyo. Ngale ndlela, wayenakwenza imizobo eminingi ekhangeleka ngokufanayo.

Igama legcisa ngulHiroshige, wayevela eJapan. Umzobo ubonisa indoda ehamba ngaselunxwemeni lolwandle lwaseJapan ebusuku. Iphethe iemele ezimbini. Esibhakabhakeni kukho inyanga engagukuva, ephelelaya. Igcisa liyibiza ngokuba yinyanga yentsomi kuba ikhangeleka imangalisa. Akukho mntu wumbi kula mzobo, ngoko, le ndoda ikhangeleka iilolo.

Bhala umhlathi ngendoda esemfanekiseni. Sebenzisa umfanekiso-nggandweni wakho ukuchaza ...
- wapho iya khona
- into ekwiemele zayo
- kutheni eyedwa
- indlela emnceda ngayo inyanga.

164 • IVEKI YESI-8 • LWESITHATHU

ULWAZI OLUSISISEKO UVAVANYO 2

Ukufuna amanqaku ngohambo lwasemajukujukwini

IPH 165
30 imiz


UMHLA

Ukufuna amanqaku ngohambo lwasemajukujukwini

Khangela kwiNYY yakho iimpendulo zale mibuzo.

1 Gqibezela iimpendulo kwibhloko.

a Umntu wokugala emajukujukwini wayevela eFlashya. Igama lakhe ngu

b Umntu wokugala owahamba enyangeri wayesuka ngu

c Oyena mntu umncinci ukuya emajukujukwini yayingumthenkethi wasemajukujukwini. Igama lakhe ngu

d Sesiphi isilwangana ekwagala kwathunyelwa sona emajukujukwini ngesiphekepheke?

e Oosomajukujuku bamiba iimpahla zabo zesigelelo xa isiphekepheke sisiya emajukujukwini. Ewe okanye hayi?

f Ingaba bonke oosomajukujuku ngabaseNelika? Ewe okanye hayi?

2 Fakela amagama abahloli bamajukujuku nomhla ochanekileyo.

1961	Mae Jemison
1969	Yuri Gagarin
1983	Mark Shuttleworth
1980	Oliver Daeman
1992	Valentina Tereshkova
2002	Pham Tuam
2022	Neil Armstrong

IVEKI YESI-8 • LWESITHATHU • 165

Funda nize nixoxe
- Xelela abafundi ukuba lo ngumsebenzi wovavanyo.
- Bachazele ukuba iimpendulo zemibuzo zingafumaneka naphi na kwimisebenzi abayenzileyo ngokusemajukujukwini, okanye oko bakwaziyo.
- Fundela abafundi iimibuzo kwaye uyifunde nabo.

Bhala
- Abafundi mabagqibezele ukukhangela ulwazi oluyinyani ngoku jonga kwiNYY baphendule neemibuzo.

Ukukorekisha: Jonga iph le-146
Amanqaku: 15



EZOBUGCISA BEQONGA

Intshayelelo
- Zifudumeze ngukushuma ngokuchotha nokungathi ukwindawo engenamxhuzulane *(zero-gravity)*, uze ushukume ngokukhawuleza ngokungathi useMhlabeni.

Yenza
- Xelela abafundi bazakuphulaphula umculo baze bashukume ngokukhululekileyo, benze ngokungathi basemajukujukwini.

Ukushukumela umculo – emajukujukwini

30 imiz

- Abafundi bashukuma ngokukhululekileyo egumbini.
- Umculo ocetyisiweyo: Izandi zengoma, *Our Planet* https://www.youtube.com/watch?v=uhCtVtOyiW8&t=102s or any slow music.

Ukuzipholisa
- Pholisa umzimba: zolule ngokucothayo kwiindawo ezahlukileyo ngomculo ocothayo nokuthomalalisayo.





EZEMITHAMBO UVAVANYO 2

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.
- Jonga abafundi kwisitishi soku-1 uze ubahlole.

Ukukorekisha: Jonga iph le-149
Amanqaku: 5



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Umhlathi woku-I
Kanye xa XXX ekulungele ukulala, weva ... Wabona ... phandle kwendlu.

Ukulungiselela ukubhala: Ibali ngephupha

Intshayelelo
- Ngexesha lokubhala namhlanje sizakuqalisa uvavanyo lwethu lokuBhala. Uzakubhala ibali ngephupha njenge likaMandisa.

Cinga, Ngababini, Yabelanani
- **Cinga:** Cinga uza kuba ngubani umlinganiswa oyintloko kwibali lakho, kwaye bazakuthuthwa ngantoni.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho izimvo zakho.
- **Yabelana** neklasi.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 166
10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Amagama abhalwe ngokudibanisa

IPH 153
10 imiz




- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

IPH 167
15 imiz



Fundani isicatshulwa
- Kunye nabafundi yenzani isicatshulwa sibe ngamabinzana amafutshane.

Ukufunda ngababini
- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa betshintshiselana.
- Jonga/beka ixesha lokufunda (umz. 1 ngamnye).
- Bhala inani lemigca efundiweyo. Phinda.

Ingxelo
- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufunda emakhaya.



UKUBHALA UVAVANYO 2

Ibali ngephupha

15 imiz

Umhlathi woku-I
Kanye xa XXX eziva elungele ukulala, wava ..... Wabona ..... phandlekwendlu. Ilizwi lathi .....
Umhlathi wesi-2
Kwenzeka ntoni emva koko?

Xoxa ngomsebenzi
- Uzakubhala ibali usebenzisa isakhelo kuvavanyo lwakho.
- **Umhlathi woku-1:** Khetha igama lomlinganiswa wakho, indlela awayethuthwe ngayo (isiphekepheke, imoto ebhabhayo, ibhayisekile ebhabhayo, isiphekepheke), nokuba lathini ilizwi.
- Cinga kuqala uze ubhale umhlathi woku-1 encwadini yakho.

- **Cinga ngomhlathi wesi-2** ozakuwubhala ngomso. Cinga ukuba bayaphi (inyangaenyangeni, elangeni, kuMazi, kwinkwenkwezi) nabakubonileyo phaya.

Ukukorekisha: Jonga iph le-142
Amanqaku: 10



UKUFUNDA UVAVANYO 2 — Ukufunda wedwa (Iqela D)

Ukukorekisha: Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

- Sebenzisa ibali ebebelifunde notitshala kwiveki yoku-1. Uzakusebenzisa oku kuwo onke amaqela ngokuqhubekeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Obunye ubusuku ubuneenkwenkwezi*

IPH 168
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO — Ukuphononongа umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-137)
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi
- Phakamisa unotsheluza weelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

ukujikeleza
1. Indlela isiphekepheke esiyihambayo kwiplanethi okanye enyangeni.
2. UMhlaba ujikeleza inyanga.
3. Inyanga ijikeleza uMhlaba.

intshakatsholo (*comet*)
1. Iqhuma lelitye nomkhence elinomsila okhazimlayo.
2. Inkwenkwezi.
3. Into oyibonayo ngamanye amaxesha esibhakabhakeni sasebusuku.

usomajukujuku
1. Umntu oqeqeshelwe ukuba asebenze emajukujukwini.
2. Umntu obhatalayo ukuhamba ngesiphekepheke.
3. Umsebenzi womntu okukusebenza emajukujukwini.

Uhlanganiso nesiNgesi: *orbit* (ukujikeleza), *comet* (intshakatsholo), *astronaut* (usomajukujuku)



EZOBUGCISA BEQONGA — Ukushukumela umculo – emajukujukwini

30 imiz

Intshayelelo
- Xoxa ngezinto ezinokubonwa ngoosomajukujuku emajukujukwini, umz iiplanethi, inyanga, iinkwenkwezi, iintshakatsholo, iinkwenkwezi ezidubulayo, iziphekepheke, iisathelayithi, inkunkuma yasemajukujukwini, njl. njl.

Amaqela
- Abafundi mabakhethe into ibenye kwizinto abanokuzibona.
- Bacwangcise kwaye baziqhelanise nomdlalo omfutshane womdaniso obonisa ukuba baziva njani njengokuba bebona izinto – imincili, ukoyika, nendlela into ibukeleka kwaye ishukuma ngayo umz. ukujikeleza, iyakhawuleza okanye iyacotha, ukumenyezela, njl. njl.

Linganisa
- Iqela ngalinye liyadanisa ngelixa udlala umculo obudlalwe ngezolo.

Vavanya
- Iikhuthaze iqela ngalinye njengokuba belinganisa.



EZEMITHAMBO UVAVANYO 2 — Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.
- Jonga abafundi kwisitishi soku-1 uze ubahlole.



Ukukorekisha: Jonga iph le-149
Amanqaku: 5

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz




Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enye oyifundileyo ngawe kule veki malunga novavanyo, umz. waziva njani, wawuzi lungiselele kangakanani, njl. njl.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Yintoni ozakuyenza ngokwahlukileyo kwixesha elizayo?

IZANDI UVAVANYO 2 Ubizelo

IPH 169
10 imiz



- Follow the procedure for dictation on page 8.

Amagama:
ukurhweba isigqwathi amantyontyelo ungqengqile izandyondyo

Isivakalisi: UNtyontyo ungqengqe kwigubo erhwexayo.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-139
Amanqaku: 5


UKUBHALA NGESANDLA UVAVANYO 1

Ukukorekisha: Jonga iph le-141
Amanqaku: 5

Amagama abhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 153
10 imiz



UKUFUNDA Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz



Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bazikorekishe.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isichatshulwa osithande ngcono? Ngoba?
- Zikhona izinto namagama
- amatsha owafundileyo?

Ukukorekisha

- Beka unobumba wokuqala wegama, ubhale ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

UKUBHALA UVAVANYO 2

15 imiz

Ibali ngephupha (iyaqhubeka)

- Qubeka ubhala ibali lakho.
- **Umhlathi 2:** Cinga ukuba umlinganiswa wakho wayeyephi kwaye wabona ntoni apho. Lingayinyani okanye libiyingcinga esengqondweni.
- Bhala umhlathi encwadini yakho.
- **Umhlathi 3:** Cinga indlela ibali lakho eliphela ngayo. Ingaba liphele njenge likaMandisa(Wavuka, yayiliphupha) okanye ngenye indlela?
- Bhala umhlathi encwadini yakho.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-142
Amanqaku: 10

Umhlathi woku-I
Intshayelelo
Umhlathi wesi-2
Kwenzeke ntoniemva koko?
Umhlathi wesi-3
Liphele kanjani ibali?



UKUFUNDA UVAVANYO 2 Ukufunda wedwa (Iqela E)

Ukukorekisha: Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

- Sebenzisa ibali ebebelifunda notitshala kwiveki yoku-1. Uzakusebenzisa oku kuwo onke amaqela ngokuqhubekeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Iifoto zoMhlaba*

IPH 170
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

30 imiz



Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi yeveki ephelileyo kwincwadi yomsebenzi yeDBE. Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yomfundi yeZakhono zoBomi 2 iphepha lomsebenzi lama-47 Ukuya emajukujukwini, iphepha lama-30 nelama-31.
- Incwadi yomsebenzi yomfundi yoLwimi LwaseKhaya iphepha lama-54 nelama-55.



EZEMITHAMBO UVAVANYO 2 Izitishi zemisebenzi

25 imiz



- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.
- Jonga abafundi kwisitishi soku-1 uze ubahlole.

Ukukorekisha: Jonga iph le-149
Amanqaku: 5

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndzithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.







Okunye malunga nendlela ababephila ngayo abantu mandulo

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kwazi ngokubanzi ngendlela abantu ababephila ngayo mandulo.
- Kufunda ibali ngoomakhulu nabazukulwana abohlukileyo.
- Kuthelekisa amava abo.
- Kuthelekisa amava wesikolo “ngoku nakudala”. Kufunda imibhalo yedayari elula kakhulu kwaye babhale kwezabo idayari iveki enye.
- Kubonisa umdlalo wokufunda ngamaqela.
- Kuchonga kwaye baziqhelanise neempawu zolwimi ezinxulumene nokufunda umdlalo.
- Kuchonga iimpawu ezithile zemidlalo kwaye babhale incoko elula.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza IsiNgesi (emva kunotsheluza)

Isigama soLwimi	ubume bomdlalo	abalinganiswa	umboniso	umbalisi	imisebenzi yasekhaya
	play form	*scene*	*characters*	*narrator*	*chores*

Isigama seZakhono zoBomi	thelekisa	ukufana	ukwahluka
	compare	*same*	*different*

Isivakalisi

Nksk Ramlall: *Owu, kodwa kwakumnandi kakhulu ngoko!*
Qaphela: Kumsebenzi owenza wedwa kule veki, abafundi bazakubhala kwidayari yonke imihla.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Ikhadibhodi neEmagazini okanye iincwadana zentengiso, isikere, iglu zemisebenzi yezobuGcisa obubonwayo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekishe: Ukuziqhelanisa ukubhala ngesandla, ukubhala wedwa (incoko), umsebenzi wokufunda ngengqiqo, isigama nolwini

Olungekho sesikweni: Ukubhala kwidayari yonke imihla

Isikolo mandulo

Eli libali elabaliswa ngumakhulu malunga nexesha wayehamba isikolo.





Ndaqala isikolo ngonyaka we-1973 ndineminyaka esixhenxe. Ndandihlala ezilalini kwaye ngoko kwakungekho zikolo ezikhulu kufutshane. Sasifundela endlwini yecawe yasekuhlaleni. Le ndlu yayenziwe ngeepali nodaka. Phantsi kwakusindwe ngobulongwe benkomo. Rhoqo ngoLwezihlanu amantombazana ayesinda phantsi ngobulongwe obutsha ngaphambi kokuba baye emakhaya.




Kwakungekho manzi esikolweni, ngoko ke amantombazana ayehamba ayokukha amanzi emlanjeni rhoqo kusasa.



Igumbi lokufundela lalilincinci kakhulu, ngoko sasisiya esikolweni kusasa okanye emva kwemini. Utitshala wethu wathi abafundi abakrelekrele babefundiswa emva kwemini. Mna ndandingena isikolo kusasa.

Utitshala wam weBanga loku-1 wayendibiza ngokuba “ndilufudo” ngokuba ndandimfutshane kwaye ndiqumqumana kwaye ndisebenza ngokucothayo. Wayexelela bonke abafundi ukuba bandihleke aze andibethe ngoswazi xa ndingawugqibanga umsebenzi wam. Ndandingamthandi kwaphela utitshala wam!

Sasingenazo iidesika egumbini lethu lokufundela – kwakukho izitulo ezide zokuchopha. Ngamanye amaxesha sasiguqa phantsi sibhalele ezitulweni.



Sasibhala umsebenzi wethu kwisileyiti ngepensile yesileyiti. Ndanditsheza ipensile yam ematyeni phandle. Sasiphatha nebhotile encinci yamanzi nelaphu lokucima oko sikubhalileyo, silindele isifundo esilandelayo.

Utitshala wayenebhodi encinci emnyama ewayebhala kuyo ngetshokhwe. Yayixhaswe ngezitulo kwaye yayindala kwaye ikrwelekile. Ngamanye amaxesha kwakunzima ukubona oko akubhale ebhodini. Sasingenazo nezinjani iincwadi. Utitshala wayebhala ibali ebhodini size sifunde amagama awalathileyo. Xa sigqibile ukulifunda, wayelicima kwaye kwakufuneka siligcine engqondweni. Xa silifunde ngendlela engeyiyo, wayesiqumbela!



Xa sisenza iZibalo sasisebenzisa amatye nezinti ukusincenda ukubala. Xa ndiye emlanjeni ukundincedisa kumsebenzi wam ndandiqokelela amatye amancinci angqukuva.

Sasingenalo ixesha lokudlala esikolweni ngoba sasingena isikolo isiqingatha sosuku. Xa kuphuma isikolo, sasihamba ngenyawo kwaye sidlale emakhaya. Sasikuthanda kakhulu ukudlala isikolo.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba — 15 imiz

- Phambi kweendaba zempelaveki, chaza ukuba kule veki sizakuthetha ngokubanzi ngexesha lamandulo.

Iidayari

- Kumsebenzi owenza wedwa kule veki abafundi bazakufunda ngokubanzi ngokubhalwa kwedayari kaKhanya.
- Khumbuza abafundi ukuba yintoni idayari (ukubhala iziganeko, iingcinga, iimvakalelo, ingqwalasela).
- Chaza ukuba kutheni sibhala idayari (isinceda sikhumbule).

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo malunga nempelaveki? Into onokuyibhala kwidayari?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelana:**
  - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
  - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
  - Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (*izinto amabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.*).



IZANDI

Hlaziya izandi u-ana no-kazi — IPH 179 — 10 imiz

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.





UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa — IPH 178 — 10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.





UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo — NT IPH 123 — 15 imiz

Phambi kokufunda

- Yazisa ibali. Chaza ukuba eli libali elalibaliswa ngumakhulu malunga nokuba sasinjani kuye isikolo.
- Chaza ukuba eli bali liyinyani.
- Nika injongo ngokuphulaphula: Thelekisa ukuba zazohluke kanjani izinto mandulo esikolweni sikamakhulu nasesikolweni sakho ngoku?

Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda


- Wayefunda phi umakhulu?
- Babebenzisa ntoni abafundi ukubhala?
- Babenazo iincwadi zokufunda?
- Ubungathanda ukuya esikolweni sikamakhulu? Kutheni usitsho?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B



- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Idayari yemihla ngemihla*
- Chaza ukuba kule veki, kuzakufundwa idayari kaKhanya.
- Abafundi bazakubhala owabo umbhalo wedayari yonke mihla kwiincwadi zabo zokubhala.

IPH 180
30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Babephila njani abantu mandulo

Yazisa umxholo

- Sesifunde lukhulu ngendlela abantu ebabephila ngayo mandulo. Yintoni eyona nto owonwabele ukufunda ngayo?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wawunokuthanda ukuphila mandulo? Ngoba?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Ukubhala notitshala:
Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngayo ngobomi bamandulo kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into ibenye kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

IPH 181
30 imiz





EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Isakhelo somfanekiso esiyi-3D

Funda uze uxoxe

- Thetha **ngoburhabaxa *(texture)*** – into ongayiva ngezandla kwinto eyi-3D.
- Chaza ukuba abazobi bangenza inkohliso yoburhabaxa kumzobo okanye kumfanekiso, ngepeyinti eyahlukileyo okanye imigca yepensile kumfanekiso oyi-2D.
- Chaza umahluko phakathi kwento enamacala amabini (2D) – into ethe tyaba, nento enamacala amathathu (3D) – into onokuyibamba ngesandla.


- Abafundi babambe izinto ezinoburhabaxa obahlukileyo – izinto ezise gumbini lokufundela okanye izinto oza nazo eklasini, umz. izinto zodongwe ezikroliweyo, njl. njl.
- Funda uze uxoxe ngenkqubo yokwenza isakhelo somfanekiso esinoburhabaxa.

Yenza

- Abafundi mabaqale ukwenza izakhelo zabo zomfanakiso.

Isakhelo siza kwenziwa kwixesha leeveki ezimbini ezizayo, ngoko gcina zonke izinto zikhuselekile.

IPH 182
30 imiz





EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela inkqubo yezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-25.

30 min



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Incoko

15 imiz



- Thetha ngendlela yokulungiselela incoko, ngababini. Ngumdlalo omncinci. Incoko kumele ibenesizathu okanye injongo yokubonisa phambi kwabaphulaphuli.

Lungiselela incoko

- Namhlanje abafundi bazakwenza incoko ephakathi **komzukulwana nomakhulu/tatomkhulu**.
- Bangathetha ngezinto ezinomahluko kwezangoku nezakudala.
- Bonisa ngabafundi ababini (mabatshintshisane ngokuthetha; thetha ngokucacileyo).
- **Yabelana:** Ngemizuzu embalwa ngaphambi kokuba isifundo siphele, vumela abafundi abambalwa babelane ngababini.

IZANDI — Ukuziqhelanisa

IPH 183
10 imiz




- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

IPH 178
10 imiz



- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

UKUFUNDA NOTITSHALA — Ukufunda ngengqiqo

IPH 172–177
15 imiz



Phambi kokufunda

- Chaza ukuba kule veki, endaweni yebali okanye isicatshulwa esinika ulwazi, isicatshulwa esibhalwe **ngobume bomdlalo**.
- Jonga umdlalo. Ucwangciswe kanjani? (abalinganiswa, umboniso, intetho yabalinganiswa abohlukileyo, umsebenzi wombalisi)
- Ingaba iimpawu zokubhala ziyafana nezezivakalisi? (hayi, igama lomlinganiswa kulandele ikholoni).
- Tyhila amaphepha ekubhalwe kuwo umdlalo, uze ucacise ukusetyenziswa kwemibala (colour coding).

Ukufunda notitshala

- Funda umdlalo, funda bonke abalinganiswa ngokwakho. Abafundi bangangenelela.
- Khetha abafundi abathandathu abafunda ngcono. Nika umlinganiswa kumfundi ngamnye. Abafundi bafunda umdlalo bengabalinganiswa.

Emva kokufunda

- Ngowuphi oyena mlinganiswa omthande kakhulu? Ngoba?
- Cinga ukuba ngowophi umlinganiswa ongathanda ukuba nguye ukuba ungadlala lomdlalo?

UKUBHALA — Ukubhala ngengqiqo

IPH 184
15 imiz



Funda uze uxoxe ngemibuzo

- Ezinye iimpendulo zingehluka.
- Khuthaza iingcinga ezizezabo.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiphepha leNYY.

Jonga uze ulungise.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Idayari yemihla ngemihla*

IPH 185

30 imiz





ULWAZI OLUSISISEKO

Isikolo mandulo

Funda nize nixoxe


- Khumbuza abafundi ngebali lokufunda ngokuvakalayo malunga nokuya esikolweni mandulo.
- **Ngababini:** Umfanekiso ngamnye ukubonisa ntoni ngesikolo mandulo? Tshintshiselanani neqabane lakho ukuthetha ngemifanekiso.
- **Yabelana:** Khetha abafundi abambalwa babele iklasi ngeengcinga zabo ngemifanekiso.
